ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

URhulumente weNtshona Koloni

IVoti 13

INgxelo yoNyaka

2014/2015

Okuqulathiweyo

Okuqulathiweyo 2

Icandelo A 5

1. Iingcaciso ngokubanzi zeSebe 6
2. Izifinyezo 7
3. Intshayelelo 11
4. INgxelo yeGosa elinika iNgxelo 12
5. INgxelo yoXanduva nesiQinisekiso sokuChaneka 18
6. Isishwankathelo esicwangcisiweyo 19

6.1. Umbono 19

6.2. UMnqophiso 19

6.3. Indlela yokuziphatha 19

7. Amagunya ezomthetho namanye amagunya 19

7.1 Amagunya omgaqo-siseko 19

7.2 Amagunya ezomthetho 23

7.3 Amagunya omgaqo-nkqubo 27

Icandelo B 33

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: Iinjongo eziqinisekisiwe kwangaphambili 34
2. Uvavanyo ngokubanzi komsebenzi weSebe 34

2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo 35

2.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo 43

2.3. Ubume beSebe 53

2.4. Uphuhliso olungundoqo lomgaqo-nkqubo kunye neenguqu zomthetho 54

3. Iinjongo zeqhinga ezijolise kumphumela 54
4. IiNkcukacha zoMsebenzi ngokweNkqubo 56

4.1. INkqubo 1: ULawulo 56

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko 61

4.3. INkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba 75

4.4. INkqubo 4: Imidlalo noLonwabo 84

5. IiNtlawulo eziKhutshelweyo 95

5.1. IiNtlawulo eziKhutshelweyo kumaZiko oLuntu 95

5.2. Ukukhutshelwa kweemali kuyo yonke imibutho ngaphandle kwamaZiko oLuntu 97

6. ISibonelelo-mali esineMiqathango 137

6.1. ISibonelelo-mali esineMiqathango nentlawulo yeeNgxowa-mali ezichongiweyo 137
6.2. ISibonelelo-mali esineMiqathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo ezamkelweyo .. 137
7. IiNgxowa-mali zomnikelo 142
8. Utyalo-mali lweZakhiwo 142
8.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ugcino, nesicwangciso solawulo lwempahla 142

Icandelo C 143
1. Intshayelelo 144
2. ULawulo lomngcipheko 144
3. UBuqhopholo noRhwaphilizo 145
4. Ukunciphisa ukuba nedolo 145
5. Indlela yokuziphatha 146
6. Iimeko zokhuseleko lweMpilo nokusingqongileyo 146
7. IiKomiti zeziKhundla 147
8. Izisombululo zeSCOPA 147
9. Utshintsho lwangaphambili kwiingxelo zophicotho-zincwadi 147
10. UCandelo lolawulo lwangaphakathi 148
11. Iikomiti zophicotho-zincwadi lwangaphakathi neyophicotho-zincwadi 148
12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi 149

ICandelo D 153
1. Umthetho olawula uLawulo lwezaBasebenzi 154
2. Intshayelelo 156
3. Iinkcukacha-manani zolawulo lwezabasebenzi 160
3.1. Inkcitho kwezinxulumene nabasebenzi 160
3.2. Ingqesho nezithuba zomsebenzi 162
3.3. Ukuvavanywa kwemisebenzi 163
3.4. Utshintsho kwezengqesho 165
3.5. Ukulingana kwezengqesho 170
3.6. Ukutyikitywa kwezivumelwano zokusebenza ngamalungu eSMS 176
3.7. Ukuvalwa kwezithuba zomsebenzi zeSMS 176
3.8. Ukusebenza kwabasebenzi 178
3.9. Abasebenzi bamazwe angaphandle 181
3.10. Ukusetyenziswa kwekhefu ukususela kumhla wo-1 kweyoMqungu 2013 ukuya kowama-31 kweyoMnga 2013 181
3.11. I-HIV ne-AIDS kwakunye neenkqubo zokukhuthaza ezempilo 184
3.12. Ubudlelane bezabasebenzi 188

3.13. Ukuphuhliswa kwzakhono 190
3.14. Ukonzakala emsbenzini 192
3.15. Ukusetyenziswa kweengcali zangaphandle 192

ICandelo E 195

Icandelo A

IINKCUKACHA NGOKUBANZI

1. lingcaciso ngokubanzi zeSebe

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yeNtshona Koloni

IDILESI ABAKUYO	Protea Assurance Building Greenmarket Square Cape Town 8001
IDILESI YEPOSI	Private Bag X9067 Cape Town 8000
INOMBOLO YOMNXEBA	0860 142 142
INOMBOLO YEFEKSI	021 483 9504
IDILESI YE-IMEYILE	dcas.com@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI	www.westerncape.gov.za/dept/cas

2. Izifinyezo

Absa KKNK	Absa Klein Karoo Nasionale Kunstefees
AFS	Iingxelo zeMali zoNyaka
AGSA	Umphicothi zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika
CCDI	Iziko lobuGcisa nelokuYila izinto laseKapa
CDP	Inkqubo yoPhuhliso lweKlabhu
CFO	IGosa leMali eliPhezulu
DAC	ISebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe
DCAS	Isebe lemicimbi yenkcubeko nezemidlalo
D: ERM	Icandelo loLawulo lokuseMngciphekweni kwiSebe, Isebe leNkulumbuso
DISWEC	Imidlalo yabaKhubazekileyo eNtshona Koloni
DORA	Umthetho weRhafu, ka-2013
DPSA	Isebe lezabasebenzi bakaRhulumente noLawulo
DPME	Isebe loHlolo noVavanyo loMsebenzi kuBongameli
EAP	Inkqubo yokuNcedwa kwabasebenzi
ECM	Ulawulo lokuqulathwe liSebe
EE	Ukulingana kwezengqesho
EHWP	Inkqubo yeMpilo nokuba segazini kwabasebenzi
EPWP	Inkqubo yMisebenzi yoLuntu eYandisiweyo
ERM	Ulawulo lokusemngciphekweni kwisebe
ERMCOM	Ikomiti yolawulo lokusemngciphekweni kwisebe
FEDANSA	Intlangano yeMidlalo kwezoMdaniso eMzantsi Afrika
FMIP	Inkqubo yokuPhuculwa koLawulo lweMali
GG	Igaraji kaRhulumente
GIS	Inkqubo yeeNkcukacha zeeNdawo
GMT	Izithuthi zikaRhulumente
GPSSBC	IBhunga leeNgxoxo zezabasebenzi bakaRhulumente Jikelele
GRAP	Izenzo zokuNika ingxelo eziQwalaselwa Jikelele
GWM&E System	Inkqubo yoHlolo noVavanyo oluBanzi lukaRhulumente
HCT	UkuPhululwa kwengqondo nokuhlolelwa iNtsholongwane kaGawulayo
HDI	Abantu ababefudula behlelelekile
HOD	Intloko yeSebe
HR	Ezabasebenzi
HWC	Ezelifa leMveli yeNtshona Koloni
ICAS	IiNkonzo zokuPhululwa kweNgqondo neeNgcebiso ezizimeleyo
ICESSD	Iziko lezinto ezahlukeneyo kwiNzululwazi nokuPhuhliswa kwezeMidlalo, UWC
ICT	Ubuchwephesha kwiinkcukacha nakunxibelelwano
IT	Ubuchwephesha kwiinkcukacha
JPTT	Iqela elisebenzisanayo kwezeMidlalo eziKolweni

King III	Ingxelo eNkulu yoLawulo lweNtsebenziswano, 2009
KKNK (Absa KKNK)	Absa Klein Karoo Nasionale Kunstefees
KMIS	Ulawulo loLwazi neNkqubo yeeNkcukacha
LIASA	Intlangano yezamaThala eencwadi neeNkcukacha yaseMzantsi Afrika
LOGIS	Inkqubo yeeNkcukacha kwezeLojistiki
M&E	Uhlolo noVavanyo
MEC	Ilungu leBhunga lesiGqeba kwiPhondo (UMphathiswa wePhondo)
MIG	Isibonelelo seziseko ezingundoqo kuMasipala
MISS	Imigangatho elindelekileyo kwezokhuseleko
MOD	Ukuthatha inxaxheba kwesininzi; Inkqubo yamathuba nokufikelela kuwo; Uphuhliso nokuhluma
MPAT	Isixhobo sokuHlola uMsebenzi woHlolo lweDPME
MPSS	Imigangatho elindelekileyo yokhuseleko emzimbeni
MTEF	Isakhelo seNkcitho yesigaba sexesha eliphakathi
NAAIRS	Inkqubo yeSizwe yokuVezwa kweeNkcukacha zooVimba beeNkcukacha ezikwiKhompyutha
NAC	IBhunga leSizwe lobuGcisa
NDP	Isicwangciso seSizwe soPhuhliso
NGO	Umbutho ongekho phantsi korhulumente
NHC	IBhunga leLifa leMveli yeSizwe
NRF	Inxowa-mali yeNgesizo yeSizwe
NSRP	Isicwangciso sezeMidlalo noLonwabo seSizwe
NTPSRMF	Isakhelo soLawulo lokuseMngciphekweni kwiCandelo loLuntu likaNondyebo weSizwe
OHS	Impilo nokhuseleko emsebenzini
OSD	Amalungelo athile abasebenzi
PA	Isivumelwano somsebenzi
PanSALB	IBhodi yeeLwimi yaseMazantsi Afrika
PDP	Isicwangciso sokuphuhliswa komntu
PERSAL	Inkqubo yeMivuzo yabasebenzi
PFMA	Umthetho wokuLawulwa kweeMali zikaRhulumente, ka-1999
PHS	Indawo yeLifa leMveli yePhondo
PILIR	Umgaqo-nkqubo weKhefu lokungabinako ukusebenzi noMhlala-phantsi ngenxa yempilo
PLF	Iqonga leeNgxoxo lePhondo leeLwimi
PLC	Ikomiti yePhondo yeeLwimi
PN	Isaziso sePhondo
PPI	Isalathisi somsebenzi weNkqubo
PPP	Intsebenziswano kaRhulumente namacandelo abucala
PRAESA	Iprojekthi yeMfundo onokuyikhetha eMzantsi Afrika, Iyunivesithi yaseKapa
PSC	Ikhomishoni yezabasebenzi bakaRhulumente
PSCBC	Ibhunga leeNgxoxo ngezabasebenzi bakaRhulumente
PSO	Injongo eCwangcisiweyo yePhondo

PSR	Imigaqo eLawula ezabasebenzi bakaRhulumente
PWDs	Abasebenzi abakhubazekileyo
SA	UMzantsi Afrika/ UMzantsi Afrikan
SAFA	Intlangano yeSoka eMzantsi Afrika
SAHRA	I-arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SANDF	EzoKhuseleko lweSizwe eMzantsi Afrika
SAQA	AbaneGunya leziQinisekiso eMzantsi Afrika
SARS	Inkonzo yezeRhafu eMzantsi Afrika
SASCOC	Intlangano yezeMidlalo neKomiti yee-olimpiki eMzantsi Afrika
SASL	Ulwimi lokuthetha ngezandla eMzantsi Afrika
SATI	Iziko loGuqulo loLwimi eMzantsi Afrika
SC	Amazantsi eKapa
SCLTBAA	Intlangano yezamaPhenyana eMazantsi e-Afrika
SCM	Ulawulo lweziBonelelo zokuSebenza
SCMPP	Inkqubo iSiyadlala yokuThatha inxaxheba kwesininzi ekuhlaleni
SCOA	Ii-akhawuntu zeTshati eseMgangathweni
SCOPA	Ikomiti esisigxinakwii-Akhawunti zikaRhulumente
SHEQ	Ummandla weMpilo noKhuseleko nokuLawulwa kokuseMngciphekweni noMgangatho
SITA	I-arhente yobuchwephesha kwiinkcukacha zikaRhulumente
SKGODU	Suid-Kaap Gemeenskap-Ontwikkelings Domino-Unie
SLIMS	Inkqubo yoLawulo lweeNkcukacha zamaThala eencwadi kwiSITA
SMS	Iinkonzo zabaLawuli abaPhezulu
SRSA	EzeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (isebe lesizwe elinoxanduva lwemidlalo nolonwabo)
SSMPP	Inkqubo yokuthatha inxaxheba kwesininzi kwezeMidlalo eziKolweni
STIs	Izifo ezisulela ngokwabelana ngesondo
SWD	Izithili eziseNtshona kuMazantsi
TB	Isifo sephepha
UNAIDS	Inkqubo eHlanganisiweyo yeZizwe eziManyeneyo kaGawulayo neNtsholongwane yakhe
UNESCO	Intlangano yeMfundo, yeNzululwazi nezeNkcubeko
UNIMA	Union Internationale de la Marionette
UWC	Iyunivesithi yaseNtshona Koloni
VCT	Ukuphululwa ingqondo nokuhlolwa ngokuzithandela
WC	Intshona Koloni
WCCC	Ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Koloni
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi eNtshona Koloni
WCPSC	Intlangano yeMidlalo yePhondo eNtshona Koloni
WCS	Isoka yaseWest Coast
WCSC	IBhunga lezeMidlalo eWest Coast

WCSS	EzeMidlalo eziKolweni eNtshona Koloni
WECSA	Izikolo zezeMidlalo eNtshona Koloni
WECCMA	INtlangano yoMculo weeKwayara eNtshona Koloni
WP	INtshona Koloni
WPSC	IBhunga lezeMidlalo eNtshona Koloni

3. Intshayelelo

URhulumente weNtshona Koloni uzibophelele ekuyileni uluntu apho imidlalo nenkcubeko zisetyenziswa njengezixhobo zokwakha uluntu olufundileyo olunethuba lokukhulisa iitalente zalo ze ziqaqambe. Ngesi sithuba siphantsi kovavanyo, iSebe leNtshona Koloni leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lithe lanikela koku kuzibophelela ze lanika umphumela kumbono walo "weNtshona Koloni ebandakanyayo ngokwentlalo, eyilayo nesebenzayo".

Okuqaqambileyo kunyaka kubandakanya ukusekwa kwamaziko amatsha ethala leencwadi karhulumente kwingingqi zoluntu ezininzi, ukuqukunjelwa kweethuba lolwaluko apho abakhwetha bagcinwa bekhuselekile ngoncedo lwamalungu esebe kunye nenkxaso yemali eqhubekayo kwimibutho emanyeneyo yemidlalo.

Inkqubo yeMOD ebalulekileyo (Ukuthatyathwa kweNxaxheba luNinzi: INkqubo yoPhuhliso nokuKhula) inike abantu abatsha ithuba lokuqeqeshwa kwimisebenzi eyahlukeneyo enjengemidlalo, ulonwabo, idrama nomdaniso. Le nkqubo idlala indima ephambili ekunikeni abantwana amathuba okuqaqamba ngokunjalo nokubanika isithuba esikhuselekileyo kude kububi nenkohlakalo yentlalo.

ISebe lithe ngokunjalo lanikezela abantu abatsha ngamathuba okuphuhlisa amakhono abo kwidrama ngeenkqubo eziqhutywa licandelo loBugcisa neNkcubeko. Sizibophelele ekunikezeleni ngamanye amathuba kubantu abaselula abafuna ukubaleka indlala nokuba kwiqela lemigulukudu aqhubayo kwiingingqi zoluntu lwethu.

Le Ngxelo yoNyaka ibonisa impumelelo elithe iSebe layifezekisa ngokuhambelana nokunikezela kwizigunyaziso zalo. Ibonisa ngokunjalo into yokuba uthelelwano lungundoqo ekufikeleleni kwiinjongo yaye sinombulelo kubo bonke abachaphazelekayo namaqabane ngenkxaso yabo.

Ndithanda ukubulela iNkulumbuso noogxa bam kwiKhabhinethi ngenkxaso yabo eqhubayo nesikhokhelo. Kunyaka ophantsi kovavanyo sibe noGqr I Meyer ngokunjalo – ukususela ngomhla we-13 kweyoMsintsi 2010 ukuya kumhla wama–25 kuCanzibe 2014, uGqr N Mbombo ukususela ngomhla wama–26 kuCanzibe 2014 ukuya kutsho ngomhla woku–1 kweyoMqungu 2015 noMnu T Botha ukususela ngomhla wesi–2 kweyoMqungu 2015 ukuya ngomhla we-19 kuTshazimpuzi 2015 njengooGunyaziwe kwesi sikhundla yaye kunye neNtloko yeSebe, iqela labalawuli abaphezulu nabasebenzi. Ndithanda ngokunjalo ukubabulela ngokuzimisela kwabo nokusebenza nzima.

Anroux Marais

UMphathiswa weNtshona Koloni weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

4. INgxelo yeGosa elinika iNgxelo

Isishwankathelo semisebenzi yeSebe

ISebe leMicimbi yeNkcubeko lunendawo ebanzi kuba iSebe linomdla ushishino phantsi kuzo zonke iidolophu eziseNtshona Koloni ngokunjalo nophawu olubonakalayo kuninzi lwazo. ISebe linabasebenzi bePhondo abangama-645 abaqeshwe kwiindawo ezingama-51 kwiPhondo liphela. Ngaphandle kwabasebenzi abaqeshwe isigxina kukho ngokunjalo abasebenzi beMPP yemidlalo abangama-558abaqeshiweyo ngokusetyenziswa koMnikelo weSizwe woXhomekeko kwizikolo ezili-181 kulo lonke iSebe kunye nabasebenzi abangama-305 abaqeshwe kwiNkqubo eyaNdisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) ikakhulu kwamaziko olondolozo embali .

NgokwesiCwangciso soMsebenzi woNyaka, iDCAS inikwe igunya:

- lokubonelela ngenkonzo yolawulo esebenzayo, efanelekileyo nenoqoqosho;
- ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokutshintsha yonke imisebenzi yenkcubeko eNtshona Koloni ukuze ibe negalelo kuphuhliso lwabantu kunye nohlumo loqoqosho oluzinzileyo namathuba ahamba noko;
- ukukhuthaza, ukuphuhlisa nokutshintsha uzinzo kwiinkonzo zamathala eencwadi, zeenkcukacha nezoovimba beenkcukacha; kunye
- nokuqalisa nokuxhasa imibutho nemisebenzi yokubandakanyeka koluntu kwezeMidlalo noLonwabo.

ISebe libe nakho ukufezekisa ingxelo yesithathu elandelelanayo yophicotho-zincwadi engenaziphene kunyaka-mali wama-2014/15. ISebe lizibekele ukufezekisa imiqondiso yendlela yokusebenza yeNkqubo eli-108 kwisithuba sowama-2014/15, enxulunyaniswe ngqo kwisigunyaziso salo, ze i-106 lafezekiswa. Ukungafezekiswa kwale mibini imiqondiso kube ngenxa yezizathu ezingaphaya kolawulo lweSebe. Nangona iiprojekthi zichazwe ngokwenkcukacha kule Ngxelo yoNyaka, iiprojekthi ezimbini ziqaqambile ezidinga ukuba zichazwe ngokukodwa njengoko ziyinxalenye yokuphambili kwiQhinga lePhondo, ezizezi uLawulo lokuQulathiweyo kuShishino kunye nokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi, iThuba leLungelo, iNkqubo yoPhuhliso nokuKhula MOD). Zombini ezi projekthi zithatyathwa njengeeprojekthi eziphambili kwiSebe yaye zinqamlezile ngendalo njengoko zibandakanya uthelelwano kunye namanye amaSebe, zombini kwiphondo nakwisizwe.

Ukulungiselela isithuba esiphantsi kovavanyo iSebe lifezekise umlinganiselo wezithuba ozipesenti ezisi-7.8 okube nomphumela wokuphuculwa kokufaneleka nokusebenza kwiSebe.

IsiCwangciso seSebe sokuPhuculwa koLawulo lweMali (FMIP) sibonakalise iziphumo ezilungileyo ezibhekiselele kukuphuculwa kokulunga kolawulo lwemali ukususela ekuqaleni yaye siya kuqhutyelwa phambili ukuya kwiminyaka yemali yelixa elizayo.

ISebe lavavanywa ngokunjalo ngokubhekiselele kwisiXhobo soVavanyo seNdlela yokuSebenza yoLawulo (MPAT) esilungiselelwe isithuba sokunikwa kwengxelo sowama-2014 ukususela kwiSebe lokuBek' esweni loMsebenzi noVavanyo kwiofisi kaMongameli yaye salinganiswa saze safunyaniswa ukuba phakathi kwamasebe asebenza kakuhle ngokuhambelana nolawulo olupheleleyo lwendlela yokusebenza.

Imingeni apha enyakeni

ISebe linesigunyaziso esibanzi kunye noluhlu olubanzi loxanduva, olususela kwimidlalo nolonwabo, inkcubeko, ulwimi, amagama endawo, amathala eencwadi, amaziko olondolozo embali , elifa lemveli noovimba.

Kwakhona, iDCAS inxulunyaniswe ngokwesakhiwo kumaSebe amabini esizwe – Elezemidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika kunye neSebe loBugcisa neNkcubeko. Ngaphezulu, iSebe lidingeka ukuba libonelele ngenkxaso yolawulo neyemali kumacandelo karhulumente amathathu.

UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, we-1996 abonelela ngento yokuba amathala eencwadi angamanye ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe angummandla ophantsi kolawulo olulodwa lwephondo. Nangona oomasipala bebandakanyiwe kwindlela yokusebenza kwethala leencwadi, esi sigunyaziso asixhaswa ngamali ngokwakaloku nje.

Isishwankathelo seziphumo zeMali zeSebe

Ingeniso yeSebe

Igama leNkqubo	2013/14			2014/15		
	Uqikelelo (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelelwe yo (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)	Uqikelelo (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelelwe yo (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)
Ingeniso yerhafu						
Irhafu yeCasino						
Irhafu yamahashe omdyarho						
Iilayisensi zotywala						
Iilayisensi zezithuthi						
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu	193	344	151	193	353	160
Okugqithiselweyo okufunyenweyo kwiiYunithi zikaRhulumente				36 000	36 000	
Okugqithiselweyo okufunyenweyo				500	500	
Izohlwayo nekuphulukwene nazo	890	643	(247)	1 068	1 088	20
Inzala, izahlulo nerenti yomhlaba						
Ukuthengiswa kwee-asethi ezinkulu					6	6
Intengiselwano yemali kwii-asethi nakwiimfanelo		401	401		381	381
Iyonke	**1 083**	**1 388**	**305**	**37 761**	**38 328**	**567**

ISebe linikezele ngempumelelo kwizicwangciso zalo zokuqokelela ingeniso yesebe. Nangona iSebe lingenguwo umbutho wokuvelisa ingeniso, linemithombo yalo emibini engundoqo yengeniso, eyile, intengiso yempahla neenkonzo ngaphandle kwezakhiwo noomatshini (imirhumo yejim), nezohlwayo, imirhumo nekuphulukwene nazo (iincwadi zethala leencwadi ezilahlekileyo). Imirhumo ivavanywa rhoqo ngonyaka njengoko kudingwa yiMithetho yeCandelo loLawulo-mali leSizwe. Uhlahlo lwabiwo-mali lwengeniso ivavanywa rhoqo ngonyaka ngokusetyenziswa koqokelelo lonyaka ongaphambili njengesiseko somiselo lohlahlo lwabiwo-mali. Umthombo ongundoqo wengeniso iveliswa ngokubuyiselwa kwemali ngoomasipala kwiPhondo ngenxa yeencwadi ezilahlekileyo zethala leencwadi. Amaxabiso okuthengwa kweencwadi abizwa kooMasipala kwimeko apho kulahleke iincwadi. ISebe lifumana ngokunjalo inkxaso-mali yeGBS yezigidi ezingama-R36 ezilungiselelwe inkqubo yeMOD evela kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe, ngokunjalo nokwandiswa kwengeniso yalo nge-R0.5m elungiselelwe iZiko loLondolo lweMbaliiBartholomew Dias. Inkxaso-mali yeGBS ibhengezwe njengeNkxaso yoNcedo kwiSahlulo E sale ngxelo.

Inkcitho yenkqubo

Igama leNkqubo	2013/14			2014/15		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelelwe-yo (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)	Ulwabiwo-mali lokugqibela (R'000)	Eyona mali iqokele-lweyo (R'000)	Eqokelelwe-yo (Ngaphezu-lu)/ Ngaphantsi (R'000)
Ulawulo	45 075	44 518	557	50 635	48 419	2 216
IMicimbi yeNkcubeko	85 156	84 441	715	103 038	101 416	1 622
Amathala eeNcwadi neeNkonzo zoLondolozo lweNkcukacha ezibalulekileyo	211 268	210 680	588	293 035	292 385	650
Imidlalo noLonwabo	114 632	113 934	698	170 307	170 270	37
Iyonke	**456 131**	**453 573**	**2 558**	**617 015**	**612 490**	**4 525**

Izizathu ezingundoqo zenkcitho engaphantsi zibe nomphumela wolondolozo lwesigidi esi-R1.6, phantsi kweNkqubo 2 elungiselelwe iindleko zezakhiwo ukulungiselela ukusekwa kweZiko lokuLondoloza iMbaliyaseKapa okuya kuqhubeka ngonyaka-mali wama-2015/16. Ngaphezulu, isi-R0.650 sesigidi kwiNkqubo 3 siya kukhutshelwa kunyaka-mali wama-2015/16 ukulungiselela iprojekthi ye-ECM. Ulondolozo oluseleyo lubalelwa kulondolozo oluphantsi kweNkqubo 1 ukulungiselela ukwandiswa kweyunithi yoLawulo lwaNgaphakathi olwamkelwa kuqikelelo olulungelelanisiweyo. Ezi zithuba ziya kuzaliswa ngonyaka-mali wama-2015/16.

Ukususwa kweemali kwenye indawo zisiwe kwenye / ukunatyiselwa kwezinye iindawo

Esuka kwinkqubo	Umfuziselo	imali R'000	Eya kwinkqubo	Umfuziselo	Imali R'000
Inkqubo 1	Imbuyekezo yabasebenzi	1 958	Inkqubo 4	Amaziko angenzi ngeniso	4 102
	Impahla neenkonzo	2 144			
		4 102			**4 102**
Inkqubo 2	Impahla neenkonzo	3 050	Inkqubo 4	Amaziko angenzi ngeniso	3 050
		3 050			**3 050**
Inkqubo 3	Imbuyekezo yabasebenzi	2 490	Inkqubo 4	Amaziko angenzi ngeniso	2 490
		2 490			**2 490**
Iyonke		**9 642**			**9 642**

IVoti ye-13 ifumanise iimali ezikhoyo phantsi kokukuhlawulwa kwabasebenzi ngenxa yokuzaliswa mva nangendlela ecothayo kwezithuba. Ezinye iiprojekthi ezinxulumene nezemidlalo ziye zafunyaniswa zaxhaswa kwiimali ezigciniweyo zabasebenzi. Abalawuli benkqubo bacelwe ukuba bangenise izicelo ukuba bafumane inkxaso-mali kule mali igciniweyo. Intloko yeSebe, ngokwentsebenziswano noMphathiswa wePhondo, bavume ulwabiwo lokugqibela kwezi mali zigciniweyo. Impumelelo yeeprojekthi yandise uhlahlo lwabiwo-mali luphela yeemali ezigqithiselwayo nezibonelelo.

Ukususwa kweemali kwenye indawo zisiwe kwenye kwelona candelo kuvunywe liGosa eliNika ingxelo ngeli xesha ukususwa kweemali kwenye indawo zisiwe kwenye phakathi kwamacandelo amakhulu kuvunywe nguNondyebo wePhondo. Oku kuhambelana nokususwa kweemali kwenye indawo zisiwe kwenye kwisebe.

Inkcitho engagunyaziswanga, engafunekiyo neyilahleko

ISebe khange lifunyaniswe linenkcitho engagunyaziswanga, engafunekiyo neyilahleko kulo nyaka.

Izicwangciso zexesha elizayo zeSebe

Kwisithuba seminyaka embalwa edlulileyo iSebe libonise ikhono lalo lokunikezela iinkonzo ezifanelekileyo kuluntu ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka salo seNdlela

yokuSebenza, esilungelelaniswe kuhlahlo lwabiwo-mali nakwisicwangciso-nkqubo solawulo. ISebe liya kuqhuba lizamela ukulunga ekumiliseleni isigunyaziso salo sokunikezelwa kwenkonzo kuhlahlo lwabiwo-mali nesicwangciso-nkqubo solawulo.

Intsebenziswano kaRhulumente namacandelo abucala

Khange ibekho intsebenziswano kaRhulumente namacandelo abucala.

Imisebenzi engaqhubekiyo/ Imisebenzi engazi kuqhubeka

Akukho misebenzi ingakhange iqhubeke kulo nyaka.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho misebenzi iqalisiweyo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

Ulawulo lweziBonelelo zokuSebenza (SCM)

Akukho zicelo zeziniki maxabiso eziye azamkeleka ezenziweyo kulo nyaka.

ISebe liseke iyunithi yokuqinisekisa ngokulunga kwiSCM ukulungiselela ukuqinisekisa ngohanjelwano nomthetho weSCM yaye okuyimfuneko kukuthintela inkcitho engalunganga. Iifomu zokwenziwa kwesicelo sokuthenga ayahlolwa kakuhle ukulungiselela uhambelwano phambi kokuba kuveliswe i-odolo ukulungiselela ukungena kushishino nomnikezeli wenkonzo.

Imfuneko yokokuba okuthengwayo makuqulathe iipesenti ezili-100 kokuveliswa engingqini kwimpahla yemidlalo njengoko kumiselwe liSebe loRhwebo noShishino kubeka umqobo kwiSebe. ISebe lesizwe leMidlalo noLonwabo (SRSA) linyanzelisa amasebe ukuba athenge impahla yemidlalo kwizivumelwano zawo ezinqamlezileyo apho isinxibo esinjalo sinokuhlawulwa ngokusetyenziswa kweMinikelo yoXhomekeko.

Abazanga bayicamngce into yokokuba isiqulatho sengingqi njengesibalulekileyo xa babenikezela ngesivumelwano kubanikezeli benkonzo abahlanu, omnye wabo wayabelwe kweli Sebe. ISebe lisadingeka ukuba lihambelane nemfuno yokuqulathiweyo kwengingqi kodwa alikho kubume bokukhutshwa ukulungiselela impahla engaqulathanga ipesenti ezili-100 zengingqi. Oku kungakhokhelela kwimiphumela emibi yophicotho-zincwadi. Ukuthintela oku, ucwangciso olululo lunyanzelekile ukuqinisekisa ngoku-odolwa kwangethuba kwempahla ukunika ithuba elufunekayo kumnikezeli ngenkonzo ukulungiselela ukuqinisekisa ngohambelwano nemfuno yokuqulathiweyo kwengingqi.

Izipho namalizo afunyenwe ngenceba kumaqela anganxulumenanga

Khangela kwiSihlomelo 1F kwiNgxelo zoNyaka zeMali.

Okukhutshiweyo nokunxaxhileyo okufunyenweyo kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali

Akukho kukhutshiweyo nakunxaxhileyo okufunyenweyo kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe kulo nyaka uphantsi kovavanyo.

Izehlo emva kwexesha lokunika ingxelo

Azikho.

Isiphelo

Ekugqibeleni ndifuna ukubulela igalelo nenkxaso yabaphathi bezopolitiko ngesikhokhelo sabo seqhinga noluleko, amaqabane ethu, kuluntu kunye namavolontiya amaninzi ngeenzame zawo ekusincedeni ukuba sifezekise ebesijolise kuko. INtshona Koloni iyazingca ngegalelo lawo.

Brent Walters

Igosa eliNika iNgxelo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

29 kuCanzibe 2015

5. INgxelo yoXanduva nesiQinisekiso sokuChaneka kweNgxelo yoNyaka

Ngokolwazi lwam nendikholelwa kuko, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

- Zonke iinkcukacha neemali ezichazwe kwingxelo yonyakazizinzile.
- Ingxelo yonyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinazinto zisusiweyo.
- Ingxelo yonyakailungiswe ngokwemigaqo yengxelo yonyakanjengoko ikhutshwe nguNondyebo weSizwe.
- Iingxelo zeMali zoNyaka (Icandelo E) zilungiswe ngokomgangatho wekheshi eqinisekisiweyo nezakhelo ezifanelekileyo nemigaqo ekhutshwe nguNondyebo weSizwe.
- IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokwenza amalungiselelo eeNgxelo zeMali zoNyaka nezigqibo ezithathwayo ngezi nkcukacha.
- IGosa eliNika ingxelo linoxanduva lokuseka nokuphumeza inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyenziwe ukubonelela ngesiqinisekiso ngokuthembeka nokunyaniseka kweenkcukacha zoMsebenzi, iinkcukacha ngezabasebenzi neengxelo zeMali zoNyaka.
- Uphicotho zincwadi lwangaphandle lwenziwe ukubonisa uluvo oluzimeleyo kwiingxelo zeMali zoNyaka.

Ngokoluvo lwam, ingxelo yonyaka ibonakalisa imisebenzi, iinkcukacha zoMsebenzi, iinkcukacha ngezabasebenzi nemicimbi yemali yeSebe lemicimbi yenkcubeko nezemidlalo kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla ngowama-2014.

Owenu wenene



Igosa eliNika iNgxelo

Brent Walters

29 kuCanzibe 2015

6. Isishwankathelo esicwangcisiweyo

6.1. Umbono

INtshona Koloni equka uluntu, olunezi phiwo noludlamkileyo.

6.2. UMnqophiso

Sikhuthaza umsebenzi ogqwesileyo nokubandakanyeka koluntu kwezemidlalo nenkcubeko ngokokusetyenziswa kwezibonelelo ngempumelelo, ngokufanelekileyo nangendlela ezinzileyo, ngentsebenziswano nabanye. Ukuze sigqwese, siza kudala iimeko zokufikeleleka nezokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukufunyaniswa kwetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

6.3. Indlela yokuziphatha

Ukuba nenkathalo, ukubanako ukusebenza, ukuphendula ngokwenzayo, ukunyaniseka nokusabela kwizidingo.

7. Amagunya ezomthetho namanye amagunya

Isebe lemicimbi yenkcubeko nezemidlalo (DCAS) elizithatha njengelibopheleleke kwigunya loMthetho apho wonke umsebenzi walo ubhekisele, ingakumbi kwimpumelelo, yonikezelo lweenkonzo olulinganayo nolufikelelekayo, ngokubhekisele kwiphepha logayo-zimvo lorhulumente wesizwe ukuTshintsha unikezelo lweenkonzo zoluntu nelinge leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngokusemthethweni nangokwamagunya omgaqo-nkqubo achazwe kwitheyibhuli engezantsi.

7.1 Amagunya omgaqo-siseko

Icandelo	Inkcazelo
Umgaqo-siseko waseMzantsi Afrika, ka-1996	
Icandelo le-6(3) nele-(4): Ulwimi	URhulumente weNtshona Koloni (WCG) kufuneka, ngokomthetho nangokweminye imiqathango, alawule kwaye ahlole ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zixhamle ngokulinganayo kwaye zithathwe zisetyenziswe ngokulinganayo. IKomiti yeeLwimi eNtshona Koloni (WCLC), ingentsebenziswano neDCAS, inoxanduva lokuhlola nokuvavanya ukuphunyezwa komgaqo-nkqubo weeLwimi waseNtshona Koloni, owamkelwe ngo-2001, akwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni ngeli gunya kanye ngonyaka ubuncinane. I-DCAS yongamela iWCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
Icandelo lama-30: Ulwimi nenkcubeko	I-DCAS iququzelela amathuba kubantu baseNtshona Koloni bakwazi ukusebenzisa amalungelo eelwimi zabo nawenkcubeko yabo ngokweenkqubo neeprojekthi abazimeleyo nabazixhasayo.

Icandelo	Inkcazelo
Icandelo lama-31: Imimandla yeNkcubeko, yenkolo neyolwimi	I-DCAS kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi ziyazihlonela iinkcubeko neelwimi ezingafaniyo zabantu baseNtshona Koloni.
Icandelo lama-41: Imithetho-siseko yentsebenziswano kurhulumente nokunxulumene nokusebenzisana kukarhulumente	I-DCAS isebenzisana nazo zonke iinkalo zikarhulumente. Ngokwegunya labo, iDCAS isebenzisana neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe (DAC) nelezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (SRSA, isebe lesizwe linoxanduva lezemidlalo noLonwabo); amaZiko oLuntu eSizwe nawePhondo noomasipala eNtshona Koloni.
Icandelo lama-156(4): Ukunikezelwa kwamagunya	I-DCAS kufuneka inikezele ngegunya koomasipala, ngokwesivumelwano nangokuxhomekeka kuzo naziphi na iimeko ezifanelekileyo, kulawulo lwemiba ehlelwe kwiSigaba A sesicwangciso 4 okanye iSigaba A sesicwangciso 5 esinxulumene noomasipala basekuhlaleni, ukuba— • loo mba uza kulawulwa ngempumelelo ekuhlaleni; kwaye • Umasipala unamandla okuyilawula. I-DCAS iququzelela ukunikezelwa kweenkonzo zoluntu zamaThala eencwadi, apho urhulumente wasekuhlaleni ezithatha njengezingafumani nkxaso-mali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano noNondyebo weSizwe neSebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe ngokwesibonelelo seemeko ezithile zamathala eencwadi asekuhlaleni, nenye inkxaso esuka kwinkxaso-mali endawnei yaleyo kamasipala esuka kuNondyebo wePhondo.
Isicwangciso sesi-4: Imiba ekusetyenzwa kuyo yokubanako ukwenza izinto ngokoMthetho weSizwe nowePhondo	Imiba yenkcubeko: • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli yesizwe. Umgaqo-nkqubo wolwimi nokulawulwa kweelwimi ezisemthethweni nalapho Icandelo 6 loMgaqo-siseko likuvakalisa oko ngokubanako ngokusemthethweni wePalamente yePhondo leNtshona Koloni: • I-DCAS isebenzisana neDAC namanye amacandelo anxulumeneyo karhulumente malunga nemiba yomgaqo-nkqubo wolwimi.

Icandelo	Inkcazelo
Isicwangciso sesi-5: Imiba ekusetyenzwa kuyo yokubanako ukwenza izinto ngokoMthetho owodwa wePhondo	Oovimba beenkcukacha ngaphandle koovimba beenkcukacha zesizwe: • I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga noovimba beenkcukacha ngaphadle koovimba beenkcukacha besizwe ukuze kulawulwe oko kuphunyezwayo. ISebe linoxanduva loovimba beenkcukacha neNkonzo yokugcinwa kweeNgxelo eNtshona Koloni. Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe: • I-DCAS inikwe igunya lokwenza uMthetho wePhondo malunga namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi esizwe nokulawula ukuphunyezwa koko. ISebe linoxanduva leenkonzo zamathala eencwadi eNtshona Koloni nokusebenzisana nabasemagunyeni abajongene namathala eencwadi oluntu ukuze kunikezelwe ngenkonzo yamathala eencwadi oluntu neenkcukacha. Amaziko olondolozo embali ngaphandle kweziko lolondolozo lwembeli lesizwe: • I-DCAS inikwe igunya lokwenza umthetho wePhondo malunga namaziko olondolozo lwembali angaphandle kwamaziko olondolozo lwembali esizwe nokulawula ukuphunyezwa koko. ISebe linoxanduva lokunikezela ngeNkonzo yamaZiko oLondolozo eMmali kwiphondo, kusetyenziswane namaziko olondolozo lembali aphantsi kwalo nokuwaxhasa la maziko olondolozo lwembali. Imiba yenkcubeko kwiPhondo (kuquka nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli lesizwe namagama eendawo): • I-DCAS ibonelela ngezeLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) – abasemagunyeni abanezibonelelo zelifa lephondo abachongwe ngokoMthetho weziBonelelo zeLifa leSizwe, ka-1999 (NHRA) – nenkxaso kubasebenzi nenye inkxaso kwezemali nakulawulo ukuze kuqaliswe kwaye kulawulwe ngokwegunya lezomthetho. UMphathiswa wephondo (iLungu leBhunga lesiGqeba [kwiPhondo]) lichonga iBhunga leHWC kwaye lichonga abasemagunyeni kwizibheno zelifa leNtshona Koloni. • I-DCAS ibonelela ngenkxaso esesikweni nenye inkxaso kwiKomiti ejongene namaGama eeNdawo kwiPhondo leNtshona Koloni (WCPGNC) ukuze kuququzelelwe iindibano zoluntu malunga nokubekwa emgangathweni notshintsho kumagama eendawo. Xa zigqityiwe iindibano, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga elijongene namaGama eeNdawo eMzantsi Afrika. Ezemidlalo nezolonwabo namaziko: • I-DCAS inikwe igunya lokunceda ukwenziwa kommandla onemidlalo noLonwabo kwiPhondo.
Icandelo le-195: lindlela zokuziphatha eziphambili nemithetho-siseko yokulawula ulawulo lukarhulumente	Amagosa eDCAS kufuneka ahambelane namalungiselelo ecandelo 195, abonelela ngengcaciso kwiindlela zokuziphatha zentando yesininzi nemithetho-siseko yolawulo loluntu. Icandelo 195(1)(*b*) lifuna ukukhuthaza ukusetyenziswa kwezibonelelo ngendlela efanelekileyo, esebenzayo nenoqoqosho. Oku kuthetha ukuba inkqubo ekuvunyelwene ngayo kwicandelo likarhulumente kufuneka ivelise iziqhamo ezikumgangatho ophezulu ngeendleko eziphantsi.
Icandelo lama-92 nele-133	Icandelo 92 libonelela ukuba amalungu eKhabhinethi kufuneka aphendule edibene okanye umntu ngamnye kwiPalamente kwizenzo zokusemagunyeni abo nokwenza imisebenzi yabo, nokuba kufuneka banike iPalamente iingxelo ezipheleleyo narhoqo ngemiba ekulawulo lwabo. Icandelo 133 libonelela ukuba abaphathiswa bamaPhondo kufuneka baphendule kunye okanye umntu ngamnye kwizindlu zowiso-mthetho ngoko kusegunyeni labo nokwenza imisebenzi yabo, nokuba kufuneka banike indlu yowiso-mthetho iingxelo ezipheleleyo narhoqo ngemiba ekulawulo lwabo.

Icandelo	Inkcazelo
Umgaqo-siseko waseNtshona Koloni, ka-1997	
Icandelo lesi-5	Iinjongo zoRhulumente weNtshona Koloni: • Iilwimi ezisemthethweni zesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye • Ezi lwimi kufuneka zihoywe ngokulinganayo. I-WCG kufuneka, ngokusemthethweni nangokweminye imiqathango, ilawule kwaye ihlole ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. I-WCG kufuneka iphumeze nezenzo nemiqathango eyiyo yokuphakamisa izinga kwaye ziqhutyelwe phambili iilwimi zabemi beli leNtshona Koloni apho isimo sabo nokusetyenziswa kwezi lwimi ngaphambili bekungabonakali.
Icandelo lama-70	Umthetho wePhondo kufuneka ubonelele ngesiseko nenkxaso efanelekileyo, ngezibonelelo ezikhoyo kuRhulumente weNtshona Koloni, kwibhunga lezenkcubeko okanye kumabhunga asekuhlaleni okanye iindawo kwiphondo ezinenkcubeko nelifa lolwimi olufanayo. Ukubhaliswa nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko: • Ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni (WCCC) inikwe umsebenzi wokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko abhalisiweyo. I-DCAS kufuneka ijongane neWCCC kwaye ibonelele iKhomishini ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
Icandelo lama-81	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka amkele kwaye aphumeze imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina ezentlalo-ntle yoluntu lwephondo, kuquka nemigaqo-nkqubo ejolise ekuphumezeni: • Ukukhuthaza ukuhlonelwa kwamalungelo emimandla yeNkcubeko, yenkolo neyolwimi eNtshona Koloni; kunye • Nokukhusela nokulondoloza ilifa lemveli endalo ayimbali, okufunda ngembali yabo nezakhiwo eNtshona Koloni ukuze kuzuze isizukulwana esikhoyo nesexesha elizayo. I-DCAS iphumeza imigaqo-nkqubo ethile ukuxhasa la malungiselelo.
Icandelo lama-82	Imithetho-siseko ethe ngqo yomgaqo-nkqubo wePhondo kwiSahluko se-10 (Icandelo 81) inika isikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni xa isenza imithetho.

7.2 Amagunya ezomthetho

Umthetho weSizwe	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho wokuLawulwa kweeMali zikaRhulumente, ka-1999	UMthetho woku-1 ka-1999	UMthetho wokuLawulwa kweeMali zikaRhulumente (PFMA): • ulawula lwemali kurhulumente wesizwe nowephondo, ahlele amaZiko oLuntu, amaziko omgaqo-siseko nemithetho yephondo; • uqinisekisa ukuba ingeniso, inkcitho, ii-asethi neemfanelo zala maziko alawula ngokufanelekileyo nangempumelelo; kwaye • uchaza uxanduva lwabantu ababekelwe ukulawula iimali kula mabhunga.
UMthetho wezabasebenzi bakaRhulumente, ka-1994 (njengoko uhlonyelwe kuMthetho-sihlomelo wezabasebenzi bakaRhulumente, ka-2007)	Isibhengezo se-103, iGazethi kaRhulumente ye-15791, yomhla wesi-3 kweyeSilimela ka-1994 noMthetho wama-30 ka-2007	Lo mthetho wenza amalungiselelo ngokulungiselelwa nokulawulwa kweDCAS, ukulawulwa kweemeko zengqesho, ixesha lokuba ziziphatha-mandla, ululeko, umhlala-phantsi nokukhululwa kwabasebenzi bakarhulumente bayeke emsebenzini nemiba enxulumene noko.
UMthetho weCandelo leNgeniso (wonyaka)	Kukho uMthetho omtsha nyaka nonyaka.	Unyaka nonyaka, uMthetho weRhafu (DORA): • ubonelela ngolwabiwo olulinganayo olusuka kurhulumente wesizwe phakathi kwazo zonke iinkalo zikarhulumente, eyesizwe eyephondo neyasekuhlaleni; • uqinisekisa ukuba isabelo ngasinye esilinganayo sephondo kweso sabelo sephondo; kunye • Nokwenza ulwabiwo kumaphondo, koorhulumente basekuhlaleni okanye koomasipala kwisabelo sorhulumente wesizwe kuloo ngeniso, ngokuxhomekeka kwiimeko. I-DCAS ifumana izibonelelo zeeMeko ezithile kurhulumente wesizwe kwaye inoxanduva lokulawula ezi mali.
UMthetho wokuKhuthazwa ukuFumaneka kweeNkcukacha, ka-2000	UMthetho wesi-2 ka-2000	Lo mthetho uphumeza ilungelo lokufikelela kwiingxelo ezikurhulumente, kumaziko karhulumente nakumaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto, iDCAS namanye amabhunga karhulumente nawabucala kufuneka: • enze incwadi esisikhokelo ecacisela uluntu indlela yokufakwa kwesicelo sokufumana iinkcukacha kuloo bhodi inezo nkcukacha; kunye • Nokuchonga igosa leenkcukaacha liqwalasele izicelo zokufumaneka kweenkcukacha.
Ukukhuthazwa koBulungisa kuLawulo, ka-2000	UMthetho wesi-3 ka-2000	Lo Mthetho: • ubeka phandle imithetho nemigaqo abalawuli ekufuneka beyilandele xa besenza izigqibo; • ufuna abalawuli bachazele abantu ngamalungelo abo okuphinda baqwalasele okanye ukubhena nelungelo lokufuna izizathu; • ufuna abalawuli banike izizathu ngezigqibo zabo; kunye • nokunika uluntu ilungelo lokucela umngeni kwizigqibo zabalawuli enkundleni yamatyala.

UMthetho wamaZiko eNkcubeko, ka-1998	UMthetho we-119ka-1998	I-DCAS kufuneka idibane kwaye isebenzisane namaziko enkcubeko esizwe malunga nemiba yezobugcisa, yenkcubeko nelifa lemveli esizwe.
UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko, ka-1983	UMthetho wama-35 ka-1983	Lo mthetho wanikelwa kwiNtshona Koloni kwaye iDCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiseleo oMthetho.
UMthetho wemicimbi yeNkcubeko (Indlu yoWiso-mthetho), ka-1989	UMthetho wewama-65 ka-1989	Lo mthetho wanikelwa kwiNtshona Koloni kwaye iDCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiseleo oMthetho.
UMthetho weenkonzo zeSizwe zooVimba neeNgxelo ezigciniweyo zeeNkcukacha eMzantsi Afrika, ka-1996	UMthetho wama-43 ka-1996	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiKomiti yeeNgcebiso ngoovimba beenkcukacha beSizwe. Isebe linoxanduva lokufikelela kwimigangatho yesizwe esekwe phantsi kwalo Mthetho.
UMthetho weBhunga leSizwe lobuGcisa, ka-1997	UMthetho wama-56 ka-1997	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiBhunga leSizwe lobuGcisa (NAC), kujongwe intsebenziswano nokuququzelelwa kweNAC, nokulawulwa kwenkxaso-mali yeNAC kuphuhliso lobugcisa nenkcubekoeNtshona Koloni.
UMthetho weBhunga leLifa leMveli yeSizwe, ka-1999	UMthetho we-11 ka-1999	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiBhunga leLifa leMveli yeSizwe (NHC), nentsebenziswano nokuququzelela imisebenzi enxulumene nenkxaso-mali neeprojekthi ezenziwa yiNHC eNtshona Koloni.
UMthetho weziBonelelo zeLifa leMveli yeSizwe, ka-1999	UMthetho wama-25 ka-1999	I-DCAS iqinisekisa ukuba ihambelana neNHRA ngokongamela ukuchongwa kwabameli bephondo leNtshona Koloni, nekukhethwa ukuba ibe liBhunga lelifa lemveli yaseNtshona Koloni, ukuba bahlale kwiBhunga le-arhente yeziBonelelo zeLifa leMveli yaseMzantsi Afrika (SAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuba ihambelana neemfuno zoMphathiswa wePhondo ekufuneka echonge iBhunga leHWC – abasemagunyeni kwizibonelelo zelifa lemveli yephondo ngokweNHRA. Isebe linoxanduva lokunxulumana nokusebenzisana neSAHRA, iHWC noomasipala malunga nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa uMphathiswa wePhondo xa kukho izibheno malunga nezigqibo zeHWC.
UMthetho weBhodi yeeLwimi yaseMzantsi Afrika, ka-1995	UMthetho wama-59 ka-1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna iBhodi yeeLwimi yaseMzantsi Afrika (PanSALB) iseke iKomiti yePhondo yeeLwimi (PLC) kwiphondo ngalinye. I-PanSALB inamagunya okunika ingqalelo kwiPLC ekhoyo njengePanSALB PLC ukuba iyithatha ikomiti njengenempumelelo ukumela iimfuno zolwimi kwiphondo. I-PanSALB inika iingxelo ngomsebenzi weKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni njengomsebenzi wePLC yayo eNtshona Koloni.
UMthetho weBhunga lamaGama eeNdawi zaseMzantsi Afrika, ka-1998	UMthetho we-118 ka-1998	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho ukuze kuchongwe abameli bephondo leNtshona Koloni bahlale kwiBhunga elijongene namaGama eeNdawo eMzantsi Afrika; kuphandwe ngamagama eendawo eNtshona Koloni; ukuqinisekiswa ngokubekwa emgangathweni; kunye, apho kuyimfuneko nokuququzelela iindibano malunga notshintsho olucetywayo ngokutshintshwa kwala magama. Isebe libonelela ngenkxaso esesikweni kwiKomiti yamaGama eeNdawo

		kwiPhondo leNtshona Koloni. Xa zigqityiwe iindibano, iWCPGNC yenza izindululo kwiBhunga lamaGama eeNdawo eMzantsi Afrika.
UMthetho weNgqungquthela kaZwelonke kwezeLifa leMveli yeSizwe, ka-1999	UMthetho wama-49 ka-1999	I-DCAS inoxanduva lokuchonga abameli bephondo leNtshona Koloni ukuba bahlale kwiKomiti yeeNgcebiso ngeLifa leMveli kaZwelonke eMzantsi Afrika. Isebe likwanoxanduva lokuhambelana namalungiselelo oMthetho neNgqungquthela yeLifa leMveli kaZwelonke malunga nokuchongwa kweendawo zokuHlela oko kungaqinisekwanga ngako eMzantsi Afrika, nokuhlelwa kwezi ndawo ukuze ziqwalaselwe yiKomiti yeLifa leMveli likaZwelonke ye-UNESCO.
UMthetho wezeMidlalo noLonwabo kwiSizwe, ka-1998	UMthetho we-110 ka-1998	Umthetho ubonelela ngokukhuthazwa nokuphuhliswa kwezeMidlalo noLonwabo nokuququzelela unxibelelwano phakathi kweSASCOC (Intlangano yezeMidlalo neKomiti yee-olimpiki eMzantsi Afrika), iSRSA, iintlangano zezemidlalo, amabhunga ezemidlalo nezinye ii-arhente. Umthetho uphinde ubonelele ngemiqathango ejolise ekulungiseni ukungalingani kwezemidlalo noLonwabo; ukukhuthaza ukulingana nentando yesininzi kwezemidlalo noLonwabo; nokubonelela ngeendlela zePhondo zokusombulula imbambano kwezemidlalo noLonwabo.

UMthetho wePhondo	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, ka-1998	UMthetho we-13 ka-1998 (eNtshona Koloni)	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni esekwe ngulo Mthetho, phakathi kwezinye izinto: • ihlola ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; • yenza izindululo kuMphathiswa wePhondo nakwiPalamente yePhondo kumthetho ocetywayo nokhoyo, kwizenzo nakumgaqo-nkqubo ojongene ngqo okanye ngendlea engathanga ngqo neelwimi eNtshona Koloni; • ukukhuthaza imithetho-siseko yokusetyenziswa kwelwimi ezininzi; • ukukhuthaza ukuphuhliswa kweelwimi ebezifudula zingaselwa so; • ukucebisa uMphathiswa wePhondo neKhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni ngemiba yeelwimi kwiPhondo; kunye • Nokucebisa iPanSALB ngemiba enxulumene neelwimi eNtshona Koloni. I-DCAS yongamela iWCLC ibonelele nale Komiti ngenkxaso kulawulo nakwezemali.

UMthetho wePhondo	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho wamaBhunga eNkcubeko nowekhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni, ka-1998	UMthetho we-14 ka-1998 (eNtshona Koloni)	Lo Mthetho useka ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni, phakathi kwezinye izinto, iqwalasele ukubhaliswa nokucinywa kwamabhunga enkcubeko amele uluntu kwabelwane ngenkcubeko efanayo nangelifa lemveli yolwimi. I-WCCC ingenza nezindululo koku kulandelayo: • kubugcisa obubonakalayo, bemidlalo eyenziwayo neyoNcwadi; • inzululwazi ngendalo nangabantu; • imbali ngenkcubeko; kunye • nokwazisa ngenkcubeko nokubandanyeka kolutsha kweenkcubeko. I-DCAS yongamela iWCLC ibonelele nale Khomishini ngenkxaso kulawulo nakwezemali.
Imigaqo yoLawulo lweziBonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni, ka-2002	PN 336 yama-25 kweyeDwarha ngowama-2002	I-DCAS yongamela iLifa leMveli yaseNtshona Koloni – abasemagunyeni kwizibonelelo zelifa yemveli yephondo bachongwa ngokweNHRA – kwaye ibonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwezemali. Umphathiswa wePhondo unoxanduva lokuseka abasemagunyeni nokuchonga iBhunga kwixesha ngalinye beziziphatha-mandla.
Imigaqo yoLawulo lweziBonelelo zeliFa yeMveli leNtshona Koloni, ka-2003	PN 298 yama-29 kweyeThuphai ngowama-2003	I-DCAS yongamela amaGugu eNtshona Koloni– abasemagunyeni kwizibonelelo zamagugu ephondo bachongwa ngokweNHRA – kwaye ibonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwezemali. UMphathiswa wePhondo unoxanduva lokuseka nokuchonga iBhunga kwixesha ngalinye beziziphatha-mandla.
UMthetho weeNkonzo zooVimba beeNkcukacha neengxelo ezigciniweyo zePhondo leNtshona Koloni, ka-2005	UMthetho wesi-3 ka-2005 (eNtshona Koloni)	Lo Mthetho useka iNkonzo yePhondo yoovimba beenkcukacha neeNgxelo ezigciniweyo ukuze kulondolozwe iingxelo zikarhulumente nezo zingezizo ezikarhulumente ukuze zikwazi ukusetyenziswa luluntu nanguRhulumente; ukwenza ezo ngxelo zifumaneke nokukhuthazwa ukusetyenziswa neNkonzo yokuGcinwa kweeNkcukacha zeNtshona Koloni ukukhusela uluntu.
UMthetho weeNkonzo zokluLondoloza IMbali, ka-1975	UMthetho wesi-8 ka-1975 (iPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho ngokuphunyezwa kweemyuziyam zephondo eNtshona Koloni. Umthetho omtsha wamaziko okulondoloza imbali yePhondo wenziwe kwiindibano nabanye abachaphazelekayo.
U/Mthetho we-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (eTulbagh), ka-1979	UMthetho we-11 ka-1979 (IPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuqalisa nokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho ukulawula imicimbi yeziko lolondolozo lwembali i-Oude Kerk Volks eTulbagh.
UMthetho weeNkonzo zamaThala eencwadi kwiPhondo, ka-1981	UMthetho we-16 ka-1981 (IPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuqalisa nokuhambelana namalungiselelo alo Mthetho malunga namathala eencwadi ephondo eNtshona Koloni.

7.3 Amagunya omgaqo-nkqubo

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Imigaqo-nkqubo yeSizwe	
IPhepha leNgcaciso ngoMgaqo-nkqubo weSizwe, kwezobuGcisa, iNkcubeko nezeLifa leMveli (lika-1996)	Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo somgaqo-nkqubo wesizwe nowephondo kwezobugcisa, iNkcubeko nezeLifa leMveli neenkonzo zamathala eencwadi nooVimba beeNkcukacha.
Isakhelo somgaqo-nkqubo woLwimi seSizwe (sika-2003)	Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo sesizwe ngokusetyenziswa kwamalungiselelo oMgaqo-siseko namagunya ezomthetho kuzo zonke iinkalo zikarhulumente, kuquka neDCAS. Lukwabeka nemithethnyezwa kwezicwangciso ekufuneka zilandelwe.
Umgaqo-nkqubo woLawulo lweeNgxelo zeSizwe (Incwadana yomgaqo-nkqubo wolawulo lweengxelo, ka-2007)	Olu xwebhu lulawula imida ethile apho amaqumrhu karhuluemente kufuneka asebenze malunga nolawulo lweengxelo zabo nokuba ingazongamela njani na iingxelo iDCAS zamaqumrhu karhulumente eNtshona Koloni.
Ukulawulwa kweeNgxelo ezikwiKhompyutha kumaQumrhu kaRhulumente: umgaqo-nkqubo, imithetho-siseko neemfuno (ka-2006)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesikhokelo kumaqumrhu karhulumente ukuwancedisa ahambelane nemithetho malunga neengxelo ezikwikhompyutha njengeyona nto iphambili kulawulo lwezibonelelo zeengxelo. I-DCAS kufuneka ihambelane nemigangatho efanelekileyo emiselweyo yesizwe neyamanye amazwe malunga nobuxhakaxhaka bekhompyutha, neeprogram zekhompyutha nokugcinwa kwazi koovimba beenkcukacha.
Isibhengezo seSizwe se-Indaba kwezeMidlalo noLonwabo (sika-2011)	Oku kufuna iDCAS ihambelane neenjongo zayo eziphambili ezicwangcisiweyo zesibhengezo esibeka umbono wezeMidlalo noLonwabo de ibengu-2020.
Isicwangciso sezeMidlalo noLonwabo seSizwe (sika-2012)	Esi sicwangciso sezeMidlalo noLonwabo seSizwe (NSRP) sibeka umbono wezeMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika de ibengu-2020.
Iphepha leNgcaciso ngoMgaqo-nkqubo weSizwe kwezeMidlalo noLonwabo(lika-2012)	Lo mgaqo-nkqubo uqaqambisa oku kulandelayo: • ukwandisa imigangatho yokuthatha inxaxheba kwezemidlalo noLonwabo; • ukuphakamisa ingxelo yezemidlalo kwizinto eziphambili ezingquzulanayo; • ukwandisa impumelelo yemisitho emikhulu; kunye • nokubeka ezemidlalo phambili kwiinzame zokunciphisa ulwaphulo-mthetho. Lulonke uxanduva lwezeMidlalo noLonwabo; lusezandleni zeSRSA.
Isakhelo senkqubo yoHlolo noVavanyo olubanzi lukarhulumente (sika-2007)	Injongo yeNkqubo ebanzi kaRhulumente yoHlolo noVavanyo (GWM&E) kukuba negalelo kulawulo oluphuculiweyo nokukhuthaza impumelelo yemibutho namaziko ecandelo lokarhulumente. Olu xwebhu lubonelela ngokongamela isakhelo somgaqo-nkqubo soHlolo noVavanyo (M&E) eMzantsi Afrika. Ikhuthaza ulawulo olubhekisele kwiziphumo.
Iphepha loGayo zimvo ngokusebenza koLawulo loHlolo noVavanyo (lika-2009)	Olu xwebhu lujolise ekwenzeni amagosa karhulumente nabasemagunyeni baqwalasele ekuphumezeni isiphumo nemiqathango yeziphumo ezikwiSakhelo esiCwangcisiweyo seXesha eliPhakathi (MTSF). Lujolise ekukhuthazeni umsebenzi omhle wesebe nowomntu ngamnye kuwo onke amanqanaba.
Izikhokelo zamaSebe eSizwe nawePhondo kuLungiselelwa iSakhelo soHlolo noVavanyo	Ezi zikhokelo zibonelela ngophuhliso lwesakhelo soHlolo noVavanyo kuwo onke amaziko karhulumente ukuze amaziko afumane inkqubela kwiinjongo zawo ezichaziweyo kuthathwe amanyathelo okulungisa izinto apho kuyimfuneko. Le nkqubo ifuna amasebe aqonde ngokubanzi zonke iinkqubo zokugcinwa kweenkcukacha zolawulo, uluhlu lweenkcukacha zolawulo nesalathisi soMsebenzi. Izalathisi kufuneka zinxulunyaniswe nokuphambili kumgaqo-nkqubo nokuhlahlelwa koluhlu lwezalathisi kufuneka kwenzeke ukuqinisekisa ukuba kukho unxulumano phakathi konobangela neziphumo.
Inkqubo yMisebenzi yoLuntu eYandisiweyo (EPWP)	Izicwangciso zeSebe ze-EPWP kwiCandelo leNtlalo (lezeMidlalo ezokusiNgqongileyo neNkcubeko (iMicimbi yeNkcubeko) zibonelela ngesakhelo kwiDCAS ukuba kusetyenziswe inkxaso-mali yecandelo likarhulumente ukuze kuncitshiswe intswela-ngqesho.

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Imigaqo-nkqubo yePhondo	
Umgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Koloni (PN 369, wama-27 kweyeNkanga ngowama-2001)	I-DCAS nawo onke amanye amasebe ephondo bazibophelele ukuphumeza amalungiselelo omgaqo-nkqubo woLwimi eNtshona Koloni noMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, ka-1998. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi wokubonelela ngeenkonzo zoLwimi kuRhulumente weNtshona Koloni ngokwecandelo layo lolwimi.
Umgaqo-nkqubo wenkxaso-mali kwezobugcisa nenkcubeko (ka-2009)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yenkcubeko.
Imigaqo yeNkxaso-mali kwezeMidlalo noLonwabo (ka-2012)	Olu xwebhu lunika isikhokelo kulwabiwo loncedo lwemali kwimibutho yezemidlalo.
Ukuyilwa komgaqo-nkqubo wokuThiywa nokuphinda kuthiywe iiMpawu zeeNdawo (ka-2007)	Lo mgaqo-nkqubo uyidrafti ubeka iindlela zokuqwalaselwa nezeenkqubo ekufuneka zilandelwe zeDCAS nezeKomiti yamaGama eeNdawo eNtshona Koloni xa kuququzelelwa kudityanwa nabachaphazelekayo noluntu malunga nokubekwa emgangathweni, nokuphinda kuthiywe, okanye ukutshintsha kwamagama eendawo. La maqumrhu enza izindululo kwiBhunga lamaGama eeNdawo eMzantsi Afrika nakuMphathiswa wesizwe welobugcisa nenkcubeko.
Inkqubo ebanzi yePhondo yoHlolo noVavanyo (ka-2009)	Olu xwebhu lusebenza njengempendulo yephondo kwinkqubo yoHlolo noVavanyo oluBanzi lukaRhulumente. Injongo kukuphucula ulawulo nokunika iingxelo kwesigqeba sephondo ngokunika inkxaso zokwenza ngcono izigqibo ezibhekisele kubungqina; ukucokiswa komgaqo-nkqubo nokwabiwa kwezibonelelo ngempumelelo.
Umgaqo-nkqubo weNkonzo zoLondozo lweMbali yeNtshona Koloni (ka-2013)	Lo mgaqo-nkqubo ubonelela ngesiseko kumntu ngamnye nakuluntu ukuze kusekwe kwaye kugcinwe iinkonzo zolondozo lwembali yeNtshona Koloni. Ikwacebisa ngesakhelo semithethi emitsha ecetywayo yeenkonzo zolondolozo lwembali zephondo endaweni yoMthetho weNkonzo zoLondozo lweMbali obukho [IPhondo laseKapa], ka-1975.

Izicwangciso	Inkcazelo
Izicwangciso zeSizwe	
Isibonelelo seemeko ezithile: INkqubo yokuxhotyiswa kwala mathala eencwadi ukulungiselela ukwandiswa kweenkonzo zamathala eencwadi oluntu	IDCAS inoxanduva lokuphumeza ngempumelelo nolawulo lweeprojekthi zezibonelelo zeemeko ezithile eNtshona Koloni.
Isalathisi: Iqela elisebenzisanayo kwezeMidlalo eZikolweni (2012)	I-DCAS inikwe umsebenzi yiSRSA neSebe leSizwe leMfundo esisiseko ukuba iseke iqela elisebenzisanayo kwezeMidlalo eziKolweni ukongamela, ukuququzelela nokuphumeza isicwangciso sezeMidlalo eZikolweni nokuqinisekisa ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo ezikolweni.
Imigaqo yokuSekwa kweeKomiti zeMidlalo zokuXhasa ezeMidlalo eZilolweni(2013)	I-SRSA neSebe leSizwe leMfundo esisiseko babonelela ngemigaqo ecacileyo yokusekwa kweekomiti zemidlalo ethile kwezeMidlalo eziKolweni kumgangatho wesekethe, wesithili nowephondo. I-DCAS ixhasa iSebe leMfundo eNtshona Koloni (WCED) ukuba kuququzelelwe imisebenzi enxulumene nezemidlalo ezikolweni kwimidlalo eyahlulekenyo. Iikomiti zemidlalo ethile kulindeleke zinike ingxelo kwiintlangano ezifanelekileyo zezemidlalo.

Izicwangciso	Inkcazelo
Izicwangciso zePhondo	
Isikhokelo sezeMidlalo eZikolweni (sika-2013)	Olu xwebhu lweDCAS lubonelela ngesikhokelo kwabachaphazelekayo ukuze bahambelane namaxwebhu emigaqo-nkqubo eyahlukeneyo kwezeMidlalo eZikolweni nakwisicwangciso sezeMidlalo noLonwabo seSizwe.
Isicwangciso soPhuhliso Jikelele (sika-2008)	Olu xwebhu lubonelela ngesakhelo kuphuhliso, ukukhuthazwa nokulondolozwa kweentlobo zobugcisa eNtshona Koloni.
Isakhelo soLoluko eNtshona Koloni	Esi sakhelo sibonelela ngesikhokelo kwizenzo zenkcubeko zolwaluko nemibutho yasekihlaleni yenkcubeko, oomasipala nabanye abasemagunyeni

8. UBUME BESEBE

Ubume beSebe buyachazwa kwiphepha eli landelayo.

Western Cape Government
BETTER TOGETHER.

Organisational Organogram



9. Amaziko anika ingxelo kuMphathiswa

Le Theyibhile ingezantsi ibonisa amaziko anika ingxelo kuMphathsiwa:

Amaziko oluntu:

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Unxibelelwano lweMali	Ubume bemisebenzi
Ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni	UMthetho wekhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni namaBhunga eNkcubeko, ka-1998 (uMthetho we-14 ka-1998)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili weWCCC. Igqithisela iintlawulo kwiKhomishini ukuba ixhase imisebenzi yayo.	I-WCCC inoxanduva ngokusemthethweni lokubhalisa nokususa amabhunga enkcubeko. Ikwanoxanduva lokongamela ukulawulwa kwamaziko athile enkcubeko aphantsi kolawulo loMphathiswa wePhondo kwimicimbi yenkcubeko nezemidlalo
IKomiti yeeLwimi eNtshona Koloni	UMthetho weeLwimi zePhondo eNtshona Koloni, ka-1998 (uMthetho we-13 ka-1998)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili weWCLC. Igqithisela iintlawulo kwiKomiti ukuba ixhase imisebenzi yayo.	I-WCLC inoxanduva lokuhlola ukusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni; ukwenza izindululo kuMphathiswa wePhondo wemicimbi yenkcubeko nezemidlalo nakwiPalamente yePhondo; ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi; ukuxhasa iilwimi ebezifudula zingaselwa so; nokucebisa uMphathiswa wePhondo wemicimbi yenkcubeko nezemidlalo nePanSALB kwimiba yeelwimi eNtshona Koloni.
EzeLifa leMveli leNtshona Koloni	UMthetho weziBonelelo zeLifa leMveli leSizwe, ka-1999 (uMthetho wama-25 ka-1999)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili weHWC. Igqithisela iintlawulo kwiHWC ukuba ixhase imisebenzi yayo.	Njengabanegunya kwizibonelelo zamagugu ephondo eNtshona Koloni, iHWC inoxanduva oluthile ngokusemthethweni ngokoMthetho weziBonelelo zeLifa leMveli yeSizwe, ka-1999.

IiNkonzo zoLondozo lweMbalizikarhulumente ezifumana uncedo kwiPhondo:

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Unxibelelwano lweMali	Ubume bemisebenzi
IZiko loLondolozo lweMbali laseBeaufort West	**UMthetho weZiko loLondolo lweMbali,ka-1975 (uMthetho wesi-8 ka-1975)**	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili wamaziko olondolozo lwembali afumana uncedo kwiphondo ngaphandle kweZiko loLondolozo lweMbaliiCango Caves Museum, engasebenziyo. I-DCAS yenza kubekho isibonelelo sokulawulwa kwamaziko olondolozo lwembali	Njengamaziokolondolozo lwemmbali afumana uncedo kwiphondo, la maziko olondolozo embali zinoxanduva ngokusemthethweni lokulawula, ukugcina, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza ukuqokelelwa kwazo ngokokuqulathwe kwngalinye.
IZiko loLondolozo lweMbali laseCaledon			
iCP Nel, e-Oudtshoorn			
IZiko loLondolozo lweMbali iDrostdy, eSwellendam			
IZiko loLondolozo lweMbali laseGenadendal Mission			
IZiko loLondolozo lweMbali iHout Bay, eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali laseHuguenot Memorial, eFranschhoek			

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Unxibelelwano lweMali	Ubume bemisebenzi
IZiko loLondolozo lweMbali iCango Caves, e-Oudtshoorn		kwaye ibonelelwa ngabasebenzi abaza kuncedisa ngokwesiseko sabasebenzi beDCAS.	
IZiko loLondolozo lweMbali iWheat Industry, eMoorreesburg			
IZiko loLondolozo lweMbali liLwandle Migrant, eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali laseMontagu			
IZiko loLondolozo lweMbali yezibuko elidala leenqanawa, eHermanus			
IZiko loLondolozo lweMbali i-Oude Kerk Volks, eTulbagh			
IZiko loLondolozo lweMbali lasePaarl			
iSA Sendinggestig, eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali laseSimon's Town, eKapa			
IZiko loLondolozo lweMbali iShipwreck , eBredasdorp			
IZiko loLondolozo lweMbali laseStellenbosch			
IZiko loLondolozo lweMbali iTransport Riders', eCeres			
IZiko loLondolozo lweMbali laseWellington			

Amaziko oLondolozo lweMbaliAmaziko olondolozo embali eengingqi ezibhengeziweyo:

Igama leZiko	Igunya loMthetho	Unxibelelwano lweMali	Ubume bemisebenzi
IZiko loLondolozo lweMbaliiFransie Pienaar, ePrince Albert	UMthetho weZiko loLondozolo lweMbali,ka-1975 (uMthetho wesi-8 ka-1975)	I-DCAS ngoyena mxhasi uphambili wamaziko olondolozo lwembali asekuhlaleni. Yenza iintlawulo ezigqithiselwayozibekho ukunceda ulawulo lwamaziko oLondolozo lweMbali asekuhlaleni.	Njengamaziko olondolozo lwembali asekuhlaleni aziwayo, amaziko olondolozo lwembaliamaziko olondolozo embali anoxanduva ngokusemthethweni okulawula, ukulondoloza, ukuphanda, ukufundisa nokukhuthaza ukuqokelelwa kwezinto ngokokuqulathwe kumaziko olondolozo embali nganye.
IZiko loLondolozo lweMbali eGreat Brak River			
IZiko loLondolozo lweMbali iiJan Dankaert, ePorterville			
IZiko loLondolozo lweMbali laseRobertson			
IZiko loLondolozo lweMbali yezokuLoba zaseMzantsi Afrika, eLaaiplek			

Icandelo B

IINKCUKACHA ZOMSEBENZI

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: linjongo eziqinisekisiwe kwangaphambili

I-AGSA yenza eminye imigaqo yophicotho zincwadi kwiinkcukacha zoMsebenziukubonelela ngesiqinisekiso ngokokuqukunjelwa kophicotho zincwadi. Ukuqukunjelwa kophicotho zincwadi kumsebenzi wenjongo eqinisekiswe kwangaphambili kufakiwe kwingxelo yabalawuli, kukho izinto ezifunyanisiweyo ezichazwe phantsi kwenjongo eqinisekiswe kwangaphambili kwiNgxelo ngokwecandelo leemfuno zomthetho nezolawulo kwingxelo yophicotho zincwadi.

Jonga kwiphepha 169 kwiNgxelo yoMphicothi zincwadi Jikelele, epapashwe kwiCandelo E: linkcukacha zeMali kwiNgxelo yoNyaka 2014/15.

2. Uvavanyo ngokubanzi komsebenzi weSebe

IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sisixhobo esithi sisetyenziselwe ukunceda ekwakheni uluntu lweNtshona Koloni oluhlangeneyo ngokwentlalo. ISebe linoxanduva lokunikezela ngezi nkonzo zilandelayo:

INKONZO ENGUNDOQO	INKCAZELO YENKONZO
linkonzo zenkxaso yolawulo	• Ukubonelela ngenkxaso yolawulo eneqhinga nesebenzayo kwiSebe. • Ukubonelela ngeenkonzo zemali nolawulo lwesixokelelwano sonikezelo kwiSebe.
IMicimbi yeNkcubeko	• Inkxaso yeqhinga yokuphatha nolungelelwaniso lweenkqubo zeEPWP kwiCandelo leNdalo neNkcubeko kwiDCAS. • Ukuququzelela uphuhliso, ugcino nenkuthazo yobugcisa nenkqubeko eNtshona Koloni ngokuyilwa kwamacandelo obugcisa nenkcubeko afanelekileyo nasebenzayo, imisebenzi nobume nokubonelela ngenkxaso noncedo kwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ukumilisela isigunyaziso sayo esisemthethweni.
liNkonzo zeLifa leMveli neZiko loLondolozo lweMbali	• Ukukhuthazwa, ukugcinwa nokuphuhliswa kwelifa lemveli lethu ngokunikezelwa kweenkonzo kwiziko lolondolozo lwembali amanyeneyo nokunikezela ngenkxaso yobugcisa nenye inkxaso kumaqumrhu alawulayo amaziko olondolozo lwembaliamanyeneyo. • Ukukhuthazwa, ukugcinwa nokuphuhliswa kwezibonelelo zelifa lemveli leNtshona Koloni nokuququzelela imibandela enxulumene neenkxalabo zelifa lemveli lehlabathi eNtshona Koloni, nokunceda ngolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli ngokumilisela imithetho efanelekileyo.
liNkonzo zamaGama eeNdawo neeNkonzo zeeLwimi	• Ukuququzelelwa kweenkqubo ezilungiselela ukubeka emgangathweni okanye iinguqu, apho kukho imfuneko yamagama eendawo eNtshona Koloni. • Ukukhuthazwa nokuphuhliswa kokusetyenziswa kweelwimi eNtshona Koloni, ukuphuhliswa ngamandla kweelwimi zemveli ezazivinjwe amathuba ngaphambili zeNtshona Koloni, ukuququzelelwa kokumiliselwa nokubekwa kweliso koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni nokubonelelwa ngobugcisa nenkxaso kwiKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC) ekumiliseleni isigunyaziso sayo

INKONZO ENGUNDOQO	INKCAZELO YENKONZO
	esisemthethweni.
liNkonzo zeThala leeNcwadi	• Ukubonelela ngeenkonzo zethala leencwadi nengcaciso nokukhuthazwa kokufunda nemfundo yobomi bonke ngentsebenziswano noomasipala.
liNkonzo zooVimba neeNkonzo zeMidlalo	• Ukubonelelwa kwelungelo lokungena kwelifa lemveli loovimba nokukhuthazwa kolawulo olululo nenkathalo yeerekhodi zikarhulumente. • Ukubonelela ngeenkonzo ezizodwa zemidlalo nolonwabo. • Ukunikezelwa kwenkxaso kumamkeli wenkonzo nenkxaso yobunzululwazi.
liNkonzo zoLonwabo neeNkonzo zeMidlalo yeZikolo	• Ukukhuthazwa kwezolonwabo nemidlalo. • Ukukhuthazwa kokuthatyathwa kwenxaxheba luninzi ngokubonelela ngemidlalo eyahlukeneyo yasemva kokuphuma kwesikolo. • Ukukhuthazwa kwemidlalo ethe ngqo yasemva kokuphuma kwesikolo kunye namathuba okuthatyathwa kwenxaxheba kwinqanaba elilandelayo.

Ukunikezela kweenkonzo zalo iSebe kwisithuba sowama-2014/15 kuxoxwe kwicandelo 2.1 ngasezantsi.

2.1. Ubume bokunikezelwa kwenkonzo

IMICIMBI YENKCUBEKO

Iinkonzo zoBugcisa neNkcubeko:

Icandelo lobugcisa nenkcubeko leSebe line-ofisi zesithili ezimbini kuphela ngenxa yezithintelo zezibonelelo. Nangona kunjalo, icandelo linikezela ngeenkonzo kulo lonke iPhondo apho iiNGO ezixhaswa ngemali namaqabane alulwandiso lwemisebenzi eququzelelwa licandelo.

Iinkonzo zeZiko loLondolozo lweMbali:

Kwisithuba sowama-2014/15 amaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo zazikwinqanaba lokugqibela lokulungela imigangatho yophicotho-zincwadi yeGRAP 103 elungiselelwe izinto zelifa lemveli eya kuthi isetyenziswe ngabaphicothi-zincwadi ukulungiselela unyaka ophantsi kovavanyo. Indlela yephondo ngokubanzi yaphuhliswa yiNkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali ukuqinisekisa ngendlela esemgangathweni apho izinto zeziko lolondolozo lwembali kunye nemiqingwa yabekwa ngokwamacandelo kulungiselelwa le njongo.

Amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo afumene le nkxaso ilandelayo kumacandelo amathathu eNkonzo yoLondolozo lweMbali (iNkonzo yoLawulo neNkxaso; iNkonzo yoBugcisa nezeNzululwazi), kusangezelelwa kwinkxaso yemali:

- Umboniso omtsha nosigxina wavulwa ngokusesikweni ngomhla wama-29 kuCanzibe 2014 kwiZiko loLondolozo lwembali iCP Nel eOudtshoorn yaye umsebenzi wovuselelo ngokutsha kwizitora zeziko lolondolozo lwembali walawulwa yaye umsebenzi wololongo waqhutywa kwimiqingqwa ethile eziko lolondolozo lwembali.

- Ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2014 uMboniso omtsha weTimber kwiZiko loLondozo lweMbali yaseGeorge waqaliswa.

Umboniso omtsha wokukhumbula unyaka wesikhumbuzo wama-45 wentaba-mlilo eyatshabalalisayo ngowe-1969 eBholani wavulwa nguMphathiswa wePhondo wangaphambili, uGq. Nomafrench Mbombo, kwiOude Kerk Volksmuseum van't Land van Waveren eTulbagh ngolwesiHlanu, umhla wama-24 kweyeDwarha 2014.

- Ucwangciso noyilo ukulungiselela ukuvuselelwa ngokutsha kwemiboniso kwiZiko yoLondolozo lweMbali yaseWorcester luqalisile yaye uphando luyaqhutywa ngokwakaloku nje. Inkqubo iya kwenziwa ngamanqanaba amathathu yaye uphando noyilo lwenqanaba lokuqala sele luqukunjelwe.
- Imiboniso emibini ejikelezayo yaqaliswa, okt. Omnye ubonisa uvavanyo ngokubanzi lwelaphu lomqhaphu lwemveli yaseAfrica, IsiShweshwe, ze omnye yangumboniso oboniswa kwamva woyilo lwakudala lwaseKapa olwaziwa ngokuba yi"Make It New", owawuyiprojekthi yelifa lesebe kulandela ilinge leDesign Capital Cape Town 2014.
- Umsebenzi waqukunjelwa kumboniso ojikelezayo wesithathu kwi-Toys, oya kuqaliswa ngesithuba sowama-2015.
- Umboniso omtsha wesigxina wavulwa ngokusesikweni kuCanzibe 2014eCP Nel Museum eOudtshoorn.

Imiboniso emitsha yeziko yolondozo lwembali ebonisa imiboniso ehambelanayo kunye nemele imiqingqwa kunye neenkqubo zikarhulumente ezingeelwimi ezintathu ezisesikweni ngokunjalo yanceda kukukhuthazwa kokubandakanywa kwentlalo kunye nokhenketho lwenkcubeko apho ilifa lemveli lenkcubeko loluntu lweNtshona Koloni lwaboniswa ze labonelela ngamava omtyeleli anxulunyaniswe kunye neQhinga lesizwe loKhenketho lweLifa leMveli leNkcubeko (2011) kunye neQhinga leSizwe loKhenketho lwaMaphandle (2012).

Ucweyo loqeqesho luqhutywe kweyoMnga 2014 ukunceda abasebenzi beziko lolondolozo lwembali abajongene nemisebenzi yemfundo ukulungelelanisa imathiriyeli yabo yemfundo ngokuhambelana kweenguqu zekharityhulam.

Apha enyakeni ucweyo lwabanjwa ukunceda abaphathi beziko lokulondoloza imbali namalungu esigqeba esilawulayo samaziko olondolozo lwembali amanyeneyo ukulungiselela ukuphuculwa kokonganyelwa kwemali, ukujongana nabaphicothi-zincwadi, namalungiselelo eengxelo zemali zeGRAP.

Uncedo lolondolozo oluqhubekayo lwanikezelwa ngesicelo samaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo kunye noCweyo loCwangciso namaXwebhu ukuxhobisa abalawuli yaye ukuqokelelwa kwabasebenzi kwaqhubeka kweyoKwindla 2014.

ISebe liqhubekile ukunxulumana neCandelo loLawulo-mali lePhondo kunye neOfisi yoMphicothi-zincwadi Jikelele ngokubhekiselele kulawulo nemiba yolawulo lwemali yoMthetho Oyilwayo weZiko loLondolozo lweMbali wePhondo leNtshona Koloni. Uya kuthi wakuqukunjelwa uMgaqo-nkqubo weZiko loLondolozo lweMbali weSizwe, uya kunikezela ngengcaciso koko kuthatyathwa ngokuba 'liziko lolondolozo lwembali esizwe' zaye uya kunceda iSebe ukuba liqukumbele uMthetho Oyilwayo weZiko loLondolozo wePhondo leNtshona Koloni.

Ngoncedo nentsebenziswano ye-Ofisi yoMphicothi-zincwadi Jikelele, okusemva kuphicotho-zincwadi lwazo zonke amaziko olondolozo embali ezincedwa liphondo kuqwalaselwe apha

enyakeni ophantsi kovavanyo. Oku kuya kunceda la maziko olondolozo embali ukuba angenise izicelo zenkxaso mali, kunye neengxelo eziphicothiweyo zemali kubaxhasi bemali abahlukeneyo abanakho kwixa elizayo.

Amaziko olondolozo lwembali ephondo amane, aphantsi kwesikhokhelo seSebe, atsale abatyeleli abaninzi nabafundi. Elinye kumaziko olondolozo embali athandwa kakhulu eNtshona Koloni yiBartolomeu Dias Museum eMossel Bay.

Emva kolungiselelo olukhulu namalungiselelo, iFriends Association of the George Museum yade yaqaliswa ngomhla wesi-9 kweyoMdumba 2015 yaye ngoku amalungun anomdla amelwe kwiKomiti yoLawulo lweZiko loLondolozo lweMbali.

Iziko loLondolozo lweMbali iGeorge, ngentsebenziswano neSouthern Cape Association of Visual Art, iqalise ngokhuphiswano lobugcisa lubonisa ubugcisa bamaziko engingqi agcina izinto zobuGcisa kunye namanye kummandla. Ubugcisa busekumboniso nokwakaloku nje kwiziko lolondolozo lwembali yaye buyaqhubeka ukutsala umdla wabatyeleli. Iinkqubo ezintsha zemfundo zaphuhliswa ngokunjalo kumboniso weTimber kwiZiko loLondolozo lweMbali laseGeorge kunye nemiboniso ejikelezayo yeMiqondiso yeSizwe.

Ngosuku lweLifa leMveli iziko lolondolozo lwembali laseWorcester labonisa imidaniso yemveli yamaqela enkcubeko ahlukeneyo aneengcambu eWorcester. Abalawuli abatsha abambalwa baqalisa ngemisebenzi ngeyoMsintsi 2014 yaye iziko lolondolozo lwembali lavuselela imiboniso yayo yaphandle, kubandakanywa i-"*bak en slag*", ixesha lederi nokuchetywa kweegusha.

Ukuqeshwa kwabaxhamli abane be-EPWP kunye nabasebenzi abathathu bethutyana eBartolomeu Dias Museum eMossel Bay ibe kukuxhotyiswa okubonakalayo kwekhono kwiziko lolondolozo lwembali , xa kucamgcwa ngenani elikhulu labatyeleli abalityeleli rhoqo iziko lolondolozo lwembali. Uphahla oluvuzayo eMaritime Museum ngokunjalo neShirley Building lwalungiswa ngoko kusonjululwa ezinye zezoyikiso zomonakalo kuqokelelo lweziko lolondolozo lwembali. Uvuyiswano lomhla wokuzalwa kweziko lolondolozo lwembali ngomhla woku-1 kweyoMdumba 2014 lwazinyaswa ngama-Frentshi, abaseIndonesia nePortuguese Consul Generals.

I-Cape Medical Museum iphuhlise ngempumelelo intsebenziswano kunye necandelo lokufundisa kwiSibhedlele iGroote Schuur ethe yayivulela abantu ekujoliswe kubo abatsha. Kukokuqala okokuba kuthatyathwe inxaxheba kakhulu ngabafundi bezonyango abathe ngokuzimisela bazimasa uluhlu lwezifundo ezisingethwe ngumbutho owaziwa ngokuba ziFriends of the Museum. Isitora saphuculwa kubume obuphuculweyo kumoya nokugcinwa apho kugcinwa khona izigingqwa. Ukulungiswa kwaqaliswa kuqokelelo lweencwadi zeziko lolondolozo lwembali. Umphathi omtsha waqalisa imisebenzi yakhe ngeyoMqungu 2015. Ngomhla wama-20 kweyoKwindla 2015 iziko lolondolozo lwembali lisingethe ngempumelelo i-International Down Syndrome Awareness Day, lijolise kubantwana abaneDown Syndrome nabalolongi babo.

Uthethwano olumalunga nokusetyenziswa okungakho kweSakhiwo sembali seBhanka iStandard Bank esise-Adderley Street, eKapa, zaqhubela ekubeni sisetyenziswe njengeziko lolondolozo lwembali laseKapa.

Amagama eNdawo neLifa leMveli:

Apha enyakeni izindululo ezinomdla zeenguqu zamagama zamkelwa yiKomiti yaMagama eNdawo yeNtshona Koloni, kubandakanywa nesindululo sokuguqulwa kwegama leDevils' Peak eKapa. Iinkqubo zothethwano ngohambelwano neZigwebo zeNkundla ngothethwano olwaneleyo iyaqhutywa ngokwakaloku nje.

Iingxelo zembali kuye nezikhumbuzo zibe phantsi kwesoyikiso xa kusiya ekupheleni konyaka xa umfanekiso oqingqiweyo kaRhodes kwiUpper Campus kwiYunivesithi yaseKapa sonakaliswa. ILifa leMveli leNtshona Koloni likhuphe iphepha-mvume lokususwa okwethutyana komfanekiso oqingqiweyo lomhla wama-31 kweyoKwindla 2015

INKONZO YETHALA LEENCWADI

ISebe liqhubekile ukufumana inkxaso-mali yoMnikelo woXhomekeko ukulungiselela lokufumana ulwazi nengcaciso enokuthi iphucule ubume babo boqoqosho lwentlalo. Inkxaso-mali elungiselelwe le nkonzo yande kakhulu kunyaka wama-2014/15 yaye kokokuqala kwimbali yoMnikelo, iingxowa-mali zibekho ukujongana nezigunyaziso ezingaxhaswa ngamali zeenkonzo zethala leencwadi. Le nkxaso-mali idlala indima ebalulekileyo ekwandiseni utyalo-mali lukamasipala ekunikezeleni ngeenkonzo zobugcisa zamathala eencwadi koomasipala abakwicandelo B. Isixa-mali sezigidi ezili-R114.333 sakhutshelwa koomasipala bengingqi abangama-25. Le nkxaso-mali incedise ekugqityezelweni kweThala leeNcwadi iPrince Alfred's Hamlet nesixa-mali esizigidi ezi-R2 sikhutshelelwa kuMasipala iWitzenberg. Inkxaso yemali eyokutsho kwisixa-mali esizigidi ezi-R3 sakhutshelelwa kuMasipala waseBreede Valley ukulungiselela ukwakha inqanaba lokuqala lethala lencwadi elitsha elilungiselelwe uluntu lwaseAvian Park. Umasipala waseBreede Valley wafumana ngokunjalo isixa-mali sama-R500 000 ukulungiselela ithala lencwadi eSlanghoek. Eli thala lencwadi liya kufezekisa injongo entlangothi-mbini yethala leencwadi lesikolo/loluntu. Isixa-mali esisigidi ezi-R2 sanikezelwa kuMasipala weCederberg njengesixa-mali sokuyilela ukulungiselela ulwakhiwo lwethala leencwadi elitsha eCitrusdal.

Iiprojekthi ezingundoqo zohlaziyo zaxhaswa ngemali ngokunjalo, noMasipala wesiXeko saseKapa efumana izigidi ezili-R10 kulungiselelwa amathala eencwadi elaseParow, eHangberg, naseCrossroads; uMasipala waseGeorge efumana izigidi ezi-R3 zokuhlaziywa kweThala leeNcwadi laseConville, nezigidi ezi-R2 zoMasipala waseOverstrand zokuhlaziywa kweThala leeNcwadi laseKleinmond.

INgcaciso neTekhnoloji yoNxibelelwano (ICT) yaqaliswa kwiingingqi zoluntu ezingama-79 ngokusetyenziswa kweProjekthi eyaziwa ngokuba yiRural Library Connectivity ngowama-2014/15. Ukwangezelela kwiiprojekthi zonyaka ongaphambili, amathala eencwadi angama-200 asele eqhagamshelwe kwi-intanethi ukulungiselela ukunika ilungelo lokungena kuluntu. Uninzi lwala mathala eencwadi ayinxalenye yeLinge eliyiBroadband loRhulumente weNtshona Koloni. Iinkonzo ezandisiweyo zethala leencwadi lasemaphandleni, ngendlela yamathala amancinane (iinqwelwana ezinamavili) zasekwa kwezi ngingqi zoluntu zilandelayo kwisithuba sowama-2014/15:

- E Malgas kuMasipala waseSwellendam,
- E Brackenhill kuMasipala waseKnysna,
- naseRuiterbos kuMasipala waseMossel Bay.

Ukuthengwa kwemathiriyeli yethala leencwadi kuqhubile kwisithuba sowama-2014/15 kunye nezinto ezili-191 976 ezithe zathengwa ukulungiselela ukunikezelwa kumaziko ethala leencwadi angama-361. Inkonzo yethala leencwadi incedise ngomiliselo lweNkqubo

yoLawulo lweNgcaciso yeThala leeNcwadi iSITA eqiniswe yiBrocade (SLIMS) kumathala eencwadi ali-12.

Isixa-mali sezigidi ezingama-R54.777 sanikezelwa njengeNkxaso-mali yoMelo kaMasipala koomasipala abali-15 abakwicandelo B3 ukulungiselela ukunikezelwa kweenkonzo zethala leencwadi loluntu. Injongo yenkxaso-mali kukukwangezelela utyalo-mali lukamasipala kwiinkonzo zethala leencwadi, nokuzinzisa unikezelo lobugcisa bexa elizayo nophuhliso lwezi nkonzo. Le nkxaso-mali yasetyenziselwa abasebenzi, inkcitho yokusebenza nenkunzi kumathala eencwadi oluntu.

IINKONZO ZOOVIMBA

Ukuqinisa iindlela zolawulo lwerekhodi kumaqumru karhulumente, uhlolo lolawulo lweerekhodi olungama-36 lwaqhutywa. Uqeqesho lwabasebenzi bolawulo lweerekhodi olujolise ekuxhobiseni abasebenzi kumaqumru karhulumente ukulungiselela ulawulo olungcono yaye ulolongo lwerekhido zikarhulumente luqhutyiwe kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, lunabantu abali-169 eliqeqeshweyo.

Abaphandi baqhubeka ukutyelela umthombo weLifa leMveli. Kwisithuba sowama-2014/15, ama-12 021abaphandi batyelela umthombo, baphengulula ngaphezulu kwama-55 700 eerekhodi. Ukufakwa kwidijithali kweerekhodi zeLifa leMveli yiGenealogical Society of Utah kunye nabaxhamli beNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) kuqhutyiwe kulo nyaka uphantsi kovavanyo.

Ukumiliselwa koLawulo kokuQulathiweyo koShishino (ECM) kumasebe amane kwafezekiswa kwisithuba sowama-2014/15. Uqeqesho lwaqhutywa ekusetyenzisweni kwenkqubo My Content ngamasebe amane.

Ngenkxaso-mali engaphezulu kwezigidi ezingama-R32 zeprojekthi, inkqubela phambili ebonakalayo yenziwa kucwangciso lokugcinwa ngedijithali kweerekhodi zelifa lemveli, uphuhliso lwewebhu, photali elungiselelwe iLifa leMveli nokuqaliswa kotyikityo lwe-elektroniki.

Iprojekthi yokugcinwa ngedijithali kwelifa lemveli kwaqaliswa ngokusesikweni ngomhla wama-27 kweyoKwindla 2015. ILifa leMveli linoqokelelo olubanzi lweerekhodi zembali, olunye lwazo lususela kowe-1651. Iprojekthi iya kukwenza oko kugcinwe kwilifa lemveli kube kokufumanekayo kuluntu nakuye nakubani ehlabathini onakho ukufikelela kwi-intanethi. Ukugcinwa ngedijithali kukufotwa kwemathiriyeli kulungiselelwa ukugcinwa kubume be-elektroniki ngokuhambelana nemigangatho yehlabathi. Iprojekthi iya kunciphisa ukuphathwa ngezandla kweerekhodi ezingakotshwanga kuba imifanekiso ekumgangatho ophezulu wokulunga ye-elektroniki iya kufumaneka. Iya kunciphisa ngokunjalo uxinzelelo kwindawo yokugcina ilifa lemveli. KweyeKhala wama-2014 abaqeqeshwa abasemsebenzini beNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) baqeqeshwa ukunceda kugcino nabasebenzi bolondolozo ukulungiselela ukuchonga nokulungisa iirekhodi ezilungiselelwe ukufotwa. Bafumana ngokunjalo uqeqesho kwindlela yokuphathwa kweerekhodi kunye nololongo lwesiseko lokucocwa neendlela zokuvuselela ngokutsha okudingekayo ukuthabatha imiboniso ekuhlobo oluphezulu.

IINKONZO ZEMIDLALO

Ngowama-2014/15, iSport Academy System isele ingumba ophambili ngokwesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo. Amaziko emidlalo asele ekho esithili anikezela ngeenkonzo kwiimbaleki, abaqeqeshi kunye nabasebenzi abaxhasayo beziko. Iinkampu zoqeqesho

zaqhutywa eWest Coast nakwiZiko lase-Eden. Ugxininiso lweNkqubo yeZiko lwaqhubeka ukuba luchongo lweTalente, uKhetho noPhuhliso. Iimbaleki ezixhaswa yinkqubo yeziko zaqhuba kakuhle kakhulu kukhuphiswano lwesizwe aye amalungiselelo enziwa ukulungiselela abo babaza kuzigqatsa kwinqanaba lehlabathi.

ISebe lixhase iimbaleki ezingamashumi amahlanu ngokusetyenziswa kwenkqubo yokusebenza ekwinqanaba eliphezulu: Ezi ibe zimbaleki ezimele uMzantsi Afrika kukhuphiswano lwehlabathi.

ISebe lisayine isiVumelwano neShandong Sports Bureau kwisithuba sowama-2013. Esi sivumelwano siqulunqa ubudlelwane bemidlalo phakathi kweNtshona Koloni kunye nePhondo iShandong ngokuqhutywa kwenkqubo yonyaka yotshintshiselwano lwemidlalo kwimimandla yomdla emine okt. (i) Amaziko eMidlalo; (ii) Uqeqesho nokuQhelisa; (iii) kuChongwa kweTalente kunye (iv) neZibonelelo. Kwisithuba sikaJulayiukuya kweyeThupha 2014, iSebe ngetsebenziswano noMasipala wesiXeko lithumele iQela leBhola eKhatywayo leNtshona Koloni ukuya kuthabatha inxaxheba kwiWeifang Football Cup 2014. Umiliselo olungaphezulu lwesi siVumelwano lwenzeka xa iNtshona Koloni isingethe abathunywa abavela eQingdao, kwiPhondo laseShandong.

Umiliselo lwesi siVumelwano lwaqinisa amaqhina kunye nePhondo laseShandong eChina lwaze ngokunjalo lwanceda ekuphakamiseni uphuhliso lwemidlalo nendlela yokusebenza yabathathi-nxaxheba bemidlalo beNtshona Koloni ngokutshintshiselana ngolwazi lokwenza nobungcungela.

Ukulungiselela iziko lesithili ukuba lisekwe eCape Winelands, abaphuhlisi bokuqeqesha bePhondo bamilisele inkqubo yabaqeqeshi kugxininiswa ekubekweni kwesiseko sesicwangciso-nkqubo sokuqeqesha kwinqanaba lesithili.

Ngokunjalo lisingethe ngokunjalo ukukhutshwa kwamabhaso emidlalo kwiphondo kunye nemisitho yamaqhawe emidlalo ejolise ekuhlonipheni abantu bemidlalo kwiikhowudi / kwimibutho emanyeneyo yemidlalo ngendima ayidlalileyo ekuqinisekiseni ngokukhula, ngophuhliso, nangenguqu kwimidlalo ngethuba leemeko ezinzima, umsitho wamaqhawe emidlalo we-12 kweyoMnga 2014 unike ingqwalasela kumnikelo owenziwe ngabantu njengamagorha emidlalo ekubumbeni ikamva lemidlalo eNtshona Koloni naseMzantsi Afrika.

Ijimnaziyam karhulumente wephondo yavulwa ngokusesikweni ngomhla wama-27 kweyeDwarha 2014. Ijimnaziyam iya kutsala abasebenzi boRhulumente weNtshona Koloni ukuba babe ngamalungu ngokukhuthazwa kwendlela yokuphila esempilweni.

INkqubo yoPhuhliso lweKlabhu ixhase iiklabhu ezingama-415 ngolwakhiwo lwamakhono, izixhobo nezithuthi.

ISebe lisingethe usuku lweMidlalo lwaBasebenzi baseFama ngomhla wesi-3 kuMeyi 2014.

ISebe lixhase iinkqubo zabasetyhini abathandathu namantombazana kunyaka-mali wama-2014/2015 kwezine kwezintandathu iziThili.

USuku lweHlabathi lwaBalimeleyo lwabanjwa ngomhla wesi-3 kweyoMnga 2014 eWest Coast naseOverberg.

Onke amanye amacandelo abalimeleyo axhaswa ngemali ngeDISWEC kwizixa-mali elithi lizifumane zivela kwiSebe.

ISebe ngokunjalo lixhase uMnyadala weMidlalo waseOudtshoorn yaye uya kuqhubeka lixhasa iKnysna Oyster, iHermanus Whale neMossel Bay Sport Festival ukulungiselela ukwandisa inkxaso yeeklabhu nokuthatyathwa kwenxaxheba kwimibutho yemidlalo.

ISebe lixhase ngokunjalo iikhowudi ezichongiweyo ezifana noMdyarho weeBhayisikili, iTshesi, iBhola yoMnyazi, iBasketbholanokuBaleka. Ubudlelwane kunye neThrasti yeMidlalo baqiniswa yaye buya kuqhuba buxhasa uluntu ngophuhliso lomdyarho weebhayisikili.

ISebe liqhube iintlanganiso ezintlangothi-ntathu kunye nemibutho yamaqela emidlalo azinze eNtshona Koloni apho inkcitho yonyaka-mali ongaphambili kwakunikwa ingxelo ngayo yimibutho yamaqela emidlalo. Ngenxa yolu nxibelelwano, iSebe liphucule iinkqubo zabo zenkxaso kumaqumrhu emidlalo ngokuqinisekisa ngenkxaso yezemali kumaqumrhu emidlalo neenkqubo zawo. Iintlawulo eziya kumaqumrhu zakhawuleziswa nto leyo encede amaqumrhu ukuba aqhube imisebenzi yawo ngokufanelekileyo. Iingxowa-mali ezithe zakhutshelwa kumaqumrhu emidlalo zabekwa iliso ngokusetyenziswa kwenkqubo entlangothi-ntathu.

Imisitho yokunikezelwa kwetshekhi kwenzeka kwiNtshona Koloni iphela kwisithuba senyanga kaEpreli 2014.

ISebe lixhase amaqumrhu ali-110 kunyaka-mali wama-2014/2015 ngokusetyenziswa kwenkqubo yenkxaso-mali yokukhutshelwa. Inkxaso-mali inikezelwa kwinkxaso yophuhliso, ulawulo, inguqu nolwakhiwo lwamakhono.

IINKONZO ZOLONWABO

Ngokuhambelana nesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP), iSebe lincedise ngokuseka iiKomiti zeMidlalo yeMveli kuzo zonke izithili zendawo yezopolitiko zeNtshona Koloni. Oku kuyile umdla omkhulu kakhulu nokuzimisela kuluntu lwengingqi. Imiqathango yokusebenza yaphuhliswa ukunceda amacandelo ezi zithili ngenkxaso eyimfuneko ukulungiselela ukusekwa kwamaqela, ukumisela ulawulo olufanelekileyo, ukuhlanganisa ulawulo olulungileyo kwasekuqaleni nokukhuthaza isithili esifanelekileyo nomasipala wengingqi ukuba amkele uxanduva lwakhe lwemidlalo nolonwabo njengoko kuchaziwe kwiNSRP.

Ukwangezelela, iSebe ngentsebenziswano nabathabathi-nxaxheba abafana neForam yaBantwana abaDala beNtshona Koloni, iAge in Action, amacandelo eMidlalo yeMveli kwiPhondo, uMasipala wesiThili saseCape Winelands, uMasipala wesiThili saseWest Coast kunye namaQumrhu eeMbaleki kwiPhondo liphela; lisingethe amanqanaba awahlukeneyo eMidlalo yeMveli kunye neMidlalo yaBadala. Ngokunjalo, uLonwabo luqhuba umiliselo lwenani lemisebenzi esekwe kulonwabo, ngokusebenzisa amaZiko alo aseFama nawoLuntu.

IINKONZO ZEMIDLALO YEZIKOLO

Nangona kukho imingeni emininzi ezithe zajamelana naye umz. Inkqubo yokugcinwa kwaBasebenzi neyokufunwa kwabasebenzi, iNkqubo yeMOD, equlathe amaZiko eMOD ali-181, isale ingundoqo wephulo lokukhuthaza ulutsha olukwiminyaka yokuba sesikolweno ukuba luzimisele kulonwabo, imidlalo, ubugcisa, inkcubeko nenkxaso yokufunda, iiyure zasemva kokuphuma kwesikolo. Le nkqubo inenjongo eyodwa yokukhuthaza ulutsha ukuba luzibandakanye nemisebenzi eyakhayo ngokulunika amathuba alungelelanisiweyo okuzimisela emva kokuphuma kwesikolo. INkqubo yeMOD, eyinkqubo yophuhliso lwamakhono, ibonelele abafundi ngokunjalo ngamathuba okuchongwa kwetalente ngokunjalo namathuba okuthabatha inxaxheba kwimidlalo kwinqanaba eliphezulu. Ukwangezelela, eyile ngokunjalo inani lemisebenzi elungiselelwe abaqeqeshi nabalawuli ababandakanyeka kwinkqubo.

I DCAS/iSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) iJoint Provincial Task Team (JPTT) yongamela ukunikezelwa kwemidlalo yezikolo yaye ijolisa kumacandelo ekhowudi yeMidlalo yeZikolo, ngentsebenziswano nequmrhu elifanelekileyo elithatyathwa ngalo lonke ixesha njengomgcini wohlobo lwemidlalo ngalunye. Njengesigunyaziso sesizwe, ingqwalasela yayikwikhowudi zemidlalo ezili-16 ezingundoqo. Isivumelwano sesizwe sibonelela ngokunjalo ngento yokuba iWCED ibe inoxanduva lomanyano lwamaqela phakathi kwezikolo, ze iDCAS ibe noxanduva lwamaqela akhethiweyo kwisithili nawephondo.

I Extended Joint Provincial Task Team (Ext. JPTT) isekiwe ngokunjalo. I Ext JPPT iqulunqwe ngabameli bephondo abaphuma kwiDCAS, WCED, kumacandelo ekhowudi ethe ngqo yeMidlalo yeZikolo, I WC Provincial Sport Confederation emele amabhunga emidlalo namaqumrhu emibutho emanyeneyo, imibutho yootitshala, iiforam zeSGB kunye neeforam zeenqununu.

Abafundi bamenywa ukuba baye kwiWestern Cape Sport School emva kokuba bechongiwe ngokusetyenziswa kwamathuba neenkqubo ezahlukeneyo zokuchongwa kwetalente, ulingo lwesithili lwemidlalo yezikolo, kunye nemidlalo yolingo yamaqumrhu esithili. Abafundi abavela kwiNkqubo yeMOD ababonakalise ikhono kunye nabo bafezeke iinqobo zokukhetha ezifanelekileyo babhaliswa kwiWestern Cape Sport School. I Sport School siyaqhubeka ukunikezela ngendlela yokusebenza ekwinqanaba eliphezulu yaye sizimisele ukuxhasa iimbaleki ezilungileyo eziselula ukuba zifikelele kufezekiso lwemidlalo olubalulekileyo. Apha iimbaleki zichanatywa kukhuphiswano phakathi kwezikolo kunye nokhuphiswano phakathi kweeklabhu.

Ngokusetyenziswa kweenkqubo zokuchongwa kwetalente omnye umfundi, uNgwane Sibusiso Vilakazi, unikezelwe ibhasari yomphathiswa wesizwe ukuba aphuhlise ngaphezulu iitalente zakhe kwihokhi nokuziphuhlisa kwizifundo ngokunjalo. Watyunjwa ngokunjalo njengomdlali wehokhi wetumente kwiSA National Schools Championship yowama-2014. UVilakazi, ngumfundi owayekwiZiko leMOD ngaphambili e-Ikwezi le Sizwe Primary eKhayelitsha, ngoku ukwiGreyidi yesi-8 yaye uyaqhubeka efumana inkxaso kumaSebe omabini eleSizwe nelePhondo leMidlalo noLonwabo.

2.2. IsiCwangciso sokuPhuculwa koNikezelo lweeNkonzo

Isebe ligqibe Isicwangciso sokuPhuculwa konikezelo lweenkonzo (SDIP). Iitheyibhile ezingezantsi zibonakalisa isicwangciso ekuvunyelwene ngaso sonikezelo lweenkonzonokuphunyelelweyo ukuza kuma ngoku.

Iinkonzo eziphambili nemigangatho yazo

Iinkonzo eziphambili	Abaxhamli	Imigangatho yeeNkonzo ekhoyo/neyona	Imigangatho yeeNkonzo enqwenelekayo	Okona kuphunyeziweyo
Ukubonelela abo bafumana iinkonzo ngenkxaso ngeenjongo zokukhuthaza ulawulo olululo kwezemidlalo noLonwabo	• Abemi base-Ntshona Koloni • Iintlangano zezemidlalo • Amabhunga ezemidlalo • IiNGO	a) Zili-110 iintlangano zezemidlalo ezifumana inkxaso eziphantsi kwephondo	a) Zili-110 iintlangano zezemidlalo ezifumana inkxaso eziphantsi kwephondo	a) Zili-110 iintlangano zezemidlalo ezifumana inkxaso eziphantsi kwephondo
Ukuxhasa ukuchongwa kolutsha olunetalente nokubonelela ngenkxaso yokuphuhliso ulutsha kwezemidlalo, ngelixa kukhuthazwa EzeMidlalo noLonwabo eNtshona Koloni	• Abemi baseNtshona Koloni • Abafundi ezikolweni • Iintlangano zezemidlalo • Amabhunga ezemidlalo	a) Zi-17iinkqubo ezisesikweni zokujongwa kwetalente eziphunyeziweyo b) Ii-1 298 iimbaleki ezinetalente ezifumana inkxaso kwinkqubo yophuhliso emiselweyo	a) Zi-6 iinkqubo ezisesikweni zokujongwa kwetalente eziphunyezi-weyo b) Ngama-60 iimbaleki ezinetalente ezifumana inkxaso kwinkqubo yophuhliso emiselweyo	a) Zi-5iinkqubo ezisesikweni zokujongwa kwetalente eziphunyezi-weyo B Ngama-203 iimbaleki ezinetalente ezifumana inkxaso kwinkqubo yophuhliso Emiselweyo

Amalungiselelo eBatho Pele nabaxhamli

Akhoyo/awona malungiselelo	Amalungiselelo anqwenelekayo	Okona kuphunyeziweyo
Ukubonelela abo bafumana iinkonzo ngenkxaso ngeenjongo zokukhuthaza ulawulo olululo kwezemidlalo noLonwabo **Indibano:** a) Ingxelo yabemi b) Amalungiselelo abachaphazelekayo c) Iindibano zokwabelana zocweyo d) Imbalelwano ebhaliweyo e) Ngeminxeba	**Indibano:** a) Ingxelo yabemi b) Amalungiselelo abachaphazelekayo **c) <u>Iindibano zokwabelana zocweyo</u>** d) Imbalelwano ebhaliweyo e) Ngeminxeba	**Indibano:** a) Ingxelo yabemi b) Amalungiselelo abachaphazelekayo c) Iindibano zokwabelana zocweyo d) Imbalelwano ebhaliweyo e) Ngeminxeba

f) li-imeyile **<u>Okunye okuphunyeziweyo :</u>** a) Inkqubo yenkxaso-mali yecandelo olukhuthaza ezeMidlalo iqala kanye emva kokugqithiselwa kweemali kwiintlangano zezemidlalo. (Izicelo zenkxaso-mali ziphelelwa ngowama-30 kweyoMsintsi rhoqo ngonyaka). Emva kwangoko, uthethwano luqhutywa namabhunga athe enza izicelo kwinkqubo emacala mathathu kunye nemibutho emanyeneyo namabhunga emidlalo, ukuqinisekisa ngento yokuba iingxowa-mali sisetyenziselwe oko bekuxhitywe kona nekwenzelwe isicelo kona kunyaka-mali omtsha. Emva kwangoko kukho intlanganiso yokuchotshelwa kwezicelo kunye namabhunga emidlalo ukwenze isigqibo ukuba ngubani ofumana ntoni. Ngeli xesha, izimemo, ii-imeyile kunye neengxoxo zemfono-mfono ziyaqhutywa ze kuthunyelwe kwimibutho emanyeneyo ukuba izimase intlangano emacala mathathu nokunikezelwa kwetshekhi nokwaziswa ngomjikelo wenkxaso-mali **Ukufikelela:** a) UNdlunkulu: Protea Assurance Building, Cape Town, 8001 b) Ii-Ofisi zeziThili: ○ **IOfisi yezeMidlalo iDe Jager:**Voortrekker Road Oudtshoorn Umnxeba: 044 272 6165 IFeksi: 044 272 5975 ○ **IOfisi yezeMidlalo eBoland:** 11 Van Derlingen Street Paarl, 7646 Umnxeba: 021 872 1337 IFeksi: 021 872 1387 ○ **IiOfisi zezeMidlalo**	f) Ii-imeyile **Ukufikelela:** a) UNdlunkulu: Protea Assurance Building, Cape Town, 8001 b) i-Ofisi zeziThili: ○ **IOfisi yezeMidlalo iDe Jager :** Voortrekker Road Oudtshoorn Umnxeba: 044 272 6165 IFeksi: 044 272 5975 ○ **IOfisi yezeMidlalo eBoland :** 11 Van Derlingen Street Paarl, 7646 Umnxeba: 021 872 1337 IFeksi: 021 872 1387 ○ **IiOfisi zezeMidlalo**	f) Ii-imeyile **<u>Okunye okuphunyeziweyo :</u>** a) Iintlanganiso – Amaqumrhu nemibutho yemidlalo yekhowudi yemidlalo yesikolo yeNtshona Koloni **Ukufikelela:** a) UNdlunkulu: Protea Assurance Building, Cape Town, 8001 b) i-Ofisi zeziThili: ○ **IOfisi yezeMidlalo iDe Jager :** Voortrekker Road Oudtshoorn Umnxeba: 044 272 6165 IFeksi: 044 272 5975 ○ **IOfisi yezeMidlalo eBoland :** 11 Van Derlingen Street Paarl, 7646 Umnxeba: 021 872 1337 IFeksi: 021 872 1387 ○ **IiOfisi zezeMidlalo**

ngokweNgingqi: Hartleyvale Office Cnr of Liesbeeck Parkway & Station Road Observatory Umnxeba: 021 447 5582 IFeksi: 021 447 5589 ○ **IOfisi yaseVredenburg:** 5 Hill Street Old Medical Building, 7380 Umnxeba: 022 713 2727 IFeksi: 022 719 1270 c) 0800 007 081 (Inombolo yasimahla)	**ngokweNgingqi:** Hartleyvale Office Cnr of Liesbeeck Parkway & Station Road Observatory Umnxeba: 021 447 5582 IFeksi: 021 447 5589 ○ **IOfisi yaseVredenburg :** 5 Hill Street Old Medical Building, 7380 Umnxeba: 022 713 2727 IFeksi: 022 719 1270 c) 0800 007 081 (Inombolo yasimahla)	**ngokweNgingqi**: Hartleyvale Office Cnr of Liesbeeck Parkway & Station Road Observatory Umnxeba: 021 447 5582 IFeksi: 021 447 5589 ○ **IOfisi yaseVredenburg:** 5 Hill Street Old Medical Building, 7380 Umnxeba: 022 713 2727 IFeksi: 022 719 1270 c) 0800 007 081 (Inombolo yasimahla) **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** ○ **Idilesi yePosi:** Metro Central Education District Private Bag X4 MOWBRAY 7705 **Idilesi yeSitalato:** Gate House 2 Alexandra Provincial Office Precinct Haven Road Garden Village MAITLAND ○ **Idilesi yePosi:** Metro East Education District Private Bag X23 KUILS RIVER 7579 **Idilesi yeSitalato:** Belhar Road off Nooiensfontein Road KUILSRIVER ○ **Idilesi yePosi:** Metro South Education District Private Bag X2 MITCHELL'S PLAIN 7785 **Idilesi yeSitalato:** Lentegeur Hospital AZ Berman Drive Lentegeur MITCHELL'S PLAIN ○ **Idilesi yePosi:** Metro North Education District Private Bag X45 PAROW 7500 **Idilesi yeSitalato:**

Ukuziphatha kakuhle: Ngokweendlela zamagosa umz.: a) Abalawuli b) Intloko: kwiCandelo loNxibelelwano c) I-imeyile d) Ngefowuni e) Imbalelwano f) Ukudibana ubuso ngobuso **Ukubaphandle nokungafihli nto:** a) Ngomnxeba b) Imbalelwano c) I-imeyile	**Ukuziphatha kakuhle:** Ngokweendlela zamagosa umz.: a) Abalawuli b) Intloko: kwiCandelo loNxibelelwano c) I-imeyile d) Ngefowuni e) Imbalelwano f) Ukudibana ubuso ngobuso g) Irejista yezikhalazo	Timmerman Street PAROW ○ **Idilesi yePosi:** Cape Winelands Education District Private Bag X3102 WORCESTER 6849 **Idilesi yeSitalato:** 9 Durban Street WORCESTER ○ **Idilesi yePosi:** Eden & Central Karoo Education District Private Bag X6510 GEORGE 6530 **Idilesi yeSitalato:** Rentzburg Court 42 Courtenay Street GEORGE ○ **Idilesi yePosi:** Overberg Education District Private Bag X08 CALEDON 7230 **Idilesi yeSitalato:** Kollege Straat 15 College Road CALEDON ○ **Idilesi yePosi:** West Coast Education District Private Bag X3026 PAARL 7620 **Idilesi yeSitalato:** 6 Hospital Street PAARL **Ukuziphatha kakuhle:** Ngokweendlela zamagosa umz.: a) Abalawuli b) Intloko: kwiCandelo loNxibelelwano c) I-imeyile d) Ngefowuni e) Imbalelwano f) Ukudibana ubuso ngobuso **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>**

d) Iintlanganiso nomntu ngamnye e) Ingxelo yonyaka f) Ingxelo yabemi g) Ukutyelela indawo **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** h) Iintlanganiso zangaphakathi noluntu **Ixabiso lemali:** a) Ukunika inkxaso nengcebiso kumaqumrhu ezemidlalo b) Abafumana iinkonzo bafumana iinkcukacha eziluncedo nezinokusetyenziswa simahla	**Ukubaphandle nokungafihli nto:** a) Ngomnxeba b) Imbalelwano c) I-imeyile d) Iintlanganiso nomntu ngamnye e) Ingxelo yonyaka f) Ukutyelela indawo **Ixabiso lemali:** a) Ukunika inkxaso nengcebiso kumaqumrhu ezemidlalo b) Abafumana iinkonzo bafumana iinkcukacha eziluncedo nezinokusetyenziswa simahla	g) Iintlanganiso **Ukubaphandle nokungafihli nto:** a) Ngomnxeba b) Imbalelwano c) I-imeyile d) Iintlanganiso nomntu ngamnye e) Ingxelo yonyaka f) Ingxelo yabemi g) Ukutyelela indawo **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** h) Iintlanganiso zanga- phakathi noluntu i) Ingxelo yabemi j) Unikezelo **Ixabiso lemali:** a) Ukunika inkxaso nengcebiso kumaqumrhu ezemidlalo b) Abafumana iinkonzo bafumana iinkcukacha eziluncedo nezinokusetyenziswa simahla **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** c) Ukuququzelelwa kokuchongwa kolutsha olunetalente ngokufunyanwa kwendawo ekhuselekileyo apho ulutsha olunetalente luqeqeshelwa khona, lulawulwe ze luxhaswe ukululungiselela ukhuphiswano lwemidlalo. d) Ukunceda kuthatyatho-nxaxheba loluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili ngokunikezelwa kwenkqubo yamakhono.

Ukuxhasa ukuchongwa kolutsha olunetalente nokubonelela ngenkxaso yokuphuhliso ulutsha kwezemidlalo, ngelixa kukhuthazwa EzeMidlalo noLonwabo eNtshona Koloni **Uthethwano:** a) Ingxelo yabemi b) Ukudibana nabachaphazelekayo c) Iindibano zokwabelana zocweyo d) Imbalelwano e) Ngefowuni f) Ii-imeyile **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** a) Iintlanganiso – Amaqumrhu nemibutho yemidlalo yekhowudi yemidlalo yesikolo yeNtshona Koloni **Ukufikeleleka:** a) UNdlunkulu: Protea Assurance Building, Cape Town, 8001 b) IiOfisi zesiThili: o **IOfisi yezeMidlalo iDe Jager:** Voortrekker Road Oudtshoorn Umnxeba: 044 272 6165 IFeksi: 044 272 5975 o **IOfisi yezeMidlalo eBoland:** 11 Van Derlingen Street Paarl, 7646 Umnxeba: 021 872 1337 IFeksi: 021 872 1387 o **IiOfisi zezeMidlalo ngokweNgingqi:** Hartleyvale Office Cnr of Liesbeeck Parkway &Station Road Observatory Umnxeba: 021 447 5582 IFeksi: 021 447 5589 o **IOfisi yaseVredenburg:** 5 Hill Street Old Medical Building, 7380 Umnxeba: 022 713 2727 IFeksi: 022 719 1270	**Uthethwano:** a) Ingxelo yabemi b) Ukudibana nabachaphazelekayo c) Iindibano zokwabelana zocweyo d) Imbalelwano e) Ngefowuni f) Ii-imeyile **Ukufikeleleka:** a) UNdlunkulu: Protea Assurance Building, Cape Town, 8001 b) IiOfisi zesiThili: o **IOfisi yezeMidlalo iDe Jager:** Voortrekker Road Oudtshoorn Umnxeba: 044 272 6165 IFeksi: 044 272 5975 o **IOfisi yezeMidlalo eBoland:** 11 Van Derlingen Street Paarl, 7646 Umnxeba: 021 872 1337 IFeksi: 021 872 1387 o **IiOfisi zezeMidlalo ngokweNgingqi:** Hartleyvale Office Cnr of Liesbeeck Parkway & Station Road Observatory Umnxeba: 021 447 5582 IFeksi: 021 447 5589 o **IOfisi yaseVredenburg:** 5 Hill Street Old Medical Building, 7380 Umnxeba: 022 713 2727 IFeksi: 022 719 1270	**Uthethwano:** a) Ingxelo yabemi b) Ukudibana nabachaphazelekayo c) Iindibano zokwabelana zocweyo d) Imbalelwano e) Ngefowuni f) Ii-imeyile **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** a) Iintlanganiso – Amaqumrhu nemibutho yemidlalo yekhowudi yemidlalo yesikolo yeNtshona Koloni **Ukufikeleleka:** a) UNdlunkulu: Protea Assurance Building, Cape Town, 8001 b) IiOfisi zesiThili: o **IOfisi yezeMidlalo iDe Jager:** Voortrekker Road Oudtshoorn Umnxeba: 044 272 6165 IFeksi: 044 272 5975 o **IOfisi yezeMidlalo eBoland:** 11 Van Derlingen Street Paarl, 7646 Umnxeba: 021 872 1337 IFeksi: 021 872 1387 o **IiOfisi zezeMidlalo ngokweNgingqi:** Hartleyvale Office Cnr of Liesbeeck Parkway & Station Road Observatory Umnxeba: 021 447 5582 IFeksi: 021 447 5589 o **IOfisi yaseVredenburg:** 5 Hill Street

Okunye okufezekisiweyo: c) IiOfisi zesiThili (ISebe leMfundo) ○ **Idilesi yePosi:** Metro Central Education District Private Bag X4 Mowbray 7705 **Idilesi yeSitalato:** Gate House 2 Alexandra Provincial OfficePrecinctHaven RoadGarden Village Maitland ○ **Idilesi yePosi:** Metro East Education District Private Bag X23 Kuils River 7579 **Idilesi yeSitalato:** Belhar Road off Nooiensfontein Road Kuils River ○ **Idilesi yePosi:** Metro South Education District Private Bag X2 Mitchell's Plain 7785 **Idilesi yeSitalato:** Lentegeur Hospital AZ Berman Drive Lentegeur Mitchell's Plain ○ **Idilesi yePosi:** Metro North Education District Private Bag X45 Parow 7500 **Idilesi yeSitalato:** Timmerman Street Parow ○ **Idilesi yePosi:** Cape Winelands Education District Private Bag X3102 Worcester 6849 **Idilesi yeSitalato:** 9 Durban Street Worcester ○ **Idilesi yePosi:** Eden & Central Karoo Education District		Old Medical Building, 7380 Umnxeba: 022 713 2727 IFeksi: 022 719 1270 **Okunye okufezekisiweyo:** a) IiOfisi zesiThili (ISebe leMfundo) ○ **Idilesi yePosi:** Metro Central Education District Private Bag X4 Mowbray 7705 **Idilesi yeSitalato:** Gate House 2 Alexandra Provincial Office Precinct Haven Road Garden Village Maitland ○ **Idilesi yePosi:** Metro East Education District Private Bag X23 Kuils River 7579 **Idilesi yeSitalato:** Belhar Road off Nooiensfontein Road Kuils River ○ **Idilesi yePosi:** Metro South Education District Private Bag X2 Mitchell's Plain 7785 **Idilesi yeSitalato:** Lentegeur Hospital AZ Berman Drive Lentegeur Mitchell's Plain ○ **Idilesi yePosi:** Metro North Education District Private Bag X45 Parow 7500 **Idilesi yeSitalato:** Timmerman Street Parow ○ **Idilesi yePosi:** Cape Winelands Education District Private Bag X3102 Worcester 6849

Private Bag X6510 George 6530 **Idilesi yeSitalato:** Rentzburg Court 42 Courtenay Street George ○ **Idilesi yePosi:** Overberg Education District Private Bag X08 Caledon 7230 **Idilesi yeSitalato:** Kollege Straat 15 College Road Caledon 7230 ○ **Idilesi yePosi:** West Coast Education District Private Bag X3026 Paarl 7620 **Idilesi yeSitalato:** 6 Hospital Street Paarl **Ukuziphatha kakuhle:** Ngokweendlela zamagosa umz.: a) Abalawuli b) Intloko: kwiCandelo loNxibelelwano c) I-imeyile d) Ngefowuni e) Imbalelwano f) Ukudibana ubuso ngobuso **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** g) Iintlanganiso **Ukubaphandle nokungafihli nto:** a) Ngomnxeba b) Imbalelwano c) I-imeyile d) Iintlanganiso nomntu ngamnye e) Ingxelo yonyaka f) Ingxelo yabemi g) Ukutyelela indawo **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** h) Iingxoxo	**Ukuziphatha kakuhle:** Ngokweendlela zamagosa umz.: a) Abalawuli b) Intloko: kwiCandelo loNxibelelwano c) I-imeyile d) Ngefowuni e) Imbalelwano f) Ukudibana ubuso ngobuso **Ukubaphandle nokungafihli nto:** a) Ngomnxeba b) Imbalelwano c) I-imeyile d) Iintlanganiso nomntu ngamnye e) Ingxelo yonyaka f) Ingxelo yabemi g) Ukutyelela indawo	**Idilesi yeSitalato:** 9 Durban Street Worcester ○ **Idilesi yePosi:** Eden & Central Karoo Education District Private Bag X6510 George 6530 **Idilesi yeSitalato:** Rentzburg Court 42 Courtenay Street George ○ **Idilesi yePosi:** Overberg Education District Private Bag X08 Caledon 7230 **Idilesi yeSitalato:** Kollege Straat 15 College Road Caledon 7230 ○ **Idilesi yePosi:** West Coast Education District Private Bag X3026 Paarl 7620 **Idilesi yeSitalato:** 6 Hospital Street Paarl **Ukuziphatha kakuhle:** Ngokweendlela zamagosa umz.: a) Abalawuli b) Intloko: kwiCandelo loNxibelelwano c) I-imeyile d) Ngefowuni e) Imbalelwano f) Ukudibana ubuso ngobuso **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** g) Iintlanganiso **Ukubaphandle nokungafihli nto:** a) Ngomnxeba b) Imbalelwano c) I-imeyile d) Iintlanganiso nomntu ngamnye

Ixabiso lemali: a) Ukuququzelela ukufunyaniswa kwetalente, ngokubeka iindawo ezikhuselekileyo apho ulutsha olunetalente luza kuqeqeshwa, lulawulwe kwaye luxhaswe khona ukuze luzilungiselele ukhuphiswano kwezemidlalo b) Abafumana iinkonzo bafumana iinkcukacha eziluncedo nezinokusetyenziswa simahla **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** c) Ukunceda kuthatyatho-nxaxheba koluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili ngoku-bonelelwa ngenkqubo yamakhono	**Ixabiso lemali:** a) Ukuququzelela ukufunyaniswa kwetalente, ngokubeka iindawo ezikhuselekileyo apho ulutsha olunetalente luza kuqeqeshwa, lulawulwe kwaye luxhaswe khona ukuze luzilungiselele ukhuphiswano kwezemidlalo b) Abafumana iinkonzo bafumana iinkcukacha eziluncedo nezinokusetyenziswa simahla	e) Ingxelo yonyaka f) Ingxelo yabemi g) Ukutyelela indawo **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** h) Iingxoxo **Ixabiso lemali:** a) Ukuququzelela ukufunyaniswa kwetalente, ngokubeka iindawo ezikhuselekileyo apho ulutsha olunetalente luza kuqeqeshwa, lulawulwe kwaye luxhaswe khona ukuze luzilungiselele ukhuphiswano kwezemidlalo b) Abafumana iinkonzo bafumana iinkcukacha eziluncedo nezinokusetyenziswa simahla **<u>Okunye okufezekisiweyo:</u>** c) Ukunceda kuthatyatho-nxaxheba koluntu olwaluvinjwe amathuba ngaphambili ngoku-bonelelwa ngenkqubo yamakhono

Isixhobo seenkcukacha kunikezelo lweenkonzo

Esikhoyo/esona sixhobo seenkcukacha	Isixhobo seenkcukacha esinqwenelekayo	Okona kuphunyeziweyo
Ukubonelela abafumana iinkonzo ngenkxaso ngeenjongo zokukhuthaza ulawulo olululo lwezemidlalo nolonwabo a) Iwebhusayithi yesebe b) Ingxelo yonyaka c) Iintlanganiso nomntu ngamnye d) Iiseshoni zeenkcukacha e) Ingxelo yabemi f) Ukutyelela indawo g) Upapasho kumaphephandaba	a) Iwebhusayithi yesebe b) Ingxelo yonyaka c) Iintlanganiso nomntu ngamnye d) Iiseshoni zeenkcukacha e) Ingxelo yabemi f) Ukutyelela indawo g) Upapasho kumaphephandaba	a) Iwebhusayithi yesebe b) Ingxelo yonyaka c) Iintlanganiso nomntu ngamnye d) Iiseshoni zeenkcukacha e) Ingxelo yabemi f) Ukutyelela indawo g) Upapasho kumaphephandaba

Okunye okufezekisiweyo: h) Ngexesha leendibano nelokugqithiselwa kweemali, icandelo lezoNxibelelwano liye labandakanyeka ukuqinisekisa ukuba iingxelo nemifanekiso ekwiwebhusayithi yeDCAS iyabekwa ukuze ibonwe ngumntu wonke. Iingxelo ezifunyenweyo nazo zifakiwe kwingxelo yonyaka ebekwe kwikomiti esisigxina yeMfundo neMicimbi yenkcubeko nezemidlalo. I-DCAS iyawamema namajelo eendaba ukuba iye kweminye imisitho.		
Ukuxhasa ukuchongwa kolutsha olunetalente nokubonelela ngenkxaso yokuphuhliso ulutsha kwezemidlalo, ngelixa kukhuthazwa EzeMidlalo noLonwabo eNtshona Koloni a) Iwebhusayithi yesebe b) Ingxelo yonyaka c) Iintlanganiso nomntu ngamnye d) Iiseshoni zeenkcukacha e) Ingxelo yabemi f) Ukutyelela indawo g) Upapasho kumaphephandaba **Okunye okufezekisiweyo:** a) Iintlanganiso b) Umqulu wokuSebenza weSebe oVunyiweyo	a) Iwebhusayithi yesebe b) Ingxelo yonyaka c) Iintlanganiso nomntu ngamnye d) Iiseshoni zeenkcukacha e) Ingxelo yabemi f) Ukutyelela indawo g) Upapasho kumaphephandaba	a) Iwebhusayithi yesebe b) Ingxelo yonyaka c) Iintlanganiso nomntu ngamnye d) Iiseshoni zeenkcukacha e) Ingxelo yabemi f) Ukutyelela indawo g) Upapasho kumaphephandaba **Okunye okufezekisiweyo:** a) Iintlanganiso b) Umqulu wokuSebenza weSebe oVunyiweyo

Izikhalazo kwiindlela zokwenza

Esikhoyo/esona sixhobo seenkcukacha	Isixhobo seenkcukacha esinqwenelekayo	Okona kuphunyeziweyo
Ukubonelela abafumana iinkonzo ngenkxaso ngeenjongo zokukhuthaza ulawulo olululo lwezemidlalo nolonwabo a) Ukuqhagamshelana ngqo	a) Ukuqhagamshelana ngqo nge-imeyile, ngefowuni	d) Ukuqhagamshelana ngqo nge-imeyile, ngefowuni

nge-imeyile, ngefowuni nabalawuli okanye nabaphathi kuNdlunkulu, kumgangatho wesi-7, Umlawuli oPhezulu – wemidlalo noLonwabo, Protea Assurance Building, Greenmarket Square, 8001 b) NeNtloko yezoNxibelelwano malunga nezikhalazo/neengcebiso nezincomo	nabalawuli okanye nabaphathi kuNdlunkulu, kumgangatho wesi-7, Umlawuli oPhezulu – wemidlalo noLonwabo, Protea Assurance Building, Greenmarket Square, 8001 b) NeNtloko yezo-Nxibelelwano malunga nezikhalazo/neengcebiso nezincomo c) Irejista yezikhalazo	nabalawuli okanye nabaphathi kuNdlunkulu, Protea Assurance Building, St Georges Mall, Cape Town 8001 e) NeNtloko yezoNxibelelwano malunga nezikhalazo/neengcebiso nezincomo a) Irejista yezikhalazo
Ukuxhasa ukuchongwa kolutsha olunetalente nokubonelela ngenkxaso yokuphuhliso ulutsha kwezemidlalo, ngelixa kukhuthazwa EzeMidlalo noLonwabo eNtshona Koloni a) Ukuqhagamshelana ngqo nge-imeyile, ngefowuni nabalawuli okanye nabaphathi kuNdlunkulu, kumgangatho wesi-7, Umlawuli oPhezulu – wemidlalo noLonwabo, Protea Assurance Building, Greenmarket Square, 8001 b) NeNtloko yezoNxibelelwano malunga nezikhalazo/neengcebiso nezincomo	c) Ukuqhagamshelana ngqo nge-imeyile, ngefowuni nabalawuli okanye nabaphathi kuNdlunkulu, kumgangatho wesi-7, Umlawuli oPhezulu – wemidlalo noLonwabo, Protea Assurance Building, Greenmarket Square, 8001 d) NeNtloko yezoNxibelelwano malunga nezikhalazo/neengcebiso nezincomo e) Irejista yezikhalazo	a) Ukuqhagamshelana ngqo nge-imeyile, ngefowuni nabalawuli okanye nabaphathi kuNdlunkulu, kumgangatho wesi-7, Umlawuli oPhezulu – wemidlalo noLonwabo, Protea Assurance Building, Greenmarket Square, 8001 b) NeNtloko yezoNxibelelwano malunga nezikhalazo/neengcebiso nezincomo c) Irejista yezikhalazo

2.3. Ubume beSebe

Ukurhoxa kunye/okanye ukuqeshwa kwabasebenzi abangundoqo

Aba basebenzi balandelayo bangundoqo bathe baqeshwa kwisithuba sowama-2014/15:

UMlawuli obambeleyo woLawulo lokuQulathiweyo kweShishini waqeshwa ngomhla woku-01 kweyoMsintsi 2014.

UMlawuli: weeNkonzo zooVimba bePhondo waqeshwa ukususela kumhla woku-1 kweyoMnga 2014.

Aba basebenzi bangundoqo balandelayo barhoxa kwisithuba sowama-2014/15:

UMlawuli weLifa leMveli warhoxa ze wazishiya iinkonzo zeSebe ukususela kumhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

Iinzame zolungiso ngokutsha

IDCAS ngumgcini weQhinga loLawulo leeRekhodi ze-Elektroniki leeNkonzo zooVimba neeRekhodi zeSizwe (uMthetho weNkonzo yooVimba neeRekhodi woMzantsi Afrika

(uMthetho onguNombolo 43 we-1996, njengoko ulungisiwe - amaCandelo 13(2) (b) (iii) nokumiliselwa koLawulo lokuQulathiweyo kweShishini. Ngenxa yokunqongophala kwamakhono icandelo loLawulo lokuQulathiweyo kweShishini lasekwa. Injongo yeli candela kukuqinisekisa ngokumiliselwa kwe-ECM kwisithuba seminyaka emithathu kuRhulumente weNtshona Koloni.

Ukuthatyathwa kwenxaxheba luNinzi loluntu: INkqubo yeThuba nelungelo lokufumana; uPhuhliso nokukhula (MOD) ikhulile ukususela ekuqalisweni kwayongowama-2010. Ngenxa yoku kukhula kunyanzelise ulwabiwo lwekhono elangezelelweyo ukuqinisekisa ngempumelelo eqhubekayo yale nkqubo. ICandelwana leNkqubo yeMOD layilwa kwakwesi sithuba sokunikwa kwengxelo.

Ukusilela kwenkqubo

Akubanga kho kusilela kwenkqubo okubonakalayo okuchaphazela ikhono leSebe lokunikezela ngeenkonzo zalo.

Amatyala orhwaphilizo nobuqhetseba

ISebe alihlangenanga naso nasiphi na isehlo sorhwaphilizo okanye sobuqhetseba kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

Uqhankqalazo

Akubanga kho luqhankqalazo luqhutywa ngamagosa esebe kwisithuba sonyaka-mali wama-2014/15.

2.4. Uphuhliso olungundoqo lomgaqo-nkqubo kunye neenguqu zomthetho

IsiCwangciso-nkqubo sobuNgqina esisekwe kuMgaqo-nkqubo weSebe wokuLawulwa kweNgcaciso yoMsebenzi saqulunqwa kulo nyaka uphantsi kovavanyo.

Uvavanyo lolawulo lwamaziko enkcubeko abekwe phantsi kolawulo lweKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni aya kuvavanywa xa iingcebiso ezenziwe kuvavanyo lwamacandelo karhulumente lugqityiwe.

3. Iinjongo zeqhinga ezijolise kumphumela

Iinjongo zeqhinga zeSebe ezijolise kumphumela ngokwesiCwangciso salo seQhinga zichazwe apha ngasezantsi zibonisa inkqubela phambili eyenziweyo ngokubhekiselele kufezekiso lweenjongo.

INjongo yeQhinga ejolise kumphumela 1	Inkonzo yolawulo esebenzayo, efanelekileyo nenoqoqosho.
INgxelo yeNjongo	Ukunikezelwa kwamaqurhu asebenzayo afanelekileyo nalinganayo nenkonzo yenkxaso yolawulo kwabachaphazelekayo bangaphakathi nabangaphandle ukuqinisekisa ngolawulo lwequmrhu olulungileyo, olungenaziphene noluqhutywa lixabiso.

ISebe liqhubekile ukuzama ngokubhekiselele kulawulo lwequmrhu olulungileyo, olungenaziphene noluqhutywa lixabiso olusekelwe yiPSG5. Oku kungqinwa yimiphumela yophicotho-zincwadi olungenaziphene olufunyenwe kule minyaka mibini idlulileyo, ukusetyenziswa kohlahlo lwabiwo-mali oluziipensenti ezingama-99.5 nangaphezulu, yaye akubangakho okufunyenweyo kwingcaciso yokusebenza kwenkqubo.

INjongo yeQhinga ejolise kumphumela 2	Ukukhuthazwa, ukuphuhliswa nokuguqulwa kwemisebenzi yonke yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukunikezela kulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olulungileyo, uphuhliso lwentlalo nolwabasebenzi, ngokunjalo nozinzo kukukhula koqoqosho namathuba
INgxelo yeNjongo	Ukukhuthazwa, ukuphuhliswa nokuguqulwa kwemisebenzi yonke yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukunikezela kulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olulungileyo, uphuhliso lwentlalo nolwabasebenzi, ngokunjalo nozinzo kukukhula koqoqosho namathuba

Ukulungiswa kwemingeni yohambelwano lwentlalo nolungelelwaniso noMphumela 14, kwabanjwa uluhlu lweengxoxo noluntu ekuqaleni kowama-2015 yaye abameli abaphuma kwiingingqo zoluntu abathe bathabatha inxaxheba kwezi ngxoxo bazimasa iNational Social Cohesion Summit eBhayi ekupheleni kukaMatshiwama-2015. Ukwangezelela iinkqubo zobugcisa nenkcubeko zimiliselwe ekwakheni abasebenzi ukulungiselela ukuba banikele kuphuhliso lwentlalo yoluntu. ISebe ngokunjalo lishicilele kwakhona iiposta ezibukhulu buyi-A3 nemiboniso yalo ejikelezayo kuvuyelwa imiqondiso yesizwe yeelwimi zontathu ezisesikweni.

INjongo yeQhinga ejolise kumphumela 3	Ukuphuhliswa, ukuguqulwa nokukhuthazwa kwethala leencwadi elizinzileyo, iinkonzo zengcaciso nezelifa lemveli.
INgxelo yeNjongo	Ukunikezelwa kwethala leencwadi, iinkonzo zengcaciso nezelifa lemveli eziya kuthi zinikele: • Kulwakhiwo lweSizwe. • Kulawulo olulungileyo nophuhliso lwabasebenzi. • Kukukhula koqoqosho okuzinzileyo namathuba.

Kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, inani lamaziko ethala leencwadi andile aya kutsho kuma-361. La maziko abandakanya amathala eencwadi amatsha angezelelweyo anikezelwe kuluntu lwasemaphandleni. Ekuguquleni inkonzo yethala leencwadi nokwamkelwa kwenkqubela phambili yetheknoloji, iindawo zamathala eencwadi ezingama-79 zabonelelwa ngokufakelwa i-intanethi efumaneka simahla ukulungiselela amalungu oluntu. Oku kulithathe inani lamathala eencwadi aqhagamshelweyo kwi-intanethi laya kutsho kuma-200 koomasipala abangama-24. Njengenxalenye yophuhliso nokukhuthazwa kweenkonzo ezizinzileyo zethala leencwadi, iSebe linikezele ngenkxaso-mali koomasipala ngenkxaso-mali yoMnikelo woXhomekeko kunye neNkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala. Ezi ngxowa-mali zibonelele kwintlawulo yemivuzo yabasebenzi abangama-878, iindleko zokusebenza zamanye amathala eencwadi oluntu kunye neeprojekthi zolwakhiwo noomatshini. Icandelo libonelele ngeenkqubo zoqeqesho ezilungiselelwe abasebenzi bethala leencwadi ukuphucula amakhono abo. Iinkqubo zoqeqesho ezahlukeneyo zanikezelwa ngokunjalo kubasebenzi benkonzo yethala leencwadi lephondo. Ukuqinisekisa ngolawulo olulungileyo, ngaphezulu kwe-1 600 la mathuba otyelelo lokubekwa kweliso lwaqhutywa kumaziko awahlukeneyo ethala leencwadi noomasipala.

Ukuguqulwa kwenkozo yooVimba; ukukhuthazwa kokusetyenziswa kwemathiriyeli yoovimba nokukuthaza ubandakanyo lwentlalo, iNkonzo yoVimba neeRekhodi yeNtshona Koloni yazandisa iiyure zokusebenza. Abaphandi abangama-658 balisebenzisa eli thuba kulo nyaka uphantsi kovavanyo. Iinkqubo zolwazi looVimba zaqhutywa kwiingingqi zoluntu ezahlukeneyo nasezikolweni ngokunjalo koVimba apho iinkokheli zethutyana zokhenketho kunye needibano zengxoxo zaqhutyelwa abatyeleli.

INjongo yeQhinga ejolise kumphumela 4	Ukuqaliswa nokuxhaswa kwamacandelo abandakanyayo ngokwentlalo emidlalo nolowabo kunye/okanye imisebenzi.
INgxelo yeNjongo	Ukuqaliswa nokuxhaswa kwamacandelo abandakanyayo ngokwentlalo emidlalo nolowabo kunye/okanye imisebenzi, ngokuyilwa kwelungelo lokufumana nethuba, ngokubhekiselele kuthatyatho-nxaxheba kwimidlalo yesikolo, ulonwabo nakwimidlalo.

Ukuqhubela phambili ngokubhekiselele kuzalisekiso lwesicwangciso salo seminyaka emihlanu. IMidlalo noLonwabo ihlangabezene konke ekujoliswe kuko kuthatyatho-nxaxheba kwiMidlalo, uLonwabo neMidlalo yeSikolo, ngoko lacanaba abantu abaninzi kumalinge obandakanyayo entlalo namathuba.

4. IiNkcukacha zoMsebenzi ngokweNkqubo

4.1. INkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukubonelela ngolawulo lulonke nenkxaso kulawo lwesebe lemicimbi yenkcubeko nezemidlalo.

Iinkqutyana

Inkqutyana 1.1: I-ofisi yoMphathiswa wePhondo

Ukubonelela ngolawulo, ukudibana nabo bafumana iinkonzo neenkonzo zenkxaso kuMphathiswa wePhondo leMicimbi yenkcubeko nezemidlalo.

Inkqutyana1.2: Iinkonzo zoLawulo lweMali

Ukubonelela ngeenkonzo zenkxaso kwezemali kwiDCAS, kuquka iinkonzo zoLawulo lweMali kumaZiko oLuntu amathathu aphantsi kweDCAS.

Inkqutyana1.3: Iinkonzo zoLawulo

Ukubonelela ngomsebenzi wenkxaso kulawulo kwintloko yeSebengokubonelela ngeenkonzo zonxibelelwani ezifanelekileyo nezicwangcisiweyo neenkonzo zenkxaso kumsebenzi, kuquka inkonzo yoHlolo noVavanyo, ukuphunyezwa kwamalinge okuphucula unikezelo lweenkonzonokwenza amalungiselelo amiselweyo okugcinwa kwezinto zikwimeko entle nezidingo zeendawo.

Iinjongo zeqhinga

1.1. Ukulawula nokunikezela ngeenkonzo zolawulo lweqhinga ezisebenzayo nezifanelekileyo kwiDCAS, kubandakanywa amacandelo karhulumente.

1.1.1 Ukubonelela ngenkxaso yoonobhala, yezelojistiki, yolawulo/ye-ofisi neyokunxulumene nepalamente.

1.1.2 Ukumiselwa kwenkqubo efanelekileyo yokuPhuculwa koLawulo lweMali (FMIP).

1.1.3 Ukulawulwa nokutolikwa kwemigaqo-nkqubo nezinto eziphambili kwizicwangciso zesebe lemicimbi yenkcubeko nezemidlalo.

Iinjongo zeqhinga, imiqondiso yokusebenza, okujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizo

INkqubo inikele kwiNjongo yeQhinga ejolise kwiMphumela 1: *Inkonzo yolawulo esebenzayo, efanelekileyo enoqoqosho.*

Ngokumiliselwa kwesicwangciso-nkqubo soxhobiso esilungiselelwe abasebenzi bezeMali, uqeqesho olucwangcisiweyo neenkqubo zophuhliso zinakho ukuqaliswa ukwandisa amakhono akhoyo nekhono labasebenzi. Ifuthe elikhulu libe kwiyunithi yoLawulo lwesiXokelekwano soNikezelo ngenxa yoninzi lomthetho kunye yaye iinkqubo ezilandeleyo eziqalisiweyo ezidinga uphuhliso lwamakhono oluqhubekayo. La mangenelo ophuhliso anikele kakhulu kwimiphumela yophicotho-zincwadi olungenaziphene olufunyenweyo kule minyaka mibini idlulileyo.

Uxanduva lweeNkonzo zoLawulo lubandakanya ukumiliselwa kwamalinge eBatho Pele kwiSebe ngokunjalo nokuqinisekisa ngokuBekwa kweLiso noVavanyo. Lifezekise imiqondiso emithathu equlathe uphuhliso, ulwamkelo nokupapashwa kwamaphepha amalungelo amathathu, kunye nengxelo yoNyaka yaBemi, ukuqukunjelwa koVavanyo olungundoqo nokungeniswa kweziCwangciso zoNxibelelwano ezili-12.

Iinjongo zeQhinga, imiqondiso yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo zithiwe thaca kwezi theyibhile zingezantsi.

Imiqondiso yeNjongo yeQhinga

INKQUBO 1: ULAWULO					
Injongo eCwangcisiweyo	**Okona kuphunyeziweyo 2012/2013**	**Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2013/2014**	**Okona kuphunyeziweyo 2013/2014**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2013/2014**	**Izimvo ngokunxaxha**
Inani lezicwangciso neenkqubo ezikumaxwebhu zagcinwa	-	2	2	0	-
Isicwangciso-nkqubo sokuxhotyiswa	-	1	1	0	-
Inani lamaqhinga aguqulelwe kwimigaqo-nkqubo nezicwangciso	15	15	15	0	-

Isalathisi soMsebenzi

INKQUBO 1: ULAWULO						
Inani	**Isalathisi soMsebenzi**	**Okona kuphunyeziweyo 2012/2013**	**Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2013/2014**	**Okona kuphunyeziweyo 2013/2014**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2013/2014**	**Izimvo ngokunxaxha**
INkqutyana.1: I-Ofisi yoMphathiswa wePhondo						
1.1.1	Ukwenza nokuphuhlisa isicwangciso seefayile kwi-ofisi yoMphathiswa	-	Isicwangciso esi-1 sefayile sigciniwe	1	0	-
1.1.2	Ukwenza uxwebhu lwenkqubo yeenkundla	-	Uxwebhu olu-	1	0	-

INKQUBO 1: ULAWULO						
Inani	**Isalathisi soMsebenzi**	**Okona kuphunyeziweyo 2012/2013**	**Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2013/2014**	**Okona kuphunyeziweyo 2013/2014**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2013/2014**	**Izimvo ngokunxaxha**
	zeengxoxo ukwenza lula nokuququzelela izibheno eziya kuMphathiswa wePhondo ngokwecandelo lama-49 loMthetho weziBonelelo zeLifa leMvelile Sizwe, ka-1999 (uMthetho wama-25 ka-1999)		1 lwenkqubo yeenkundla zengxoxo lugciniwe			
INkqutyana 1.2: liNkonzo zoLawulo lweMali						
1.2.1	Ukugcina isakhelo sokuxhobisa abasebenzi bezemali *	1	Si-1 isakhelo sokuxhobisa esihloliweyo sagcinwa	1	0	-
INkqutyana1.3: linkonzo zoLawulo						
1.3.1	Ukuphumeza amanyathelo onikezelo lweenkonzo ngokuhambelana neBatho Pele	2	2	2	0	-
1.3.2	Inani lweemvavanyo ezenziweyo (okunxulumene nohlolo noVavanyo)	1	1	1	0	-
1.3.3	Inani lezicwangciso zonxibelelwano ezenziweyo zaphunyezwa	12	12	12	0	-

** Le ngokunjalo ngumqondiso wokusebenza kwenjongo yeqhinga.*

Iqhinga lokulungisa imimandla esebenza ngaphantsi kweqondo elilindelekileyo

Akukhange kubekho kusebenza ngaphantsi kweqondo kuqatshelwayo ngeli thuba liphantsi kovavanyo.

Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akukhange kubekho zinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngesi sithuba sokunikwa kwengxelo.

Ukunxulunyaniswa kohlahlo lwabiwo-mali nomsebenzi

Inkcitho yenkqutyana yeNkqubo 1: ULawulo yayinje ngoku kulandelayo:

INkqutyana	2013/14			2014/15		
	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (enga-Phezulu)/ engaPhantsi R'000	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (enga-Phezulu)/ engaPhantsi R'000
I-ofisi yoMphathiswa wePhondo	6 256	6 070	186	6 449	5 537	912
Iinkonzo zoLawulo lweMali	20 979	20 838	141	24 290	23 445	845
Iinkonzo zoLawulo	17 840	17 610	230	19 896	19 437	459
Iyonke	**45 075**	**44 518**	**557**	**50 635**	**48 419**	**2 216**

Ezona zizathu zimbini zenkcitho engaphantsi kwinkqubo yoku-1 zinxulumene nokuhlawulwa kunye nolondolozo olunxulumene kwiingxowa-mali ezabelwe kwimirhumo yophicothi-zincwadi nemirhumo yezomthetho phantsi kwempahla neenkonzo.

4.2. INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Injongo

Ukubonelela ngeenkonzo zobugcisa nenkcubeko, zamaZiko oLondolozo lweMbali, zelifa lemveli lesizwe nezinxulumene nolwimi kubahlali beNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 2.1: ULawulo

Ukubonelela ngenkxaso kulawulo olucwangcisiweyo kwicandelo leMicimbi yeNkcubeko.

INkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko

Ukuqquzelela uphuhliso, ukulondolozwa nokukhuthazwa kwezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusekwa kwemibutho, imisebenzi nemimandla efanelekileyo nesebenzayo yobugcisa nenkcubeko; nokuxhasa nokunceda ikhomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni ukuba yenze ngokwegunya layo loMthetho.

INkqutyana 2.3: Iinkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali

Ukukhuthaza nokukhathalelwa kwelifa lemveli kwiinkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali nakwimibutho; ukubonelela ngokulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhliswa kwenkcubeko namagugu; nokunceda ngakumbi amaziko olondolozo lwembali aphantsi kwesebe ngokuphumeza uMthetho weZiko loLondolozo lweMbali, ka-1975.

INkqutyana 2.4: Iinkonzo zezibonelelo zeLifa leMveli

Ukubonelela ngokulondolozwa, ukukhuthazwa nokuphuhliswa kwezibonelelo zelifa lemveli; ukuququzelela iinkqubo zokubekwa emgangathweni okanye zotshintsho, apho kuyimfuneko, kumagama eendawo; ukujongana nemiba enxulumene nelifa lemveli lesizwe eNtshona Koloni; nokuncedisa ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli ngokuphumeza igunya lesizwe kuMthetho weBhunga leeNdawo zaseMzantsi Afrika, ka-1998, uMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli kaZwelonke, ka-1999 noMthetho weziBonelelo zeLifa leMveli yeSizwe, ka-1999.

INkqutyana 2.5: Iinkonzo zeeLwimi

Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni njengokwenza lifa lemveli nokuqondwa kwezinto ngabantu bethu; ukuphuhlisa iilwimi ezazifudula zingasiwa so; ukuququzelela ukuphunyezwa nokuhlolwa komgaqo-nkqubo weeLwimi nokuncedisa iKomiti yeeLwimi eNtshona Koloni ukuba yenze ngokwegunya layo loMthetho.

Iinjongo zeqhinga

2.1 Ukuqhubela phambili imisebenzi yobugcisa nemisebenzi yenkcubeko kumathuba asebenzayo eNtshona Koloni.

2.2 Ukubonelela ngenkxaso esesikweni neyolawulo nefanelekileyo kumaZiko oLuntu nakumacandelo karhulumente eyongamele iDCAS nokuhlola nokuvavanya iziphumo zala maziko.

2.3 Ukukhawulezisa ukutshintsha kobume bezeLifa leMveli yeNtshona Koloni ngokubonelela ngeenkonzo ezahlukeneyo ukulondoloza, ukuphuhlisa nokukhuthaza ilifa lemveli yeNtshona Koloni ngokweenkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali eziphantsi kwayo, namaziko eemyuziyam aphantsi kwayo.

2.4 Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukujongana nokungalingani kweelwimi okwenziwe ziingxaki zembali yethu nokukhuthaza ukuphuhliswa kweelwimi ebezifudula zingasiwa so kunye nolwimi lokuthetha ngezandla eMzantsi Afrika, eNtshona Koloni.

2.5 Ukwenza imisebenzi eza kuba negalelo ekubandakanyweni koluntu nobunye ekuhlaleni nokukhuthazwa kokwakhiwa kwesizwe notshintsho.

Iinjongo zeqhinga, imiqondiso yokusebenza, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo

INkqubo iyabonelela kwiNjongo 2 eJolise kuMphumela weQhinga: Ukukhuthazwa, ukuphuhliswa nokuguqulwa kwemisebenzi yonke yenkcubeko eNtshona Koloni ukulungiselela ukubeonelela kulwakhiwo lwesizwe, ulawulo olulungileyo, ukuphuhliswa kwentlalo nabasebenzi, ngokunjalo nokukhula koqoqosho okuzinzileyo namathuba.

Umsitho wonyaka weMicimbi yeNkcubeko eNtshona Koloni wasingathwa nguMphathiswa obambeleyo, uMnu Anton Bredell, kunye neSebe ngomhla we-10 kweyoMdumba 2015 eBaxter Theatre. Olu nikezelo lwamabhaso lukumgangatho ophezulu utsale umdla kubatyunjwa abaninzi boluntu emva kwephulo lopapasho oluvuselelayo phantsi kwebhanile ethi *Celebrate our Colourful Cape*.

La mabhaso alandelayo anikezelwa:

Iimbasa zezeMidlalo eNtshona Koloni ngowama2014/15	
Imbasa	**Ophumeleleyo**
Imbasa yoMphathiswa: Impumelelo yobomi kwezeMicimbi yeNkcubeko	Gq. Ton Vosloo
	Mnu. Gawie and Dr Gwen Fagan
	uNjingalwazi Robert Carl-Heinz Shell ongasekhoyo
	uNjingalwazi John Parkington
Imbasa yoMphathiswa: Ukuba negalelo kwiSizwe nakwiHlabathi kwezeMicimbi yeNkcubeko: Ubugcisa kwezeMidlalo eyenziwayo	Cape Town Opera Chorus
	Mnu. Elias P Nel
	Mnu. Christopher Kindo
Imbasa yoMphathiswa: Impumelelo egqwesileyo kumanina kwiMicimbi yeNkcubeko	Nksz. Sandra Prinsloo
	Nksz. Carina Brown
	Nksz. Anneline Kistoor
Imbasa yoMphathiswa: Ukugqwesa kuLutsha kwiMicimbi yeNkcubeko	Nksz. Henriette Weber
	Hawston Public Library, Overstrand Municipality
UMnikelo olungileyo kubuGcisa obubonakalayo, kubandakanywa ubugcisa boluntu	Africa Centre
UMnikelo olungileyo kubuGcisa obubonakalayo: Umdaniso	Nksz.Abeedah Medell
UMnikelo olungileyo kubuGcisa obubonakalayo: IDrama	Mnu. Mluleki D Sam
UMnikelo olungileyo kubuGcisa obubonakalayo: UMculo	Mnu. Ebrahiem Klaasen
UMnikelo olungileyo kuLuncwadi	Nksz. Thenjiswa Ntwana
UMnikelo olungileyo kuMthungo okanye uYilo	Mnu. Hein Marais
UMnikelo olungileyo kwiNkcubeko	Mnu. Ayanda Maqanda
Iprojekthi yaBakhubazekileyo kubuGcisa obubonakalayo, kubuGcisa bokwenza noluncwadi	Chaeli Campaign
Iprojekthi yokuGcinwa nokuKhuthazwa kobuGcisa beMveli	uNjingalwazi Abner Nyamende
Imbasa kaNeville Alexander yokuKhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi	Kusasa Project
Iprojekthi yokuKhuthazwa koLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika okanye iiLwimi zeMveli ebezivinjwe amathuba ngaphambili zeNtshona Koloni	Nksz. Marsanne Selzer
Igalelo kuPhuhliso lweLwimi	PRAESA/Nal'ibali
Ithala leencwadi loLuntu eliKhulu eligqwesileyo: IiNkonzo zoLutsha	Hawston Public Library, Overstrand Municipality
Elona thala leencwadi lingcono: IiNkonzo zabantwana	Cape Town Central Library, City of Cape Town
Ithala leencwadi elincinci eligqwesileyo	Albertinia Public Library, Hessequa

Iimbasa zezeMidlalo eNtshona Koloni ngowama2014/15	
Imbasa	**Ophumeleleyo**
	Municipality
Ithala leencwadi eliphakathi eligqwesileyo	Adriaanse Public Library, City of Cape Town
Ithala leencwadi loLuntu eliKhulu eligqwesileyo	Hermanus Public Library, Overstrand Municipality
Igalelo kwezoPapasho kwiiNkonzo neziBonelelo zooVimba beenkcukacha	Mnu. Aubrey William Springveldt
Oyena Mlawuli weeNgxelo osebenzayo woNyaka	Mnu. Stiaan Moolman of the Department of Human Settlements
Olona luVavanyo lweFuthe lweLifa leMveli okanye iNgxelo yeLifa leMveli	Claire Abrahamse, Tim Hart and Melanie Attwell
Elona qumrhu lisebenzayo loLondolozo lweNjongo, ubuVolontiya okanye uMasipala kwiLifa leMveli	Chris Snelling Tyrone Engel
Igalelo ekubekweni emgangathweni naseKwazisweni koLuntu ngamaGama eeNdawo eNtshona Koloni	Prof Izak van der Merwe
Eyona Myuziyam	Lwandle Migrant Labour Museum, Somerset West
Eyona Projekthi iziko lolondolozo lwembali	Afrikaanse Taalmuseum en –monument, Paarl

Kwisithuba sowama-2014/15 iSebe lifumene isambuku sezigidi ezili-R13 ukuyila amathuba alungiselelwe ulutsha njengenxalenye yeNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente. Abaxhamli be-EPWP abangama-365 baqeshwa liSebe nee-arhente ezahlukeneyo zomiliselo kwisithuba sonyaka-mali wama-2014/15. Uninzi lwabo ngokunjalo banikwa amathuba oqeqesho akwinqanaba eliphezulu okokuba bangenele izifundo ezineziqinisekiso zokwamkeleka zeCathsseta kuLawulo lobuGcisa neNkcubeko kwiNqanaba loLuntu, Ukuqaliswa kwiMyuziyam neTheatre Lighting and Sound enikezelwa kumaziko emfundo ephakamileyo amaninzi evunywe ziiyunivesiti eyaseNorth West neyaseStellenbosch. Ilinge elitsha kulo mmandla yayiyintsebenziswano kunye neKuns Onbeperk eOudtshoorn lokunikezela ngamathuba kulutsha olungama-31 ukuba luqeqeshwe njengeemashali zokhuseleko ukulungiselela imisitho engundoqo ethi iqhubeke eOudtshoorn unyaka wonke. Eli linge linceda imisitho, efana neABSA Klein Karoo Nasionale Kunstefees (KKNK), isebenzise ezi mashali zokhuseleko ukuba kuhanjelwane nemithetho efanelekileyo ephathelelene nokhuseleko kwimisitho engundoqo.

Ukwandiswa kweeprojekthi ezintsha zeEPWP ezithi zinikezele ngamathuba emisebenzi enentsingiselo kulutsha kwicandelo lobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwaba nakho ukwenzeka ngenxa yolwabelo olwandisiweyo ngowama-2014/15.

ENKQUBO EYANDISIWEYO YEMISEBENZI KARHULUMENTE				
	2011/12	**2012/13**	**2013/14**	**2014/15**
Inani lamathuba omsebenzi weEPWP oyiliweyo	152	119	242	365
Ulwabiwo olupheleleyo	**R4 000 000**	**R4 000 000****	**R8 668000****	**R13 000 000****

** *Ezi zixa-mali zibandakanya izabelo zoMnikelo weNkuthazo eminyaka-mali elandelelanayo*

Inkqubo yophuhliso lomculo yeSebe ikhulile yaye iyile amathuba kulutsha oluvela kwimimandla yasemaphandleni. Iinkqubo ezimbini zomculo zasemaphandleni zaqaliswa kuluntu lwaseDe Doorns naseVredenburg. Le nkqubo iqinisa ubudlelwane bokusebenza phakathi kwamacandelo amabini karhulumente (iphondo nomasipala), imibutho yoluntu, izikolo kunye nabasebenzi bezobugcisa. Ukuza kuthi ga ngoku ngaphezulu kwe-100 yolutsha lubonelelwe yile nkqubo. Le nkqubo ayinikezelwa yodwa kubume obubanzi bophuhliso lomculo eNtshona Koloni yaye ibonelele ngamathuba alungiselelwe ulutsha njengoko lubhalisele inkqubo yesiqinisekiso somculo yeminyaka emibni enikezelwa yiYunivesiti yeNtshona Koloni.

Okona kuphambili kogxininiso lweSebe kululolonga nokuphuhlisa italente. Kwisithuba sonyaka wama-2014/15, ngokusetyenziswa kwenkqubo yophuhliso lwedrama yoluntu, ikhono lolutsha olungama-336 lachongwa ze lalolongwa ze amathuba amabini ayilwa ukunceda abantu ababini okokuba bafakwe kwiCandelo leDrama kwiYunivesiti yaseStellenbosch kunyaka-mali omtsha (2015/16). Kuthatyathelwa ingqalelo kwimingeni yezakhiwo kwiingingqi zoluntu lwasemaphandleni, amaqela edrama anikwa ithuba lokubonisa umdlalo eBaxter Theatre, iAbsa KKNK, kunye neSuidoosterfees.

Amathuba oqeqesho alungiselelwe amagcisa ayilwa ngeeprojekti ezinikezelwe kwinqanaba loluntu kubandakanywa iiklasi zemfundo enomsila kuqeqesho lomnculo, ulawulo lweqonga nokuphuculwa kwamakhono okukhokhela umdlalo ukulungiselela imidlalo yethiyetha. ISebe libe nakho ukuququzelela uqeqesho lwamagcisa kwiintlobo ezahlukeneyo nakumanqanaba awahlukeneyo ngenxa yobudlelwane bokusebenza obusondeleyo obenziwa nethiyetha zobuchule, uMnyhadala weZabalaza (eBaxter Theatre), Cape Town International Jazz Festival (CTIJF) kunye neJazz on the Rocks (West Coast). ISebe liququzelele ithuba elilungiselelwa abantu abatsha abalishumi abaphuma kwimibutho yaseWest Coast ukuba babe yinxalenye yeqela lolawulo lomnyhadala ePaternoster (Jazz on the Rocks Festival) ze bafumana ukuchanatywa namava kulawulo lokusebenza lomsitho ongundoqo. Unxibelelwano oluqhubekayo nentsebenziswano phakathi kwamachule nemibutho yobugcisa yasemaphandleni luqhubekile ukulungiselela ukwandisa ubukhulu becandelo lobugcisa neentlobo zoluncwadi eNtshona Koloni. ISebe liphuhlise laze lalolonga ubudlelwane nemibutho yobuchule yobugcisa, izifundiswa nabantu abangundoqo kwicandelo lobugcisa ukulungiselela ukuphakamisa umgangatho weenkqubo.

Iintsuku ezibalulekileyo ezikhunjulweyo kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo zibandakanya ukukhunjulwa kweMinyaka engama-20 yeDemokhrasi yoMzantsi Afrika,apho umboniso womculo we*Credo* waboniswa eArtsCape Theatre Complex ngomhla wama-27 kuTshazimpuzi 2014 njengomboniso obalulekileyo lovuyiswano kwiphondo. Wawuzinyaswe ngabahlonitshwa abahlukeneyo, kubandakanywa omnye woMzantsi Afrika owatheswa isithsaba seNobel Peace, uMongameli wangaphambili uFW de Klerk. Amanye amalinge apha enyakeni ukukhumbula le mpumelelo ibalulekileyo kubandakanye ukushicilelwa kweposta ebonisa imiqondiso yethu yesizwe ngeelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni, iinkqubo zokufikelela ezimbini zasemaphandleni ezithe zabandakanya iminyhadala yomculo weekwayara kunye noqeqesho kumculo wekwayara nokuqaliswa komboniso ojikelezayo owaziwa ngokuba yiMandela in his Own Words.

Ngowama-2014/15 ikhwelo lahlatywa kulungiselelwa ukuba imibutho yenze izicelo zenkxaso-mali yemisebenzi yobugcisa nenkcubeko kunye neenkqubo ezifuna izicelo kwimibutho esebenzisa ubugcisa njengesixhobo sokulungisa imiba yentlalo. Ngowama-2014/15 iSebe lifumene izicelo ezingama-202 ze iminikelo yoncedo engama-96 yanikezelwa.

INKXASO-MALI KWIMIBUTHO YOBUGCISA NENKCUBEKO				
	2011/12	**2012/13**	**2013/14**	**2014/15**
Inani lezicelo ezamkelweyo (ingengaba zonke zibe yimpumelelo)	283	244	168	202
Inani leminikelo yoncedo ezinikezelwe yiDCAS	65	57	68	96
Zizonke izabelo	**11 054 550**	**R13 525 000**	**R13 515 000**	**R18 274 000**

Iiforam zokuqalisa ezingama-30 zaxhaswa ze zanomphumela ekwandeni kwenkqubo yelungelo lepaseji emiliselwe kwisebe. Ngale nkqubo siyile imigangatho elungiselelwe ukusebenza nokuyila ukufana ekumiliselweni kwendlela yokusebenza yesiqhelo. Le nkqubo isekelwe kuyilo oluntlangothi-ntathu apho iPhondo, uluntu noomasipala bengabachaphazelekayo abangundoqo kuyilo lobume obukhuselekileyo nobuncedayo.

IINKONZO ZAMAZIKO OLONDOLOZO LWEMBALI

Ekujoliswe kuko okungama-400 000 abatyeleli amaziko olondolozo lwembali amanyeneyo kwagqithwa. Inguqu yemiboniso yeziko lolondolozo lwembali kunye neenkqubo zikarhulumente ezithiwe thaca kumaziko olondolozo lwembali amanyeneyo aqhubekile ukutsala umdla wabatyeleli abangaphezulu kwamaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo. Kubekho ngokunjalo ukwanda okubonakalayo kwinani lamaqela oluntu asebenzisa izibonelelo zamaZiko oLondolozo lweMbali kwimisebenzi yoluntu.

INkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali zixhase amaziko olondolozo embali ezimanyeneyo ezingama-27 ngenkxaso-mali ngokusetyenziswa kweentlawulo ezikhutshelweyo apha enyakeni. NgeyeThupha 2014 isakhiwo sikamasipala ekukho kuso imiboniso yeziko lolondolozo lwembali iRobertson, esibhengezwe ngokunjalo njengendawo yelifa lemveli lephondo, sadilika ngethuba lomsebenzi wokusilungisa. Esi sakhiwo sakhiwa ngowe-1860. Ngethamsanqa uqokelelo nemiboniso yayisusiwe yasiwa kwindawo ekhuselekileyo phambi kokuqaliswa kolwakhiwo. IBhodi yoLawulo yeZiko loLondozo lweMbali laseRobertson isacamngca ngokwakalokunje ngekamva layo yaye ngoko ayakwazi ukuthabatha isabelo sayo somnikelo woncedo olungiselelwe unyaka wama-2014/15.

Incwadana yeSebe ekhuthaza amaziko olondolozo lwembali ezimanyeneyo eNtshona Koloni yashicilelwa kwakhona ngeelwimi ezintathu ezisesikweni zeNtshona Koloni. INkonzo yeZiko loLondolozo lweMbali ijolise ekukhuthazeni intlonipho kwiyantlukwano yenkcubeko nokuncoma ilifa lemveli lethu lesizwe. Injongo kukusebenzisa iincwadana ngokusasazwa okunenjongo ukuthengisa amaziko olondolozo embali ezimanyeneyo kubemi beNtshona Koloni ngokunjalo nabakhenkethi.

IINKONZO ZOLAWULO LWEZIBONELELO ZELIFA LEMVELI

Abasebenzi beSebe kweli candela babonelela ngokukodwa ngoncedo lobuchule, lolawulo nelobugcisa kwiBhunga neekomiti zeLifa leMveli leNtshona Koloni, ugunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo. Ezinye iinkonzo zokwabelana elithi iSebe linikezele ngazo zibandakanya ulawulo lwemali nokuququzelela ukukhutshelwa kwentlawulo yonyaka kwiLifa leMveli leNtshona Koloni.

Ingcaciso eneenkcukacha ebhekiselele kwindlela yokusebenza yeLifa leMveli leNtshona Koloni kunye noGunyaziwe weZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni inikezelwe kwiNgxelo yalo yoNyaka.

IINKONZO ZAMAGAMA ENDAWO

IKomiti yaMagama eeNdawo yePhondo leNtshona Koloni ngumbutho wamagama eendawo kwiphondo yaye uxhaswa ngoomabhalane ngokuhambelana neentlanganiso ezintathu ngonyaka.

IKomiti iqhuba umsebenzi wayo wokuqwalasela izicelo zokuguqulwa kwamagama nokuvavanywa ngokutsha ukuguqulwa kwamagama asele ekho ukulungiselela uqinisekiso nokubekwa emgangathweni. IKomiti inikezela ngeengcebiso zayo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.

Apha enyakeni, amagama eendawo angama-305 aqinisekiswa aze avavanywa ngokutsha yiWCPGNC ze athunyelwa kwiSAGNC ukuba aqwalaselwe ngowama-2014/15.

INANI LAMAGAMA ENDAWO AQWALASELWE YIKOMITI YAMAGAMA EENDAWO OKOKUBA AGUQULWE, AVAVANYWE OKANYE ABEKWE EMGANGATHWENI LIBHUNGA LAMAGAMA EENDAWO LOMZANTSI AFRIKA				
	2011/12	**2012/13**	**2013/14**	**2014/15**
Inani lamagama eendawo aqwalaselweyo yiKomiti	405	315	300	305

IINKONZO ZOLWIMI

UBalo lwabantu lowama-2011 lubonakalise inguqu kwipesenti kubantu bolwimi lwenkobe eNtshona Koloni, kubekho ukwanda kubantu abathetha isiXhosa nokuhla kubantu abathetha isiBhulu. Oku kwenzeke ngenxa yokwanda kubemi ingakumbi abantu abantetho isisiXhosa abathe bafudukela eNtshona Koloni bevela kwamanye amaphondo. IiNkonzo zoLwimi zinoxanduva lokulawula ukumiliselwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi eNtshona Koloni. Nangona isebe lephondo ngalinye lanikwa izibonelelo zokuseka iiYunithi zoLwimi ukuhambelana noMgaqo-nkqubo, iYunithi yeSebe yoGuqulelo, uHlelo nokuTolika inoxanduva lokulawula iinkonzo zenkxaso zolwimi kwiilwimi ezintathu ezisesikweni kwiPhondo.

IiNkonzo zoLwimi zizalisekisa indima yoomabhalane beKomiti yoLwimimi yeNtshona Koloni. Oku kubandakanya ukulawulwa kwentlawulo ekhutshelwe kwiKomiti yoLwimi nokunceda ngeenjongo zeqhinga zomiliselo nazo naziphi na iiprojekthi zeKomiti yoLwimi. INgxelo eyodwa yoNyaka ilungiselelwe iKomiti yoLwimi.

IKhowudi yokuZiphatha yoLwimi esekwe kuMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni yaphuhliswa ziiNkonzo zoLwimi ze yamkelwa ngaBalawuli abaPhezulu bePhondo ukulungiselela ukuyimilisela kuwo onke amasebe ephondo. I-DCAS lisebe lokuqala likarhulumente eMzantsi Afrika ukukwenza oku yaye sinethemba lokokuba umzekelo wayo uya kuvuselela amanye amaphondo ukuba aqalise amalinge afana nala.

IiNkonzo zoLwimi ziququzelela iintlanganiso ekho kabini ngenyanga yeForam yoLwimi yePhondo leNtshona Koloni, iqumrhu elidibanisa kunye amagcisa olwimi aqeshwe nguRhulumente weNtshona Koloni, yiPalamente yePhondo, siSixeko saseKapa kunye nePalamente yeSizwe. IForam ibonelela ngenqwanqwa elilungiselelwe amagcisa olwimi

ukuba axose imiba yeenkxalabo ezifanayo, ukuphucula amakhono ayo, ukufumana amava okutolika, nokuphuhlisa isigama. Ibamba ngokunjalo imisitho rhoqo ngonyaka ukuphawula uSuku leHlabathi loLwimi lweNkobe (21 kweyoMdumba) noSuku lweHlabathi loGuqulelo (30 kweyoMsintsi).

Ngentsebenziswano kunye neKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni, iiNkonzo zoLwimi zeDCAS ziququzelele indibano yengxoxo yoLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika (SASL) ngomhla wama-27 kweMnga 2014. Injongo yomsitho yayikukuthethana kunye noluntu olungeVayo ukuba yiyiphi na indlela elungileyo ekungafezekiswa ngayo iimfuno zabasebenzisi beSASL kwiphondo. Amasebe orhulumente wePhondo, iiNGO, izikolo nemibutho yabangeVayo, amaziko emfundo ephakamileyo, kunye namagcisa olwimi ayemelwe kumsitho. IKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni yathumela ingxelo neeNkonzo zoLwimi ngomsitho kuMphathiswa kunye neengcebiso zayo ukulungiselela inkqubela phambili.

IiNkonzo zoLwimi ziqhube iprojekthi elingwayo kunyaka ophantsi kovavanyo ukusabela kwangaphambili kwiimfuno zokutolika iSALS eNtshona Koloni. Icandelo lakwenza oku ngokubonelela ngeetoliki zeSASL ezifumanekayo kumasebe karhulumente wephondo xa zifunwa. IiNkonzo zoLwimi zaba nakho ukubonelela ngetoliki zeSASL kumathuba amahlanu ngowama-2014/15. Ingcaciso eqokelelweyo kulo msebenzi yaye iziphumo zendibano yengxoxo yeSASL eyayibanjwe kweyeNkanga 2014 ziya kunceda iiNkonzo zoLwimi namasebe eziwaxhasayo ukuba ziqwalasele ngokufanelekileyo iimfuno zonxibelelwano zabantu abaziZithulu eNtshona Koloni.

Ngowama-2014/15, iiNkonzo zoLwimi zabonelela ngenqanaba eliphakathi leeklasi zeSASL kubazali abangama-25 nabameli babantwana abafunda kwiSikolo iNoluthando seziThuli eKhayelitsha. Iiklasi, eziqalise ngomhla wesi-7 kweyoKwindla 2015, ezilandelwa ziiklasi zesiseko seSASL zabazali nabameli ezabanjwa kunyaka-mali ongaphambili.

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iyunithi yoGuqulelo, uHlelo nokuTolika ibonelele ngeenkonzo zenkxaso ezininzi kumasebe oRhulumente weNtshona Koloni. Isambuku samaxwebhu angama-582 aguqulelwa, amaxwebhu angama-427 ahlelwa, ze ukutolika kwenziwa amathuba ali-16, kubandakanywa nokutolikwa koLwimi lweMinwe loMzantsi Afrika. Ezinye iindlela zenkxaso yolwimi zibandakanye ubonelelo ngengcebiso yolwimi, ukufunda kukhangelwa iziphene nokuhlolwa okulungileyo. Iyunithi ibonelele ngokunjalo ngesiseko esingalungeleliswanga seeklasi zonxibelelwano zesiXhosa kubasebenzi beDCAS ukukhuthaza ngamandla ngokusetyenziswa kwazo zonke iilwimi kwiSebe.

Ukususela kulwamkelo loMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni ngowama-2005, iimvavanyo zarhoqo ngonyaka ngonyaka zibanjiwe ukubekwa kweliso kumiliselo lwazo kumasebe karhulumente wephondo. Kulo nyaka uphantsi kovavanyo, uvavanyo lwaqhutywa kwiSebe leNkulumbuso. Okufunyenweyo neengcebiso kuya kuvavanywa yiKomiti yoLwimi ze kuthunyelwe kunye neengcebiso kwiSebe leNkulumbuso.

Abafundi abavela kwizikolo zaseprayimari ezithathu zaseKhayelitsha babonakalise ngokuzinga amakhono abolwimi lwesiXhosa kukhuphiswano lokufunda nokupela obelubanjwe ngomhla wama-26 kweyoMsintsi 2014 kwiSikolo samaBanga aphantsi Isiphiwo eHarare, eKhayelitsha. Abafundi abavela kwisikolo esisingethe lo msitho Isiphiwo bangenela ukhuphiswano lobuhlobo kunye nabanye abafundi abavela kwiSikolo saMabanga aphantsi iLuleka neLudwe Ngamlala . Umsitho waba ngomnye oqaqambileyo wenkqubo eqhubekayo yeeNkonzo zoLwimi ukukhuthaza ukonwatyelwa kokufunda ngokusetyenziswa kweeklabhu zokufunda zasemva kokuphuma kwesikolo.

Ngokusetyenziswa kweNkqubo iMOD yeSebe, iiNkonzo zoLwimi zisingethe umsitho ngoSuku lukaNelson Mandela kwiSikolo saMabanga aphantsi Isikhokelo ngomhla we-18 kweyeKhala 2014. ISebe lakhetha izikolo ezininzi kummandla waseKhayelitsha ukuba zithabathe inxaxheba kwimisitho eyahlukeneyo yemidlalo nenkcubeko ngale mini. IiNkonzo zoLwimi ziqhube amathuba okufunda nabafundi ukubachanaba kuluncwadi lwesiXhosa ngokunjalo nokubanceda ukuba baseke ezabo iiklabhu zokufunda. Injongo yezi nzame kukukhuthaza ukuthethwa kweelwimi ezininzi eNtshona Koloni nokuphuhlisa isiXhosa njengolunye kwiilwimi zePhondo ezazivinjwe amathuba ngaphambili.

Incwadi yokuqala yesiXhosa yeTshesi eyakha yabhalwa yaze yapapashwa ixhaswa licandelo leSebe lezeMidlalo yahlelwa ngokusetyenziswa kwesigama esitsha esiphuhlisiweyo esilungiselelwe imidlalo esiveliswe saze saqinisekiswa yiForam yePhondo yeLwimi. Incwadana yesigama yelwimi ezimbini yesiNgesi – isiXhosa yeNtshona Koloni equlathe isigama esiphathelelene kucwangciso lweqhinga nolawulo lwemali kurhulumente ihlaziyiwe ngokufakelwa kwezilinganiso zesiBhulu ukuyenza ibe lwimi-ntathu. Uphuhliso oluqhubekayo lwesigama sesiXhosa sasemthethweni kuluphucule uguqulelo lokubhaliweyo komthetho ukusiwa esiXhoseni.

Iinjongo zeqhinga, imiqondiso yokusebenza, okujoliswe kuko okucwangcisiweyo nezifezekiso ezizizo zithiwe thaca kwitheyibhile engasezantsi.

Izalathisi zeeNjongo eziCwangcisiweyo

INKQUBO2: IMICIMBI YENKCUBEKO					
Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2014/2015 [ngaphezulu/(ngaphantsi)]	Izimvo ngokunxaxha
Inani lemisebenzi yolawulo lwezobugcisa nezenkcubeko eqhutyelwe phambili yangamathuba akhoyo kuluntu lwaseNtshona Koloni	54	50	96	46	Iiprojekthi ezangezelelweyo zaxhaswa ngemali kukubekwa phambili ngokutsha kwangaphambili
Inani lamaZiko oLuntu namacandelo karhulumente anikwe inkxaso echubekileyo neyolawulo	33	33	33	0	-
Inani lamaziko olondolozo lwembali abhalisiweyo axhasiweyo	30	28	27	(1)	Isithuba somboniso weZiko loLondolozo lweMbali laseRobertson sasikwi sakhiwo esathi sadilika apha enyakeni. Ngenxa yobunzima ekufumaneni isithuba somboniso iZiko loLondolozo lweMbali alizange libe nakho ukwamkela umnikelo oluncedo owabelwe yona.
Inani leeprojekthi zokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukulungiswa kokungalingani kwezeelwimi kwexesha langaphambili nokukhuthaza ukuphuhliswa kweelwimi ebezifudula zihlelelekile kunye neelwimi zokuthetha ngezandla eMzantsi Afrika eNtshona	6	6	7	1	Iprojekthi eyangezelelweyo yangezwa ngethuba leeNtsuku ezili-16 zoku Days of Activism Against Violence Against koMama naBantwana

Koloni					
Inani lemisebenzi yokuqhubela phambili nokuba negalelo ekubandakanyweni koluntu nobunye ekuhlaleni (kusakhiwa isizwe nakutshintsho)	2	2	4	2	Iingxoxo zoluntu lweNgingqi zabanjwa kwiingingqi ezintathu yaye iNational Social Cohesion Report Back Summit yazinyaswa ngabameli beNtshona Koloni kweyoKwindla 2015

Isalathisi soMsebenzi

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO						
Inani	**Iinjongo eziCwangcisiweyo**	**Okona kuphunyeziweyo 2013/2014**	**Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2014/2015**	**Okona kuphunyeziweyo 2014/2015**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2014/2015 [ngaphezulu/(ngaphantsi)]**	**Izimvo ngokunxaxha**
INkqutyana 2.1: ULawulo						
Imiqondiso yePhondo						
2.1.1	Inani lamathuba omsebenzi enziweyo kwi-EPWP	242	305*	305	0	
INkqutyana 2.2: UbuGcisa neNkcubeko						
Imiqondiso yeSizwe						
2.2.1	Inani lamacandelo axhasiweyo	5	5	30	25	Ngaphezulu koko kujoliswe kuko iiforam zolwaluko ezingama-35 zaxhaswa apha enyakeni njengoko isicwangciso-nkqubo sephondo solwaluko samiliselwa yaze inkqubo yandiswa
2.2.2	Inani leentsuku ezibalulekileyo eziye zabanjwa kwikhalenda yezenkcubeko	3	3**	3	0	-
2.2.3	Inani lamagcisa aqeqeshiweyo	118	100	144	44	Inani elangezelelweyo laBathabathi-nxaxheba lazimasa iinkqubo zoqeqesho

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO						
Inani	Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2014/2015 [ngaphezulu/(ngaphantsi)]	Izimvo ngokunxaxha
						ezinikezelweyo
Imiqondiso yePhondo						
2.2.4	Ukugqithiselwa kweentlawulo kwiWCCC ukuba iqalise enelungelo lako ngoku-semthethweni	-	51	96	45	Iiprojekthi ezangezelelweyo zaxhaswa ngemali kukubekwa phambili ngokutsha kwangaphambili.
2.2.5	Inani leenkqubo ezenziweyo ezidibanisa nezijolise amagcisa nokuphuhliswa kwemibutho yobugcisa nenkcubeko	14	14	14	0	-
2.2.6	Inani leeprojekthi eziququzelweyo ukuphuhlisa nokukhuthaza ubugcisa nenkcubeko	18	15	16	1	Intsebenziswano neBaxter Theatre ibe nomphumela kumathuba oqeqesho lweprojekthi eyangezelelweyo ethe yaququzelewa amaqela edrama athe akatyunjwa ukuba azigqalise eBaxter Theatre naseSuidoosterfees.
INkqutyana 2.3: IiNkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali						
Imiqondiso yeSizwe						
2.3.1	Inani labantu abatyelele amaziko	478 714	400 000	530 141	130 141	Kubekho ukwanda kwinani labantu abasebenzisa amaziko olondolozo lwembali ukulungiselela ubomi boluntu.
2.3.2	Inani leencwadana nokupapashiweyo okusasaziweyo	1	1	1	0	-
Imiqondiso yePhondo						

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO						
Inani	**Iinjongo eziCwangcisiweyo**	**Okona kuphunyeziweyo 2013/2014**	**Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2014/2015**	**Okona kuphunyeziweyo 2014/2015**	**Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2014/2015 [ngaphezulu/(ngaphantsi)]**	**Izimvo ngokunxaxha**
2.3.3	Inani lamaZiko loLondolozo lweMbali amanyeneyo axhasiweyo	-	28	27	(1)	Indawo yomboniso weZiko loLondolozo lweMbali iRobertson wawukwisakhiwo esathi sadilika apha enyakeni. Ngenxa yeengxaki zokufumana indawo yomboniso iZiko loLondolozo lweMbali alizange libe nakho ukufumana isabelo somnikelo woncedo.
2.3.4	Ukugcina iNkonzo yamaZiko oLondolozo lweMbali ukuba libonelele ngenkxaso kumaziko olondolozo embali aphantsi kwayo	1	1	1	0	-
INkqutyana 2.4: IiNkonzo zeZibonelelo zeLifa leMveli						
Izalathisi seSizwe						
2.4.1	Inani loogunyaziwe bezibonelelo zelifa lemveli lephondo abaxhasiweyo	-	1	1	0	-
2.4.2	Inani lamagama eendawo eziqinisekisiweyo zahlolwa yiKomiti ejongene namagama eeNdawo kwiPhondo leNtshona Koloni eye yabekwa ukuba isebenze	300	300	305	5	Uphando lwaqhutywa ukuqinisekisa okanye ukulungelelanisa amagama endawo awangezelelweyo
2.4.3	Inani lemibutho	-	1	1	0	-

INKQUBO 2: IMICIMBI YENKCUBEKO						
Inani	Iinjongo eziCwangcisiweyo	Okona kuphunyeziweyo 2013/2014	Ekujoliswe kuko okucetyiweyo 2014/2015	Okona kuphunyeziweyo 2014/2015	Ukunxaxha koko kujoliswe kuko okucetyiweyo ukuya kokona kuphunyeziweyo ngowama-2014/2015 [ngaphezulu/(ngaphantsi)]	Izimvo ngokunxaxha
	yamagama endawo yephondo exhasiweyo eNtshona Koloni					
INkqutyana 2.5: IiNkonzo zoLwimi						
Imiqondiso yeSizwe						
2.5.1	Inani lemibutho exhaswayo eququzelela ezeelwiimi	1	1	1	0	-
Imiqondisi yePhondo						
2.5.2	Inani leeprojekthi ezijolise ekukhuthazeni ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi nokujongana nokungalingani kwiilwimi okwenziwe yimbali yethu nolwimi lokuThetha ngezandla lwaseMzantsi Afrika	6	6	7	1	Iprojekthi eyangezelelweyo yangezwa ngethuba le-16 Days of Activism Against Violence Against Women nabantwana.
2.5.3	Inani leenkonzo zeeLwimi ezibonelelwayo	3	3	3	0	-

** Ekujoliswe kuko ngowama-2014/15 linani elisisambuku lamathuba omsebenzi e-EPWP okokuba ayilwe enyakeni, kubandakanywa nezo zibekho ngenxa yentlawulo ekhutshwa kube kanye yoMnikelo oHlangeneyo we-EPWP ozizigidi ezi-R2.224 elungiselelwe amaPhondo ngowama-2014/15.*

*** Oku kujoliswe kuko kubandakanya ukusingathwa komsitho wephondo wokuvuyisana neminyaka engama-20 yenkululeko nedemokhrasi yoMzantsi Afrika ngomhla wama-27 kuTshazimpuzi 2014.*

Iqhinga lokuphelisa imimandla yendlela engaphantsi kwelindelekileyo

Iingxoxo eziqhubekayo kunye neBhodi yoLawulo lweZiko loLondolozo lweMbali laseRobertson kunye noMasipala waseLangeberg ngokubhekiselele kwikamva leZiko loLondolozo lweMbali laseRobertson ziyaqhutywa emva kokudilika kwesakhiwo sembali apho ababonisi beziko londolozo lwembali bebekhona.

Iinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

Akubangakho zinguqu kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ngesithuba sokunikwa kwengxelo.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

INkqutyana yenkcitho yeNkqubo 2: iMicimbi yeNkcubeko ibe njengoku kulandelayo:

INkqutyana	2013/14			2014/15		
	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (enga-Phezulu)/ engaPhantsi R'000	Ulwabiwo lokugqibela R'000	Eyona nkcitho R'000	Inkcitho (enga-Phezulu)/ engaPhantsi R'000
Abalawuli	10 286	10 075	211	5 315	5 315	-
Ubugcisa nenkcubeko	25 006	24 936	70	34 351	34 351	-
Iinkonzo zamaZiko oLondolozo lweMbali	40 461	40 083	378	52 015	50 393	1 622
Iinkonzo zezibonelelo zeLifa leMveli lesizwe	5 385	5 361	24	7 158	7 158	-
Iinkonzo zeeLwimi	4 018	3 986	32	4 199	4 199	-
Iyonke	**85 156**	**84 441**	**715**	**103 038**	**101 416**	**1 622**

Esona sizathu senkcitho enganeno sinxulumene nesicelo sokukhutshelwa kwisigidi esi-R1, 622 ukulungiselela ukusekwa kweZiko loLondolozo lweMbalilaseKapa.

4.3. INkqubo 3: IiNkonzo zeThala leeNcwadi nooVimba

Injongo

Ukunikezela ngethala leencwadi elibanzi neenkonzo zoVimba eNtshona Koloni.

IiNkqutyana

INkqutyana 3.1: ULawulo

Ukunikezela ngolawulo lweqhinga nenkxaso elungiselelwe iThala leeNcwadi, iiNkonzo zooVimba neCandelo loLawulo lokuQulathiweyo kweShishini.

INkqutyana 3.2: INkonzo yeThala leeNcwadi

Ukunikezela ngeenkonzo zethala leencwadi ngokuhambelana nomthetho osebenzayo ofanelekileyo nezigunyaziso zomgaqo-siseko.

INkqutyana 3.3: OoVimba

Ukubonelela ngeenkonzo zoLawulo zoovimba beenkcukacha neeNgxelo ngokoMthetho weNkonzo yooVimba beenkcukacha neengxelo zePhondo leNtshona Koloni, ka-2005.

Ukumiliselwa koLawulo lokuQulathiweyo leShishini (ECM)/MyContent kumaqumru kaRhulumente eNtshona Koloni.

IiNjongo ezicwangcisiweyo

3.1. Ukuxhasa nokukhuthaza iinkonzo zamaThala eencwadi kubo bonke abahlali beNtshona Koloni.
3.2. Ukuqinisekisa ngenkonzo yolawulo lwengxelo ezifanelekileyo kwiibhodi zikarhulumente.
3.3. Ukulondoloza nokubonelela ngezixhobo zoovimba beenkcukacha.

IiNjongo ezicwangcisiweyo, isalathiso somsebenzi, ekujoliswe kuko okucetyiweyo nokona kuphunyeziweyo

Inkqubo inikele kuMphumela weQhinga oJolise kwiNjongo 3: *Uphuhliso, iNguqu nokukhuthazwa kwethala leencwadi elizinzileyo, ingcaciso neenkonzo zoovimba*.

INkonzo yeThala leeNcwadi:

INkonzo yeThala leeNcwadi linikele kuMphumela weQhinga oJolise kwiNjongo 3 ngokuthengwa kwezinto ezimathiriyeli yethala leencwadi eyi-188 588 ukulungiselela ukunikezelwa kumaziko ethala leencwadi angama-361 eNtshona Koloni. Isambuku sotyelelo lokubekwa kweliso esili-1 647 oluqhutyiweyo ngesithuba esiphantsi kovavanyo. Njengenxalenye yophuhliso nokukhuthazwa kweenkonzo zethala leencwadi ezizinzileyo, iSebe linikezele ngenkxaso-mali yoomasipala ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali yomnikelo woxhomekeko kuye neNkxaso-mali yeMbuyekezo kaMasipala. Ezi ngxowa-mali zibonelele ngentlawulo yemivuzo ukulungiselela abasebenzi bethala leencwadi abangama-878, iindleko zokusebenza zamanye amathala eencwadi karhulumente kunye neeprojekthi zezakhiwo. Iinkonzo ezisimahla ze-intanethi zanikezelwa kwiindawo zethala leencwadi ezintsha ezingama-79 kusandiswa isambuku samathala eencwadi asemaphandleni esingama-200. Amathala eencwadi amancinane amathathu amatsha (IiNqwelo ezinamaVili) asekwa kwiingingqi zoluntu ezisemaphandleni. Ithala leencwadi elinye elitsha likawonke-wonke lakhiwa ePrince Alfred's Hamlet, kuMasipala weWitzenberg.

Ukumilisela nokukhuthaza ukuthandwa kokufunda, ukusetyenziswa kwethala leencwadi kunye nokufunda ubomi bonke, iNkonzo yeThala leeNcwadi ithabathe inxaxheba kwiNational Bookweek yesizwe. Lo msitho wabanjwa kumathala eencwadi awahlukeneyo kumasipala waseDrakenstein, ngomxholo "Going places". Ekujoliswe kuko kwisithuba sale veki iyodwa yayikukuvuyelwa kwencwadi nothando lokufunda. INkonzo yeThala leeNcwadi iqhubile ukubamba iVeki yeThala leeNcwadi yeSizwe. Kulo nyaka umxholo yayingulo: Connect@your library yaye ukuqaliswa kwalo msitho kwabanjwa ngentsebenziswano noMbutho weThala leeNcwadi neNgcaciso woMzantsi Afrika, iSixeko saseKapa neNational Library of South Africa. Ukundululwa kwenzelwa kwiCentre for the Book eKapa.

Isambuku samathala eencwadi kawonke-wonke ali-12 aqhagamsheliswa yiNkonzo yeThala leeNcwadi kwiSITA Library Information Management System (SLIMS) ngowama-2014/15. Uninzi lwamathala eencwadi eNtshona Koloni ngoku aqhagamshelwe kwiSLIMS.

Oovimba beNtshona Koloni kunye neNkonzo yeeRekhodi igunyaziswe ukuba iqinisekise ngenkonzo yolawulo olululo lweerekhodi kumaqumrhu karhulumente; ukugcina nokubonelela ngelungelo lokufumana imathiriyeli yoovimba. Ukufezekisa oku kulo nyaka uphantsi kovavanyo, izihlomelo ezingama-57 kunye nezongezelelo kwinkqubo yohlelo zamkelwa ukulungiselela ukumiliselwa kweendlela ezilungileyo zeenkqubo zohlelo. Ukuphucula ulawulo lweerekhodi zikarhulumente, uqeqesho kulawulo lwerekhodi lwathiwa thaca kubasebenzi bolawulo lweerekhodi abali-169 abaphuma kumaqumrhu karhulumente. Kubekho ukwanda okubonakalayo kuthatyatho lwenxaxheba lwesifundo ngenxa yebango elikhulu lwezifundo zoqeqesho. Iindlela ezilungileyo zolawulo lweerekhodi zabekwa iliso ukuqinisekisa ngohambelwano ukumilisela imigangatho neendlela ezilungileyo, ukuza kutsho ngoku, iiofisi zabamkeli benkonzo ezingama-36 kwezingama-56 zahlolwa ze ugunyaziso lokulahlwa kwezi-14 kwavunyelwa.

IKomiti yeNgcebiso yooVimba yeNtshona Koloni ethi phakathi kwezinye izinto, icebise uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwimiba enxulumene noovimba nemiba yolawulo lwerekhodi, ihlangane amaxesha amane kunyaka ophantsi kovavanyo. USihlalo wale komiti umele iPhondo kwiBhunga leSizwe leNgcebiso looVimba.

WP Netball union	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, Phuhliso, Ulwakhiwo lwaMakhono neNguqu	EWE	**60 000.00**	60 000.00	
WP Roller Sport	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP SA Sailing	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP South African Air Rife Ass	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP Snooker	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP Softball Federation	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Squash	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Surfing	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
WP Table Tennis	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Tennis	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Tug of War	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, Phuhliso, Ulwakhiwo lwaMakhono neNguqu	EWE	**40 000.00**	40 000.00	
WP Volleyball Union	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Weightlifting Ass	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**40 000.00**	40 000.00	
WP Womens Golf	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Wrestling Ass	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, Phuhliso, Ulwakhiwo lwaMakhono	EWE	**50 000.00**	50 000.00	

Igama lomkhupheli	Uhlobo lweZiko	Injongo yokusetyenzi-swa kweeMali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necandelo lama-S 38 (1) (j) lePFMA	Imali ekhutshe-lweyo (R)	Imali echithwe liZiko (R)	Isizathu sokungase-tyenziswa kweeMali liZiko
		neNguqu				
SC Golf (Women)	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, Phuhliso, Ulwakhiwo lwaMakhono neNguqu	EWE	**60 000.00**	60 000.00	
SC Cycling	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**40 000.00**	40 000.00	
SC Comm Dev Domino	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
SC Golf	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, Phuhliso, Ulwakhiwo lwaMakhono neNguqu	EWE	**50 000.00**	50 000.00	
Southern Cape Light Tackle Boat Angling Association (SCLTBAA)	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**40 000.00**	40 000.00	
SWD Aquatics	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
SWD Bowls	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
SWD Chess	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
SWD Cycling	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
SWD Kickboxing Federation	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**20 000.00**	16 000.00	Ama-R4 000 abuyiselwa kwisebe
SWD Life Saving	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
SWD Netball	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
SWD Rugby	Imibutho eManye-neyo	INguqu	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
SWD Snooker	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**11 000.00**	11 000.00	
SWD Tug of War	Imibutho eManye-neyo	INguqu	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
DISWEC	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**30 000.00**	30 000.00	

Igama lomkhupheli	Uhlobo lweZiko	Injongo yokusetyenzi-swa kweeMali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necandelo lama-S 38 (1) (j) lePFMA	Imali ekhutshe-lweyo (R)	Imali echithwe liZiko (R)	Isizathu sokungase-tyenziswa kweeMali liZiko
West Coast Chess	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
West Coast Cycling	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso neNguqu	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
West Coast Gymnastics	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
West Coast Pool	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
West Coast Netball	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
West Coast Shore Angling	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
Boland Bowls	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
Boland Chess Union	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
Boland Fedansa	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
Boland Fly Fishing	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
Boland Gymnastics	Imibutho eManye-neyo	INguqu	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
Boland Ladies Golf	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
Boland Table Tennis	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
Boland Tennis vereniging	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP Chess	Imibutho eManye-neyo	Ulwakhiwo lwaMakhono (Grandmaster Trainer)	EWE	**100 000.00**	0	Iprojekthi ebekelwe ukuqaliswa ngomhla woku-1 kweyeKhala iphele ngomhla wama-30 kweyoMsintsi
WP Cycling Ass	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**12 000.00**	12 000.00	
WP SA Figure Skating	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**84 000.00**	84 000.00	
WP Fly fishing	Imibutho eManye-neyo	INguqu noPhuhliso	EWE	**30 000.00**	30 000.00	

Igama lomkhupheli	Uhlobo lweZiko	Injongo yokusetyenzi-swa kweeMali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necandelo lama-S 38 (1) (j) lePFMA	Imali ekhutshe-lweyo (R)	Imali echithwe liZiko (R)	Isizathu sokungase-tyenziswa kweeMali liZiko
WP Golf Union	Imibutho eManye-neyo	INguqu noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
WP Lifesaving	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP Netball union	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP SA Sailing	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso nobudlelwane bamazwe aphesheya Shandong)	EWE	**110 000.00**	110 000.00	
WP Surfing	Imibutho eManye-neyo	ULawulo	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP Tug of War	Imibutho eManye-neyo	INguqu	EWE	**10 000.00**	10 000.00	
WP Wrestling Ass	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
SA Sailing SC	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
SC Golf (Women)	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
SC Cycling	Imibutho eManye-neyo	ULawulo noPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
SC Golf	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
WC Prov Sport Confederation	IBhunga lePhondo leMidlalo	Imisitho eyahlukeneyo nemisebenzi	EWE	**1 300 000.00**	465 000.00	Ukugqitywa kuya kubakho ngonyaka-mali wama-2015/16.
Cape Winelands Cycling	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
Boland Darts	Imibutho eManye-neyo	UPhuhliso	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
Western Cape Cycling	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**18 000.00**	18 000.00	
West Coast Kickboxing	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**72 000.00**	72 000.00	
Boland Fly Fishing	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**36 000.00**	36 000.00	
Boland Judo	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Baseball	Imibutho eManye-	UHambo lwaPhesheya	EWE	**48 000.00**	48 000.00	

Igama lomkhupheli	Uhlobo lweZiko	Injongo yokusetyenzi-swa kweeMali	Ingaba iSebe liyaha-mbelana necandelo lama-S 38 (1) (j) lePFMA	Imali ekhutshe-lweyo (R)	Imali echithwe liZiko (R)	Isizathu sokungase-tyenziswa kweeMali liZiko
	neyo	kweelwandle				
WP Bowls	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**12 000.00**	12 000.00	
WP Bridge Union	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**18 000.00**	18 000.00	
WP Chess	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**48 000.00**	48 000.00	
WP Drum Majorettes	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**78 000.00**	78 000.00	
WP Fly fishing	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**24 000.00**	24 000.00	
WP Kickboxing	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**24 000.00**	24 000.00	
WP Lifesaving	Imibutho eManye-neyo	UHambo lwaPhesheya kweelwandle	EWE	**6 000.00**	6 000.00	
WP Baseball	Imibutho eManye-neyo	ULawulo, noLwakhiwo lwaMakhono	EWE	**30 000.00**	30 000.00	
WP Chess	Imibutho eManye-neyo	Ukwakhiwa kwamakhono (Umqeqeshi onguMrashiya)	EWE	**20 000.00**	20 000.00	
WC Prov Sport Confederation	IBhunga lePhondo leMidlalo	UMnyhadala waseKnysna	EWE	**140 000.00**	140 000.00	
Facilities: Municipalities			EWE			
Swartland	UMasipala	Uhlaziyo lweeKhothi zeBhola yoMnyazi	EWE	**150 000.00**	150 000.00	
Langeberg	UMasipala	Ukuhlaziywa kweBala lebhola ekhatywayo	EWE	**500 000.00**	500 000.00	
City Of Cape Town	UMasipala	Ukuhlaziywa kweKhothi yeNtenetya	EWE	**250 000.00**	0	Iprojekthi iyakuqukunjelwa kunyaka-mali wama-2015/16
Breede Valley	UMasipala	BMX Track	EWE	**50 000.00**	0	Iprojekthi iyakuqukunjelwa kunyaka-mali wama-2015/16
Drakenstein	UMasipala	Ukuhlaziywa kweStediyam saseBoy Louw	EWE	**150 000.00**	0	Iprojekthi iyakuqukunjelwa kunyaka-mali wama-2015/16
Cape Agulhas	UMasipala	liKhothi zeBhola yoMnyazi	EWE	**100 000.00**	0	Iprojekthi iyakuqukunjelwa kunyaka-mali wama-2015/16

Zonke iintlawulo ezikhutshelweyo bezikuhlahlo lwabiwo-mali lesithuba somhla woku-1 kuTshazimpuzi 2014 ukuya kumhla wama-31 kweyoKwindla 2015 zenziwe.

6. ISibonelelo-mali esineMiqathango

6.1. ISibonelelo-mali esineMiqathango nentlawulo yeeNgxowa-mali ezichongiweyo

ISebe alikhange likhawule nayiphi na iMinikelo yoXhomekeko okanye iiNgxowa-mali ezichongiweyo kwisithuba sowama-2014/15.

6.2. ISibonelelo-mali esineMiqathango neeNgxowa-mali eziChongiweyo ezamkelweyo

ISebe lifumene isixa-mali se-R126 347 000 njengoMnikelo woXhomekeko ukulungiselela ukwandisa amathala eencwadi oluntu. Okokuqala, umqathango omtsha wangezelelwa kwisicwangciso-nkqubo soMnikelo woXhomekeko wokokuba iingxowa-mali zinakho ukuchithwa ngokubhekiselele kwisigunyaziso senkonzo yethala leencwadi elingaxhaswa ngemali. Oku kuncede iSebe ukuba liqalise ngokuxhasa ngemali abanye oomasipala abakwicandelo B.

Ekumiliseni uMnikelo, iDCAS isebenza ngothelelwano noomasipala bengingqi kwezinye iiprojekthi ezichongiweyo nezingundoqo, ngeli thuba ezinye iiprojekthi zilawulwa kwindawo esembindini.

ISebe lifumene ama-R58 711 000 njengoMnikelo woXhomekeko ukulungiselela ukukhuthazwa kokuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo luninzi loluntu eNtshona Koloni nokuqhubela phambili iinjongo zesiCwangciso seSizwe seMidlalo noLonwabo (NSRP).

Itheyibhile engezantsi icalula iMinikelo yoXhomekeko kunye neengxowa-mali ezichongiweyo ezamkelweyo kwisithuba somhla woku-1 kuTshazimpuzi 2014 ukuya kumhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

UMnikelo woXhomekeko: UMnikelo weeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu

Isebe eligqithisele isibonelelo	ISebe lobuGcisa neNkcubeko leSizwe
Injongo yesibonelelo	Ukutshintsha iziseko ezingundoqo zamathala eencwadi ezidolophini nasemaphandleni, amaziko neenkonzo (ajolise kakhulu kuluntu obelufudula luhlelekile) ngokwenkqubo yokubavuselela kumgangatho wephondo kuxhaswa amaphulo orhulumente wasemakhaya nowesizwe aza kuphucula isimo sabo sezentlalo noqoqosho.
Iziphumo ezilindelekileyo zesibonelelo	• Ulungelelwaniso nentsebenziswano ephuculiweyo phakathi korhulumente wesizwe, wephondo nowasekuhlaleni malunga neenkonzo zamathala eencwadi; • Ukuphuculwa kokuxhotyiswa kwabasebenzi abakumathala eencwadi asezidolophini nasemaphandleni;

	• Ukuphuculwa kweziseko ezingundoqo neenkonzo zamathala eencwadi ezibonakalisa iimfuno ezithile zoluntu abalusebenzelayo; • Iinkonzo eziphuculiweyo nezilinganayo zamathala eencwadi nezeenkcukacha ezinikezelwa kuluntu lwasezidolophini nolwasemaphandleni; kunye • Nokuququzelelwa ngempumelelo nolawulo lwezibonelelo.
Ezona ziphumo ziphunyeziweyo	Iziphumo ezilindelekileyo eziye zafunyanwa, njengoko zichaziwe kwisalathisi soMsebenzi kwitheyibhuli engezantsi.
Imali ngokweDORA ehlonyelweyo	R126 347 000
Imali efunyenweyo	R126 347 000
Izizathu ukuba imali ngokweDORA khange ifumaneke	Akusebenzi oku apha
Imali esetyenziswe liSebe	R126 347 000
Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liziko	Akusebenzi oku apha
Izizathu zokunxaxha kumsebenzi	Akusebenzi oku apha
Imiqathango eyenziweyo ukuphucula umsebenzi	Akusebenzi oku apha
Ukuhlolwa kweendlela zokwenza njengesebe elinoxanduva lokwamkela oku	Iinkonzo zeNkxaso kooMasipala ukuqinisekisa uhlolo oluqhubekayo loko kugqithiselwayo, iiprojekthi nenkcitho yoomasipala ngokweengxelo zarhoqo ngenyanga zemali ezingeniswe ngoomasipala nohlolo lwarhoqo olwenziwe koomasipala.

UMnikelo woXhomekeko: UMnikelo weeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu				
	Isalathisi soMsebenzi	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15**	**Okona kuphunyeziweyo 2014/15**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.1	Inani lezithuba zamathala eencwadi ezixhaswe ngemali yeminikelo yoxhomekeko	540	657	Umnikelo wanikezela ngenxalenye yeengxowa-mali kwizithuba esele zikho. Ingxelo inikezelwe kuzo zonke izithuba ezixhaswe ngemali ngokungaphelele
1.2	Inani leetroli zeencwadi ezijikelezayo ezisekwe kwiindawo ezingalungiswanga	3	3	-
1.3	Inani lamathala eencwadi afikelelwa kwi-intanethi kawonke-wonke	200	200	-
1.4	Inani lamathala eencwadi elithengelwe imathiriyeli†	30 800	49 914	Iingxowa-mali zakhutshwa ngokubaluleka kuhlahlo lwabiwo-mali ukuthenga imathiriyeli engaphezulu yethala leencwadi
1.5	Inani amathala eencwadi amatsha akhiweyo	1	1	-
1.6	Inani lotyelelo olwenziweyo kuhlolo olwenziwe liphondo koomasipala‡	75	81	Utyelelo olungaphezulu lwenziwa ukwandisa ukunikezelwa

UMnikelo woXhomekeko: UMnikelo weeNkonzo zeThala leeNcwadi loLuntu				
	Isalathisi soMsebenzi	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15**	**Okona kuphunyeziweyo 2014/15**	**Izimvo ngokunxaxha**
				kwenkonzo
1.7	Inani loomasipala elifumene iintlawulo ezikhutshelweyo	25	25	-
1.8	Inani lamathala eencwadi abonelelwa ngeenkqubo zokukhuselwa kweencwadi	30	32	Indlela zokubamba zamiliselwa kwiincwadi ezininzi kuxhonyekekwe kubukhulu bamathala eencwadi
1.9	Inani lamathala eencwadi aphuculweyo	5	5	-

UMnikelo woXhomekeko: Ukuthatha inxaxheba kwesininzi nesiBonelelo sokuPhuhliswa kwezeMidlalo

Isebe eligqithisele isibonelelo	EzeMidlalo noLonwabo uMzantsi Afrika (Ivoti yama-20)
Injongo yesibonelelo	Ukuququzelela ukuthatha inxaxheba kwezeMidlalo noLonwabo nokuxhotyiswa kwentsebenziswano nabachaphazelekayo.
Iziphumo ezilindelekileyo zesibonelelo	EzeMidlalo eziKolweni ezixhasa/ezikhuthaza intsebenziswano ekuhlaleni kwezeMidlalo noLonwabo
Ezona ziphumo ziphunyeziweyo	Zonke iziphumo ziphunyeziwe, njengoko itheyibhile yemiqondiso yokusebenza ingezantsi
Imali ngokweDORA ehlonyelweyo	R58 711 000
Imali efunyenweyo	R58 711 000
Izizathu ukuba imali ngokweDORA khange ifumaneke	Akusebenzi oku apha
Imali esetyenziswe liSebe	R58 679 000
Izizathu zokuba imali ingasetyenziswa liziko	Akusebenzi oku apha
Izizathu zokunxaxha kumsebenzi	Akusebenzi oku apha
Imiqathango eyenziweyo ukuphucula umsebenzi	Akusebenzi oku apha
Ukuhlolwa kweendlela zokwenza njengesebe elinoxanduva lokwamkela oku	Utyelelo lwarhoqo neengxelo zenyanga nezekota ezingeniswe kwisebe lesizwe (ElezeMidlalo noLonwabo uMzantsi Afrika)

Isibonelelo seemeko ezithile: Ukuphuhliswa kweeKlabhu				
	Isalathisi soMsebenzi	**Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15**	**Okona kuphunyeziweyo 2014/15**	**Izimvo ngokunxaxha**
1.1	Inani labantu abaqeshwe njengenxalenye yenkqubo yoPhuhliso lweKlabhu	720	737	Abantu abaninzi babhaliselwe izifundo
1.2	Inani leetumente neeligi eziye kuphuhliso lweeklabhu ezamkelweyo	10	10	-
1.3	Inani leeklabhu ezibonelelwe	415	415	-

Isibonelelo seemeko ezithile: Ukuphuhliswa kweeKlabhu				
	Isalathisi soMsebenzi	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15	Okona kuphunyeziweyo 2014/15	Izimvo ngokunxaxha
	ngezixhobo kunye/okanye nangezinxibo			
1.4	Inani lezikolo zezemidlalo eziye zafumana inkxaso	5	5	-
1.5	Inani leenkqubo zabakhubazekileyo eziye zabanjwa	6	6	-
1.6	Inani leenkqubo zamanina nezamantombazana ezibanjiweyo	6	6	-
1.7	Inani lemisebenzi edaliweyo	50	50	-
1.8	Inani leeklabhu ezisebenzayo eziphantsi kwemidlalo ethile eziye zaxhaswa	415	415	-
1.9	Inani leenkqubo ezisesikweni zokufunyanwa kwetalente ezixhasiweyo	5	5	-
1.10	Inani leembaleki ezine ezixhaswayo kwiinkqubo ezimiselweyo zophuhliso ziintlangano zezemidlalo	150	203	limbaleki ezininzi zenkqubo yophuhliso
1.11	Inani labasebenzi abaqeshwayo ngokusigxina kulwabiwo lwe-6%*	24	24	-

** Lomqondiso usebenza kwiNkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi soLuntu iSiyadlala Community Mass Participation Programme (SCMPP), INkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi kwiMidlalo yeSikolo (SSMPP) noPhuhliso lweKlabhu.*

Isibonelelo seemeko ezithile: Ukuthabatha inxaxheba kwesininzi soLuntu kwiSiyadlala				
	Isalathisi soMsebenzi	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15	Okona kuphunyeziweyo 2014/15	Izimvo ngokunxaxha
1.1	Inani lolutsha oluye kwiinkampu zolutsha zonyaka	300	368	Iinkampu zeNgingqi ezi-4 kunye nenye inkampu yePhondo ebanjiweyo.
1.2	Inani leeprojekthi zeMidlalo noLonwabo eyenziwa ngamabhunga ezemidlalo	7	7	-
1.3	Inani leenkqubo ezizinzileyo zolonwabo eziququzelelweyo nezimiliselweyo	35	147	Ngenxa yebango imisitho eyangezelelweyo engadingi nkxaso-mali yaququzelelwa.
1.4	Inani labantu abathathe inxaxheba kwimisitho yemidlalo yokuzonwabisa	14 400	21 717	Ngenxa yesizathu esingasentla, abathathi nxaxheba abangaphezulu barekhodwa phantsi kwalo mqondiso.
1.5	Inani leenkqubo lephondo ezimiliselweyo	10	10	-
1.6	Inani labantu abaqeqeshwa njengenxalenye yemidlalo	442	540	Ngenxa yebango, iikliniki zoqeqesho

Isibonelelo seemeko ezithile: Ukuthabatha inxaxheba kwesininzi soLuntu kwiSiyadlala				
	Isalathisi soMsebenzi	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15	Okona kuphunyeziweyo 2014/15	Izimvo ngokunxaxha
	ekuhlaleni			ezangezelelweyo ezazingadingi nkxaso-mali zaququzelelwa.
1.7	Inani lamaziko axhaswa ngezixhobo kunye/okanye nezinxibo	16	16	-

Isibonelelo seemeko ezithile: Inkqubo yokuthatha inxaxheba kwesininzi kwezeMidlalo eziKolweni				
	Isalathisi soMsebenzi	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15	Okona kuphunyeziweyo 2014/15	Izimvo ngokunxaxha
1.1	Inani labafundi elixhaswa ukuba bathabathe inxaxheba kukhuphiswano lwezikolo lwesizwe	620	961	I-SRSA yangeze iikhowudi, ezizezi, aquatics, cross country, kgati ne-khokho.
1.2	Inani labafundi abathabatha inxaxheba kwiitumente zemidlalo yesikolo kwinqanaba lephondo	1 240	1 266	Ngenxa yeekhowudi ezangezelelweyo, abathabathi-nxaxheba abangaphezulu zarekhodwa phantsi komqondiso.
1.3	Inani labafundi abathatha inxaxheba kwiitumente zezeMidlalo eZikolweni kumgangatho wesithili	4 960	4 977	Ngenxa yeekhowudi ezangezelelweyo, abathabathi-nxaxheba abangaphezulu zarekhodwa phantsi komqondiso.
1.4	Inani lootitshala/abancedisi kwezemidlalo abaqeqeshelwe ukunikezela ngenkqubo yezeMidlalo eziKolweni	480	486	Njengoko uhlobo lokuvolontiya lomsebenzi oluvumela ulwamkelo lwabazimasi abangaphezulu.
1.5	Inani lootitshala/abancedisi kwezemidlalo abaqeqeshelwe ukunikezela ngenkqubo yezeMidlalo eZikolweni	513	513	-
1.6	Inani lezikolo ezijongene nezemidlalo ezifumana inkxaso	2	2	-
1.7	Inani labaququzeleli bezeMidlalo eZikolweni abafumana isibonelelo	15	15	-
1.8	Inani lemibutho yezeMidlalo eZikolweni efumana inkxaso-mali	15	15	-
1.9	Inani lamacandelo ekhowudi yemidlalo yesikolo kwisithili ifumana inkxaso	80	104	Amacandelo angezelelweyo ekhowudi yesiThili ngenxa yokwanda kwisizwe

Isibonelelo seemeko ezithile: Inkqubo yokuthatha inxaxheba kwesininzi kwezeMidlalo eziKolweni				
	Isalathisi soMsebenzi	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo 2014/15	Okona kuphunyeziweyo 2014/15	Izimvo ngokunxaxha
				kweekhowudi.

Kunyaka-mali wama-2014/15 iSebe lifumene isabelo esichongiweyo esibekwe phambili ukulungiselela inkqubo yokuThatyathwa kweNxaxheba siSininzi soLuntu, amathuba nelungelo lokufumana, uPhuhliso nokukhula (MOD) ukuxhasa ulutsha kwimisebenzi yasemva kokuphuma kwesikolo neMidlalo ngokusetyenziswa kwenkxaso-mali yeGBS esisixa-mali esizizigidi ezingama-R36. Uhlahlo lwabiwo-mali nenkcitho enxulumene nenkxaso-mali yeGBS ibhengezwe njengeNkxaso yoNcedo kwiCandelo E sale ngxelo esixa-mali sachithwa ngokupheleleyo.

7. liNgxowa-mali zomnikelo

Akufunyenwanga zingxowa-mali zomnikelo kunyaka ophantsi kovavanyo.

8. Utyalo-mali lweZakhiwo

8.1. Utyalo-mali lwezakhiwo, ugcino, nesicwangciso solawulo lwempahla

Alukho.

Icandelo

C

ULAWULO

1. Intshayelelo

Ulawulo, uLawulo loMngcipheko, uHambelwano ziintsika ezintathu ezithi zisebenze kunye ngenjongo yokuqinisekisa into yokokuba iSebe lihlangabezane neenjongo zalo. Uhambelwano nemigaqo-nkqubo neenkqubo zeSebe, imithetho nemimiselo, ulawulo oluqinileyo nolufanelekileyo luthathwa njengokubalulekileyo kwimpumelelo yeSebe.

Eli candelo lunikezela ngovavanyo yoLawulo olwandeliswe kwiSebe.

2. ULawulo lomngcipheko

IGosa eliNika iNgxelo (AO) leSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lithabatha uxanduva lokumilisela uLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko seCandelo leSizwe loLawulo-mali (PSRMF), kunye neCandelo loLawulo loMngcipheko weShishini (D:ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DotP) linikela ngenkonzo yeqhinga ekwindawo esembindini kwiSebe.

Ukuhambelana nesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko weShishini weCandelo likaRhulumente iCandelo leSizwe loLawulo-mali (PSRMF) nokumilisela ngakumbi isilawulo somngcipheko kwiSebe, uRhulumente weNtshona Koloni (WCG) wamkele uMgaqo-nkqubo we-ERM ethe thaca injongo epheleleyo yeWCG ngokubhekiselele kwiERM. ISebe lamkele iQhinga leERM, elivunywe liGosa elinika iNgxelo ngomhla we-17 kweyeKhala 2014, kunye nesiCwangciso soMiliselo seERM, elivunywe liGosa eliNika iNgxelo ngomhla wesi-8 kuCanzibe 2014. IsiCwangciso soMiliselo seERM sinceda umgaqo-nkqubo weWCG weERM kunye neQhinga leERM lesebe ze sichaze indima noxanduva lolawulo nabasebenzi ekulawulo lomngcipheko omiliselweyo kwisebe.

ISebe livavanye iingozi ezibonakalayo ezingathi zibe nempembelelo yeenjongo zalo, ezeqhinga nemingcipheko yenkqubo, rhoqo ngekota. Imingcipheko yahlelwa ngokubaluleka okusekwe kokunokwenzeka nempembelelo (ohamba kunye okanye ngokwahlukana) yaye unciphiso olwangezelelweyo ekuvunyelwene ngako ukunciphisa imingcipheko ukuze iyo kutsho kumanqanaba awamkelekileyo. Imingcipheko emitsha/evelayo ichongiwe ngethuba leenkqubo zovavanyo lwarhoqo ngekota.

ISebe liseke iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO) ukuba incedise iGosa eliNika iNgxelo ekumiliseleni uxanduva lwalo olunxulumene nolawulo lomngcipheko. IKomiti isebenza phantsi kwale Miqathango yokuJolisa evunywe liGosa eliNika iNgxelo ngomhla we-17 kweyeKhala 2014. I ERMCO yalivuma iqhinga kunye neerejista zomngcipheko wenkqubo wenkqubo ze yacebisa intshukumo engaphezulu apho kufanelekileyo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inikezele ngolongamelo oluzimeleyo lwenkqubo yeSebe yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikwa iingxelo zenkqubela phambili zeERM zarhoqo ngekota kunye nobume bomngcipheko wesebe neerejista ukumilisela indima yayo yolongamelo oluzimeleyo. Uvavanyo lweKomiti yoPhicotho-zincwadi lwenkqubo yolawulo lomngcipheko uhambelane nenkqubela phambili yomiliselo lwesiCwangciso soMiliselo lweERM yoNyaka yeSebe kunye nemingcipheko yeqhinga ejamelene neSebe kunye namaqhinga okusabela/onyango kumngcipheko walo ofanelekileyo.

ISebe linakho ukulawula imingcipheko echongiweyo kwiNkqubo 2 ekwikhono lalo. Nangona kunjalo, ukhuseleko kumaziko elifa lemveli nawenkcubeko lusasele luyinkxalabo nangona kukho imiqathango ebekiweyo, ethi iginye isixa esikhulu sezibonelelo. Ukwanda okubonakalayo kuhlahlo lwabiwo-mali loMnikelo woXhomekeko olulungiselelwe owama-2015/16 kuncede ukuphungula umngcipheko wezigunyaziso ezingaxhaswanga ngemali zeenkonzo yethala leencwadi. Nangona imingeni ihleli ikho kummandla kamasipala omkhulu. INkqubo 4 ichonge imingcipheko ze yamisela iintshukumo ezahlukeneyo ukunciphisa iingozi ezichongiweyo ze ngoko imingcipheko ayabinakho ukuchaphazela kakubi ukunikezelwa kwenkonzo.

3. UBuqhopholo noRhwaphilizo

URhulumente weNtshona Koloni wamkele isicwangciso sokulwa urhwaphilizo esiqinisekisa ukungamelani kwaphela nobuqhopholo norhwaphilizo.

I-DCAS isivumile isiCwangciso sokuThintela ubuqhopholo nesiCwangciso sokuPhumeza ukuThintelwa kobuqhopholo. Iindlela ezahlukeneyo zokuxela ubuqhopholo norhwaphilizo zisekiwe. Ezi zichazwa kakuhle kwisicwangciso sePhondo sokulwa urhwaphilizo nesiCwangciso sokuThintela ubuqhopholo kwiPhondo. Isityholo ngasinye esifunyenwe liCandelo loPhando siyashicilelwa kwiNkqubo yabo yoLawulo lwamatyala esisetyenziswa njengesixhobo solawulo ukuchaza ngenkqubela eyenziweyo ngamatyala anxulumene neSebe nokujonga amanani malunga noku. I-DCAS iyabakhusela abasebenzi abaxela urhwaphilizo abalukrokrelayo, urhwaphilizo nobusela ukuba lowo uchaze oko ngumntu onokukhuselwa (umz. akakwenzi oko ngenxa yentiyo). Nabani na ofuna ukuchaza izenzo zobuqhopholo, zobusela nezorhwaphilizo akufuneki aziwe. Ukuba abachazi bezi zenzo benza ezo zityholo ngomntu, amagama aba aza kuba yimfihlo angaziwa nguloo mntu uxeliweyo.

Ukuba izityholo zobuqhopholo okanye zorhwaphilizo ziqinisekiswe emva kophando, namphi na umsebenzi othathe inxaxheba kwezo zenzo uza kolulekwa. Kwiimeko ezinjalo, abameli beWCG baza kwenza iinkqubo zokululekwa ezifunekayo ukuze agxothwe loo msebenzi uchaphazelekayo. Xa kufunyaniswa ubungqina, umba wolwaphulo-mthetho uza kusiwa kwiNkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika.

Kwisithuba salo nyaka-mali, uphando lwemiba emithathu lwaqukunjelwa yiPFS ngeli thuba imiba emithathu yadluliselwa kwiSebe ukulungiselela uphando lwangaphakathi. Akukho nalunye uphando kolwesele lwenziwe oluqinisekisa uRhwaphilizo kunye/okanye uBuqhopholo. Olunye uphando luqinisekise intlawulo egwenxa nemiba yokungaHambelani ngeli thuba ingamathuba amabini kuphela ekwafuneka uphando lokuqala yaye olu phando lwangaphambili aluzange luqinisekise isityholo soRhwaphilizo, uBusela okanye uBuqhopholo. Ekupheleni konyaka-mali, akukho micimbi iseleyo kuluhlu lwamatyala eSebe.

4. Ukunciphisa ukuba nedolo

Onke amalungu enkonzo zabaLawuli abaPhezulu (SMS) kulindeleke angenise okwazisa ngeemali zabo zonyaka apho zisuka khona ukuqinisekisa ukuba akukho dolo kumsebenzi weSebe. Ukongeza, bonke abasebenzi abasebenza kwisigqeba sokhetho kufuneka bachaze nabo oko ukuqinisekisa ukuba akukho dolo malunga nabagqatswa abafake izicelo ngezithuba ezipapashiweyo. Ukuba kukho idolo kwilungu lesigqeba, kuza kufuneka arhoxe kuloo nkqubo. Amalungu eKomiti yokuBizwa kwamaxabiso kwafuneka asayine isibhengezo somdla xa kuvavanywa yaye kuchotshelwa uhlolo lwamaxabiso.

5. Indlela yokuziphatha

Indlela yokuziphatha inikwa bonke abasebenzi rhoqo ngonyaka. Iiseshini zeenkcukacha zenziwe ukuxoxa ngokuqulathwe kwindlela yokuziphatha kwaye kufuneka iphunyezwe njani. Ukongeza, incwadi yengcaciso yeKhomishini yezaBasebenzi bakaRhulumente ngokuphunyezwa kwendlela yokuziphatha inikwe abasebenzi.

6. Iimeko zokhuseleko lweMpilo nokusingqongileyo

Imiba yempilo nokhuseleko iqwalaselwa rhoqo. Uhlolo lwarhoqo ngenyanga lwenziwa kuNdlunkulu nophicotho zincwadi lonyaka lwenziwa kuzo zonke ezinye ii-ofisi zeDCAS. Izicwangciso zezehlo ezingalindelekanga nezicwangciso zokuqhubeka komsebenzi ziye zahlolwa kwaye imigaqo yokufunyanwa kwezinto zesebe ze-ICT zifakiwe kwisiCwangciso sokuQhubeka noMsebenzi kuNdlunkulu. Amagosa okhuselo, abajongene nokwenzekayo kumgangatho ngamnye naboncedo lokuqala baye bachongwa kuzo zonke ii-ofisi.

Ukuqeqeshwa ngemakwenziwe xa kutshayo rhoqo ngonyaka kwenziwa kwii-ofisi ezikumbindi wesiXeko saseKapa ngentsebenziswano neSebe loKhuseleko loLuntu neSebe loKhuseleko nolawulo lokusemngciphekweni lweeNtlekele kwisiXeko saseKapa esihlola sinike uluvo ngazo zonke iinkqubo ezenziwayo.

Iintlanganiso zekota kwimpilo nokhuseleko emsebenzini zibanjwa namagosa aphezulu kulawulo ukuxoxa ngemiba yempilo, yokhuseleko neyokusingqongileyo.

I-DCAS inenkqubo yolawulo lwenkukuma apho amaphepha alahlwayo isabiwa ilahlwe rhoqo ngenyanga.

Isalathisi sokhuselo senziwe seSebe ukufumanisa nokuhlola ukusebenza kweenkcukacha, imiqathango yokhuseleko lomntu nokuphunyezwa koMthetho wempilo nokhuseleko emsebenzini (OHS), ka-1993 (UMthetho wama-93 ka-1993). Isalathisi sokhuselo siquka isalathisi se-OHS, esiqwalasela ekuphunyezweni koMthetho weMpilo nokhuseleko emsebenzini, nesalathisi sokhuselo esiqwalasela ekuphunyezweni kwemigangatho elindelekileyo yokhuseleko emzimbeni (MPSS) nemigangatho elindelekileyo kwezokhuseleko (MISS).

UMlawuli wezoKhuseleko uchongiwe kwiSebe kwaye iintlanganiso zarhoqo ngenyanga ziza kubanjwa phakathi koMlawulo wezoKhuseleko kwiDCAS noMcebisi wezoKhuseleko kwiSebe ukuze kuxoxwe kujongwane nemiba yokhuselo nokhuseleko kwiDCAS.

7. liKomiti zeziKhundla

Umhla weNtlanganiso	Isihloko
2014	
25 kweyeSilimela	Intlanganiso yokwazisa yeSebe
6 kweyeThupha	Utyelelo lokoNgamela leNkonzo yooVimba neeRekhodi yeWC – inikezelwe nguNksk. Dingayo
27 kweyeThupha	ISebe lithe thaca iAPP yalo 2014/2015
3 kweyoMsintsi	ISebe linikele kwiNkqubo yalo yeMOD *ISebe lalimelwe ngokunjalo ngeveki yotyelelo lweNCOP kwisikolo samabanga aseSekondari iVredendal (phakathi komhla wesi-9 ukuya kumhla we-11 kweyoMsintsi)
4 kweyeNkanga	ISebe linikezele ngeNgxelo yalo yoNyaka
13 kweyeNkanga	ISebe limelwe yaye linikezele ngoncedo lokulungiselela umsitho wokusingatha iWP Rugby Currie Cup Champions (Mnu. Paulse weDCAS obandakanyekayo kuluhlu lweendwendwe neenkcukacha zoqhaghamshelwano zeendwendwe ezibalulekileyo)
19 kweyeNkanga	ISebe lamenyelwa kwiindibano zengcaciso yimibutho emininzi yemidlalo (WADA, SAIDS, SA Rugby Legends, Pool Billiards SA, status update by Blind Cricket World Cup committee)
25 kweyeNkanga	Ulungelelwaniso
2015	
18 kweyoMdumba	Yayiboniswe ISebe lithe thaca iiQPR zalo zesibini nezesithathu (Ndicinga iQPR yokuqala nokuthiwe thaca)
25 kweyoMdumba	(Olungaxelwanga) Utyelelo lokongamela kwiCape Medical Myuziyam
10 kweyoKwindla	Uhlahlo lwabiwo-mali

8. Izisombululo zeSCOPA

Akukho ziSombululo zeSCOPA eziphunyeziweyo ezilungiselelwe iSebe kulungiselelwa isithuba sokunikwa kwengxelo. Ingcaciso efunwe yiKomiti eSigxina neSCOPA yazinikwa njengoko naxa zifuneka.

9. Utshintsho lwangaphambili kwiingxelo zophicotho-zincwadi

Alukho.

10. UCandelo lolawulo lwangaphakathi

Luxanduva lweGosa eliNika ingxelo ukuqhubeka lihlola livavanya ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekileyo kwaye ayinazinto zifihllwayo kwaye iyaphuculwa apho kuyimfuneko. Ukuphumeza oku, iintlanganiso zolawulo oluphambili lwekota ziyabanjwa nomphicothi zincwadi Jikelele, nabalawuli benkqubo noMphathiswa wePhondo. Le yinkqubo eqhubekayo ukuqinisekisa ukuba iDCAS iyaqhubeka ukufumana uphicotho zincwadi olungenaziphene.

11. Iikomiti zophicotho-zincwadi lwangaphakathi neyophicotho-zincwadi

Uphicotho zincwadi lwangaphakathi lunika abalawuli isiqinisekiso esizimeleyo nesineenjongo neenkonzo zokufumana iingcebiso ukuphucula imisebenzi yeDCAS. Kufuneka luncede iSebe ukufezekisa iinjongo zalo ngokuza nendlela elungeleleneyo nesebenzayo yokuhlola nokuphucula impumelelo yolawulo, ulawulo lokusemngciphekweni neenkqubo zolawulo. Yenza le misebenzi iphambili elandelayo:

Ukuhlola nokwenza izindululo ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo zolawulo ukuphumeza iinjongo zeSebe

Ukuvavanya ukufaneleka nokusebenza negalelo lokuphucula iinkqubo zokulawulwa kokusemngciphekweni;

Ukuncedisa iGosa eliNika ingxelo ligcine ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukuqinisekisa ukufaneleka nokusebenza kwalo, nokuphuhlisa iingcebiso zokuphucula oko.

Uqhagamshelwano oluqinisekisiweyo olulandelayo lwamkelwa kwisiCwangciso soPhicotho-zicwandi saNgaphakathi sowama-2014/15:

- Ukubekwa kweliso kohambelwano
- Ukubekwa kweliso noKhuselo lweeNdawo zeLifa leMveli
- Uphicotho-zincwadi lweNkqubo zeNgcaciso: SLIMS & PASTEL
- Ukumiliselwa koMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni
- Intlawulo eziKhutshelweyo

Ikomiti yophicotho zincwadi igcwangciselwe ibhodi eza kongamela, ebonelela ngolongamelo oluzimeleyo kulawulo nakwiinkqubo zolawulo kwiSebe, kuquka ulongamelo noxanduva olunxulumene:

- Umsebenzi wophicotho zincwadi lwangaphakathi;

- Umsebenzi wophicotho zincwadi lwangaphandle (Umphicothi zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika);
- Ukucwangciswa nokunika iingxelo ngeSebe;
- Imigaqo-nkqubo yokunika ingxelo yeSebe;
- Ukuphengululwa kolawulo lwe-AGSA neengxelo zophicotho zimali;
- Ukuphengululwa kohlolo lwasenyakeni lwesebe;
- Ulawulo lokusemngciphekweni kwiSebe;
- Ulawulo lwangaphakathi;
- Injongo eqinisekiswe kwangaphambili; kunye
- NeeNdlela zokuziphatha nophando lwezeMfuzo.

Itheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngamalungu ekomiti yoPhicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso	Olwa-ngapha-kathi okanye olwa-ngapha-ndle	Ukuba lolwanga-phakathi, isikhundla kwiSebe	Umhla woku-qeshwa	Umhla woku-rhoxa	Inani lee-Ntlanga-niso azizi-masileyo
Mnu. Ronnie Kingwill	BCom, CTA, CA(SA)	Olwa-ngapha-ndle	N/A	01 kweyoMqu ngu 2013	N/A	8
Mnu. Mervyn Burton	B Compt; B Compt (Hons); CA(SA)	Olwa-ngapha-ndle	N/A	01 kweyoMqu ng2012 01 kweyoMqu ng 2015 (2nd term)	N/A	8
Nksk. Judy Gunther	BCompt , Masters in Cost Accounting, CIA; AGA; CRMA	Olwa-ngapha-ndle	N/A	01 kweyoMqu ng 2013	N/A	8
Mnu. Louw van der Merwe	CA(SA); ACMA; CIA; CISA; CRMA	Olwa-ngapha-ndle	N/A	01 kweyoMqu ng 2013	N/A	8
Mnu. Francois Barnard	BProc, BCompt (Honours); Postgrad Diploma in Auditing; MComm (Tax); CA(SA)	Olwa-ngapha-ndle	N/A	01 kweyoMqu ng2013	N/A	5

12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Siyavuya ukubeka ingxelo yethu yonyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2015.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

Iingxelo zeKomiti yoPhicotho zoncwadi eziye zahambelana noxanduva lwayo zisuka kwicandelo 38(1)(*a*)(ii) lomthetho wokuLawulwa kweeMali zikaRhulumente, ka-1999 noMgaqo kaNondyebo 3.1.13. Ikomiti yoPhicotho zincwadi ikwanika ingxelo zokuba yamkele imigaqo esesikweni efanelekileyo kwisalathisi (kuMqulu yawo weKomiti yoPhicotho zincwadi), ukulawula imicimbi yayo yokuhambelana noMqulu kwaye iye yalucacisa uxanduva lwayo, ngaphandle kokuba ayikaluhloli utshintsho lwemigaqo-nkqubo neyeenkqubo zayo.

Impumelelo yoLawulo lwangaphakathi

Uhlolo lwethu loko kufunyaniswe kumsebenzi woPhicotho zincwadi lwangaphakathi, ebelubhekisele kuhlolo lokusemngciphekweni olwenziwe liSebe, lubonakalise ezinye izinto ezibuthathaka ekuye kwaboniswana ngazo neSebe.

Uqhagamshelwano oluqinisekisiweyo olulandelayo lwamkelwa kwisiCwangciso soPhicotho-zicwandi saNgaphakathi sowama-2014/15:

- Ukubekwa kweliso kohambelwano
- Ukubekwa kweliso noKhuselo lweeNdawo zeLifa leMveli
- Uphicotho-zincwadi lweNkqubo zeNgcaciso: SLIMS & PASTEL
- Ukumiliselwa koMgaqo-nkqubo woLwimi weNtshona Koloni
- Intlawulo eziKhutshelweyo

Isicwangciso sophicotho-zincwadi sangaphakathi saqukunjelwa silungiselelwa unyaka.

Imimandla yokuphuculwa, njengoko ichaziwe luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi wabo, yavunywa ngaBalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yaqhubeka ibeka iliso kumiliselo lweentshukumo ekuvunyelwene ngazo ngokuqhubekayo.

ULawulo lwaseNyakeni kunye neNgxelo yarhoqo ngeNyanga/neKota

ISebe linike ingxelo yarhoqo ngenyanga nangekota kwiCandelo loLawulo-mali njengoko idingwa yiPFMA.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavenyile yaye yaneliseka kokuqulathiweyo nokulunga kweengxelo zarhoqo ngekota zimali nendlela yokusebenza eziqulunqwe zaze zakhutshwa liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngethuba lalo nyaka uphantsi kovavanyo.

UkuVavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- izivavanyile ze yazixoxa iingxelo zemali zonyaka eziphicothiweyo njengoko zithiwe thaca kwingxelo yemali, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele neGosa eliNika iNgxelo;
- iyivavanyile ingxelo yolawulo yoMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neempendulo zabalawuli apho;

- iziqwalasele iinguqu kwimigaqo-nkqubo neendlela zokunikwa kwengxelo ze apho kufanelekileyo, kwanikwa ingxelo ngazo kwiingxelo zemali zonyaka;
- izivavanyile iinkqubo zeSebe ukuqinisekisa ngento yokokuba iyahambelana nezibonelelo ezisemthethweni nezilawulayo;
- iyivavanyile ingcaciso kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko zixeliwe kwingxelo yonyaka;
- ilivavanyile ulungelelwaniso lwemathiriyeli oluvela kuphicotho-zincwadi zeSebe (apho kufanelekileyo);
- izivavanyile iingxelo zethutyana zemali njengoko zithiwe thaca liSebe isithuba seenyanga ezintandathu esiphela ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2014.

Uphicotho-zincwadi lwaNgaphakathi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlala iyinkxalabo malunga nokwanela kwezibonelelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi ukuqinisekisa ngokuqwalaselwa ngokupheleleyo kwemimandla yomngcipheko omkhulu.

Indlela yengqinisekiso ehlanganisiweyo iya kuqhubeka isetyenziswa kwizibonelelo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi eziminyiweyo ezijolise ngqo kuninzi lwemimandla yomngcipheko efanelekileyo.

ULawulo loMngcipheko

ISebe lithabathe uxanduva nobunini ukulungiselela ukumiliselwa kwemethodi yoLawulo loMngcipheko yoShishino ngokubanzi (ERM) yaye umsebenzi kunye nenkqubo ivavanyiwe rhoqo ngekota yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele

Sisivavanyile isicwangciso somiliselo sesebe semiba yophicotho-zincwadi eziphakanyisiweyo kunyaka ongaphambili yaye sanelisekile yinto yokuba imiba iqwalaselwe njengoko kunikwe ingxelo nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene noMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neSebe ukuqinisekisa ngento yokuba akukho miba ingasonjululwanga evela kuphicotho-zincwadi olulawulayo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyangqinelana yaye iyazamkela izigqibo zoMphicothi-zincwadi Jikelele kwiingxelo zonyaka zemali yaye inembono yokokuba iingxelo zemali zonyaka eziphicothiweyo mazamkelwe yaye zifundwe kunye nengxelo evela kuMphicothi-zincwadi Jikelele.

Umcomo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ithanda ukubulela kuBalawuli beSebe, kuMphicothi-zincwadi Jikelele neSebe leNgqinisekiso yamaQumrhu amanyeneyo ngentsebenziswano nengcaciso athe ayinika ukuyinceda ukuba iqulunqe le ngxelo.

Ronnie Kingwill

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi yoBumbano lweNtlalo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo: URhulumente weNtshona Koloni

UMhla: 11 kweyeThupha 2015

ICandelo D

ULAWULO LWEZABASEBENZI

1. Umthetho olawula uLawulo lwezaBasebenzi

linkcukacha ezibonelelwa kwesi sigaba zilungiselelwe ngokweMigaqo yeNkonzo kaRhulumente (Isahluko soku-1, iSigaba se-III J.3 nese-J.4).

Ukongeza kuleMigaqo yenkonzo kaRhulumente, ka-2001 (njengoko ihlonyelwe ngowama-30 kweyeKhala ngowe-2012), okumiselweyo okuchazwe ngezantsi luLawulo lwezaBasebenzi kwiNkonzo kaRhulumente:

- **UMthetho i-Occupational Health and Safety Act (85 ka-1993)**

  Ukubonelela ngezempilo nokhuseleko lwabantu besemsebenzini nempilo nokhuseleko lwabantu ngokunxulumene nokusetyenziswa kwezixhobo noomatshini; ukukhuselwa kwabantu ngaphandle kwabantu abasemsebenzini kwiingxaki zempilo nezokhuseleko ezikhokelwa okanye ezinxulumene nemisebenzi yabantu abasemsebenzini; ukuseka ibhunga elinika iingcebiso malunga nempilo nokhuseleko lwabasebenzi; nokubonelela kwimiba enxulumene noko.

- **UMthetho iPublic Service Act 1994, njengoko wenziwe izilungiso nguMthetho (30 ka-2007)**

  Ukubonelela ngolungiselelo nolawulo lweNkonzo kaRhulumente weRiphabliki, ulawulo lweemeko zengqesho, ixesha usesikhundleni, ululeko, umhlala-phantsi nokukhululwa kwabasebenzi bakarhulumente, nemiba enxulumene noko.

- **UMthetho iLabour Relations Act (66 ka-1995)**

  Ukulawula nokunika isikhokelo kumqeshi nokuzalisekisa indima yakhe yokufezekisa uxolo kubasebenzi nokwenza umsebenzi ulungele intando yesininzi.

- **UMthetho iBasic Conditions of Employment Act (75 ka-1997)**

  Ukuphumeza ilungelo lezenzo ezinobulungisa emsebenzini ezichazwe kwicandelo lama-23(1) kuMgaqo-siseko ngokuseka nokwenza amalungiselelo okulawula iimeko ezisisiseko kwezengqesho; nokuhambelana nezibophelelo zeRiphabliki njengorhulumente olilungu leNtlangano yezabaSebenzi kumazwe ngamazwe; nokubonelela kwiimeko ezinxulumene noko.

- **UMthetho iSkills Development Act (97 ka-1998)**

  Ukubonelela ngesakhelo seziko ukuzama nokuphumeza izicwangciso zesizwe, zecandelo nezasemsebenzini ukuphuhlisa nokuphucula izakhono zabasebenzi eMzantsi Afrika; ukuhlanganisa ezi zicwangciso kwiSakhelo seziQinisekiso zeSizwe ezibonakaliswa kuMthetho iSouth African Qualifications Authority Act, ka-1995; ukubonelela ngeelearnership ezikhokelela kwiziqinisekiso zomsebenzi eziqinisekisiweyo; ukubonelela ngemali yokuphuhliswa kwezakhono ngokwendlela yoncedo lwezibonelelo zemali yemirhumo neNgxowa-mali yezaKhono kwiSizwe;

ukubonelela nokulawula iinkonzo zengqeshonokubonelela kwiimeko ezinxulumene noko.

- **UMthetho i-Employment Equity Act (55 ka-1998)**

  Ukukhuthaza ukulingana, ukususa ucalulo olungenabulungisa emsebenzini nokuqinisekisa ngokuphunyezwa kwemiqathango ejongene nokulingana kwezengqesho ukujongana neziphumo zocalucalulo; ukuphumeza ukumelwa koluntu ngokubanzi emsebenzini ngokweendidi ezahlukeneyo nangempumelelo bemele abantu abakwiphondo ngokubanzi.

- **UMthetho iPublic Finance Management Act (1 ka-1999,)**

  Ukulawula ulawulo lwezemali kurhulumente wesizwe nakoorhulumente bamaphondo; ukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, ii-asethi neemfanelo zabo rhulumente zilawulwa ngokufanelekileyo nangempumelelo; ukubonelela ngoxanduva lwabantu abathenjiweyo kulawulo lwezemali kwabo rhulumente nokubonelela kwiimeko ezinxulumene noko.

- **UMthetho iSkills Development Levy Act (9 ka-1999)**

  Ukubonelela nabaphi na abasebenzi abakwinkonzo karhulumente kwinkalo yesizwe neyephondo kuRhulumente ukuba bangahlawuli mali yokuphuhliswa kwezakhono; nezinye iimali ezinxulumene noko.

- **UMthetho iPromotion of Access to Information Act (2 wama-2000)**

  Ukuphumeza ilungelo lomgaqo-siseko wokufumaneka kwazo naziphi na iinkcukacha zikaRhulumente nazo naziphi na iinkcukacha ezifumaneka kwabanye abantu nezifunekayo ukukhusela nawaphi na amalungelo nokubonelela kwiimeko ezinxulumene noko.

- **UMthetho iPromotion of Administrative Justice Act (PAJA) (3 wama-2000)**

  Ukuphumeza ilungelo kwezolawulo elisemthethweni, elifanelekileyo nelinobulungisa nelungelo lokubhalwa kwezizathu zeentshukumo zolawulo njengoko zibekiwe kwicandelo lama-33 kuMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika, ka-1996; nokubonelela ngemiba enxulumene noko.

2. Intshayelelo

Ixabiso laBasebenzi kwiSebe

Abantu bethu ngabona banegalelo kwimpumelelo yeSebe nakwimpumelelo yoRhulumente weNtshona Koloni.Ukugqwesa komsebenzi kuxhomekeke ekuphileni kwesebe lethu nakubantu balo. Yiloo nto:

- sibaxabisa abantu abasebenza ngentembeko naba sizibandakanyayo, abakhathalayo, abanezakhono, abakwazi ukuphendula nokwenza ngokweemfuno zabantu;
- sikubona ukulawulwa kwabantu njengoxanduva lomntu wonke;
- abantu bethu baphathwe ngokwemithetho-siseko yesidima, intlonelo, ukungafihlisi zenziwe elubala izinto nangendlela enokulingana;
- sibakhulise, sibaphuhlise, sibaxhobise kwaye sibenze abantu bethu bafikelele kwaye basebenzise ngokupheleleyo amandla abanawo;
- sikhuthaze ubukho beentlobo ngeentlobo kwaye bayihlonele inkcubeko yomnye nomnye, ukuba abantu abafani, iilwimi zabo, iindlela abaphila ngazo noko bakholelwa kuko.

Amagqabantshintshi ngemiba yezeHR kwiSebe

Abasebenzi ngabo abaphambili ekuphumezeni iinjongo ezicwangcisiweyo zeSebe. Ngoko ke iinjongo ezicwangcisiweyo ngezabasebenzi kukuqinisekisa ukuba iSebe linabantu abafanelekileyo, abanezakhono ezifanelekileyo kwaye bakwindawo efanelekileyo ngexesha elifanelekileyo ngawo onke amaxesha. Umjikelo wesicwangciso-qhinga seSebe silandela inkqubo yesicwangciso se-HR apho inkqubo yokugqibela, phakathi kwezinye izinto, inxulumene nokuphuhliswa kwezakhono kwisebe, ukufunyanwa kwabasebenzi, ukugcinwa kwabo nezicwangciso zokwenza umsebenzi ibe ngummandla ofanelekileyo.

Isicwangciso se-HR senziwe saphunyezwa ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi ngo-2013 ukuya kowama-31 kweyoKwindla ngo-2018. Isicwangciso seHR siye saphononongwa ukuqinisekisa ukuba ingaba iinjongo ezicwangcisiweyo ngezabasebenzi zisasebenza kwaye zisajongene nezinto eziphambili ngezabasebenzi kwisebe. Iingxelo ngenkqubela ezinikezelwa kabini ngonyaka ziye zahlola ukuphunyezwa kwemisebenzi ephambili ekwisiCwangciso seHR kwaye ziye zangeniswa kwiDPSA njengoko bekuyalelwe.

Ukucwangciswa kwabasebenzi kungachazwa njengenkqubo ebabandakanyayo nekhuthazayo equka ukuchazwa kweemfuno ezikhoyo nezexesha elizayo zabasebenzi nemingeni enokubakho ukuze iSebe likwazi ukusoloko liphumeza iinjongo zalo ezicwangcisiweyo zesebe.

Ukubeka izinto eziphambili ku-HR kunyaka ekunikwa ingxelo yawo neempembelelo zezo zinto ziphambili

Emva kokuhlolwa kwengxelo ekhoyo yabasebenzi neemfuno zexesha elizayo, ezi zinto ziphambili zakwaHR ziye zafunyaniswa:

NO.	OKUPHAMBILI KWI-HR	IMPEMBELELO
1	UkuFunwa nokuKhethwa kwaBasebenzi	ISebe linabasebenzi abanezakhono ezifunwayo abakuqondayo okuphambili kwisebe.
2	UQeqesho noPhuhliso	Abasebenzi abanezakhono efunekayo abakhoyo ukuba bathathelwe ingqalelo ukuvala izithuba ezingenabantu.
3	Isicwangciso sokuqeqeshwa kwabangena ezihlangwini zabanye nophuhliso lwezakhono	Kusetyenzise isicwangciso sokungena ezihlangwini zabanye ukuqinisekisa ukuqhuba kwempumelelo yesebe.
4	Ukulingana ngokwengqesho noLawulo lweendidi ezahlukeneyo zabantu	Abasebenzi abanezakhono ezahlukeneyo namathuba alinganayo kubo bonke.
5	Ukugcina abasebenzi abarhwetywa zezinye iindawo	Ukunyuka kwezinga lezakhono/ ukucutha ukumka kwabasebenzi ngaphandle kwelahleko yezakhono emandla.

Isakhelo sesicwangciso sabasebenzi nezicwangciso eziphambili zokutsala umdla nokufumana abasebenzi abanezakhono nabafanelekileyo

Ngaphandle kwabasebenzi kwiSebe asinokwazi ukunikezela ngenkonzo efanelekileyo kwaye ngaphandle kohlahlo-mali olufanelekileyo, nabo abanokwazi ukufumana, baphuhlise kwaye bagcine abasebenzi abafunekayo ukunikezela iinkonzo ezizizo.

Imingeni ejongene nayo iSebe iye yafunyaniswa. Le mingeni iye yaqwalaselwa ngokufumanisa imisebenzi ephambili eye yahlanganiswa kwisicwangciso sokusebenza.

Oku kulandelayo yeminye imisebenzi ephambili ebekiweyo kwisicwangciso sokusebenza:

Okuphambili	Imisebenzi engundoqo
1	• Ukucutha iZinga leZithuba liye kwi-10% ngokwethagethi yeDPSA • Ukucutha ixesha elithathwayo ukuvala izithuba ukuba lingadluli kwiinyanga ezi-6 ngokwethagethi yeDPSA • Ukusebenzisa nokuphucula inkqubo yokufuna abasebenzi abanezakhono ngobuxhakaxhaka bekhompyutha • Ukucutha inani labasebenzi bethutyana ukuba babe ngaphantsi kwe-5% kwinani labasebenzi bebonke
2	• Ukusungula nokusebenzisa inkqubo yokukhankathela abasakhasayo noqeqesho • Ukubandakanya iinkalo zokufunda eziphambili kwinkqubo yokuchonga abafanelwe yinkxaso-mali yokufunda • Ukuqhuba inkqubo ephangeleleyo ye-On-Boarding Inkqubo kubasebenzi abatsha

Okuphambili	Imisebenzi engundoqo
	• Ukufeza ithagethi yesizwe edityanisiweyo engu-5% yabasebenzi abazii-Intern nabangaBafundi
3	• Ukucwangcisa ezoMhlala-phantsi nokuPhuma kwabasebenzi ukuqinisekisa ukuweliselwa kwezakhono nolwazi kwabo bangena ezihlangwini zabo, kugxilwe kwizithuba ezingundoqo neziphambili
4	• Ukuthobela iithagethi nezimiso eziphambili ze-EE, ngokweSicwangciso se-EE • Ukufeza nokugcina ithagethi yesize engama-50% njengelona nani lincinci labafazi kumanqanaba eSM • Ukufeza nokugcina ithagethi yesizwe e-2% njengenani eliphantsi lePwDs nokusebenzisa imigqaliselo yokulungiselela iimfuno zabo • Ukunyusa izinga lokutsala abasebenzi nokugcina iPwDs emiyo ngokusebenzisa iJob Access Strategic Framework yeDPSA nokusebenzisa iinkcukacha eziphangaleleyo zePwD
5	• Ukusungula iqhinga/isikhokelo sokugcina abasebenzi abanezakhono bangemki • Ukuqwalasela inkqubo yodliwano-ndlebe olwenziwa kubasebenzi abashiya isebe ukukhangela iindlela zokubagcina

Kulindeleke ukuba abalawuli besebe neZiko leeNkonzo eziHlanganisiweyo bathathe uxanduva kunye lokuqalisa umsebenzi ngokwezicwangciso, nokuthathela kubo ukunikezela ngeziphumo eziyimfuneko.

ISikhokelo sokuLawulwa koMsebenzi waBasebenzi

Enye yeentsika zeNkqubo yokuLawulwa koMsebenzi wabasebenzi zezona zinto ziphambili zifunekayo apho kufuneka bonke abasebenzi bazibophelele ekwenzeni oko kulindelekileyo kubo. Oko kulindelekileyo nemigangatho yomsebenzi olindelekileyo yomelezwa ngokwenkcazelo yomsebenzi, izivumelwano zomsebenzi, izicwangciso zoshishino kunye/okanye nesivumelwano somgangatho weenkonzo. Ukuwongwa nokunikwa amaqithiqithi anikezelwa kuphela xa uwenze ngokugqithisileyo umsebenzi ovuzelwa wona ngokomgangatho wawo nangokobungakanani bawo.

Abasebenzi abachongiweyo ukuba bafumane iibhonasi ngomsebenzi abawenzileyo bahlolwa ligqiza elimele oko, elivavanya ubungqina bomsebenzi wabaphezulu. Abasebenzi abangasebenzi ngendlela efanelekileyo, kwelinye icala kufuneka benze izinto ezichazwe kwisiCwangciso sokuPhucula uMsebenzi wabo. Oku kuhlolwa kakuhle ukuqinisekisa ukuba kuhanjelwana nemigangatho elindelekileyo neyamkelekileyo yokwenziwa komsebenzi.

Esi sikhokelo sikwajoliswe ekukhuthazeni indlela entle yokusebenza ekhuthaza iingxoxo ezisesikweni nezingekho sesikweni malunga nomgangatho womsebenzi, izenzo ezikhokelayo nokuphucuka kwabantu okuqhubekayo.

Le nkqubo imele inkqubo ejongene nokulingana, enobulungisa nevulelekileyo.Ngapha koko, inika isakhelo apho umsebenzi nomqeshi benokwazi ukuziqonda ngokulinganayo iinjongo noko kujoliswe kuko ukuqinisekisa ukuphunyezwa kwePSO 12, ukuba ngoyena rhulumente wengingqi olawulwa ngcono elizweni.

IMpilo-ntle yaBasebenzi

